



Western Cape
Government



ISebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho

INgxelo yoNyaka
2022/23

ISEBE LOPHUHLISO
LWEZOQOQOSHO
NOKHENKETHO

IPHONDO LENTSHONA KOLONI
IVOTI ENGUNOMBOLO 12

INgxelo yoNyaka

UNYAKA-MALI WAMA-2022/23

OKUQULATHIWEYO

ICANDELO A: INGCACISO NGOKUBANZI

1.	INGcaciso yeSebe ngokuBanzi	5
2.	Uluhlu lwezifinyezo/lwezishunqulelo	6
3.	INTshayelelo eyenziwa nguMphathiswa	7
4.	INGxelo yeGosa eliNika iNGxelo	11
5.	INGxelo yoXanduva nokuqinisekiswa kokuchaneka kwengxelo yonyaka	12
6.	Uvavanyo ngokubanzi lweqhinga	18
6.1	Umbono	19
6.2	Umnqophiso	19
6.3	Iinqobo ezisesikweni	19
7.	Izigunyaziso zowiso-mthetho nezinye izigunyaziso	20
8.	Ubume bombutho	28
9.	Amaqumrhu anika ingxelo kuMphathiswa	30

ICANDEL B: INGCACISO YOKUSEBENZA

1.	INGxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele: Iinjongo ezimiselwe kwangaphambili	33
2.	Uvavanyo ngokubanzi kokusebenza kwesebe	34
2.1	Ubume bokunikezelwa kwenkonzo	34
2.2	Isicwangciso sokuphuculwa kokunikezelwa kwenkonzo	34
2.3	Ubume bombutho	42
2.4	UPhuhliso luPhambili loMgaqo-nkqubo neeNguqu zoWiso-mthetho	42
3.	Inkqubela phambili ebhekiselele kukufezekiswa kweempembelelo zeziko neziphumo	43
4.	INGcaciso yokuSebenza kweNkqubo yeZiko	44
4.1	INKqubo 1: ULawulo	47
4.2	INKqubo 2: IiNkonzo eziHlangeneyo zoPhuhliso lwezoQoqosho	47
4.3	INKqubo 3: URhwebo noPhuhliso lweCandelo	56
4.4	INKqubo 4: ULawulo loShishino nokuPhathwa	68
4.5	INKqubo 5: UCwangciso loQoqosho	74
4.6	INKqubo 6: UKhenketho, uBugcisa nokoNwabisa	78
4.7	INKqubo 7: UPhuhliso lweZakhono neNguqulelo	91
5.	Iintlawulo ezikhutshelweyo	99
5.1	Iintlawulo ezikhutshelwe kumaqumrhu karhulumente	105
5.2	Iintlawulo ezikhutshelwe kwimibutho oengengawo amaqumrhu karhulumente	105
6.	Iminikelo enemiqathango	106
6.1	Iminikelo enemiqathango kunye neengxowa-mali ezichongiweyo ezihlawulweyo	110
6.2	Iminikelo enemiqathango kunye neengxowa-mali ezichongiweyo ezifunyenweyo	110
7.	Iingxowa-mali zoMnikelo	116
7.1	Iingxowa-mali zoMnikelo ezifunyenweyo	116
8.	UTyalo-mali lweNkunzi	117
8.1	UTyalo-mali lwenkunzi, ulolongo nocwangciso lolawulo lwee-asethi	117

ICANDELO C: ULAWULO

1.	Intshayelelo	121
2.	ULawulo lomngcipheko	122
3.	Ubuqhophololo noRhawaphilizo	122
4.	Ukuncitshiswa kwedolo	126
5.	Ikhawudi yokuziphatha	127
6.	Imiba yempilo, yokhuselo neyendalo	127
7.	IiKomiti zePalamente	127
8.	Izisombululo zeSCOPA	128

9.	Ulungelelaniso lwangaphambili kwiingxelo zophicotho-zincwadi	130
10.	Iyunithi yolawulolwangaqakathi	130
11.	Uphicotho-zincwadi lwangaphakathi kunye neekomiti zophicotho-zincwadi	131
12.	Ingxelo yekomiti yophicotho-zincwadi	132
13.	INGcaciso yokuSebenza yoHambelwano lweB-BBEE	134

ICANDELO D: ULAWULO LWEMICIMBI YABASEBENZI 137

1.	Intshayelelo	138
2.	Inqanaba loLawulo lwaBantu kwiSebe	138
2.1	OkuPhambili okuCwangcisiweyo kwaBasebenzi beSebe	138
2.2	ULawulo lokuSebenza loMqeshwa	139
2.3	Impilo-ntle yoMqeshwa	139
2.4	UkuBekwa kweLiso kuLawulo lwaBantu	139
3.	Iinkcukacha zomanani oLongamelo lokuLawulwa kwaBantu	140
3.1	Inkcitho enxulumene naBasebenzi	140
3.2	INGqesho nezithuba ezingazaliswanga	143
3.3	Ukuvavanywa komsebenzi	144
3.4	Iinguqu kwingqesho	146
3.5	Ubulungisa engqeshweni	150
3.6	Ukutyikitywa kwezivumelwano zokusebenza ngamalungu e-SMS	156
3.7	Ukuzaliswa kwezithuba zeSMS	157
3.8	Ukusebenza komqeshwa	159
3.9	Abasebenzi bamanye amazwe	161
3.10	Ukusetyenziswa kwekhefu	162
3.11	Iinkqubo zokukhuthazwa kwempilo, kubandakanywa i-HIV ne-AIDS	166
3.12	Ubudlelwane babasebenzi	169
3.13	Uphuhliso lwezakhono	170
3.14	Ukwenzakala engqeshweni	172
3.15	Ukusetyenziswa kwabacebisi	173

ICANDELO E: INGXELO YOHAMBELWANO LWEPFMA 179

1.	Inkcitho engalungelelananga, engenaziqhamo, nengenamsebenzi, engaguyaziswanga kunye nelahleko	180
1.1.	Inkcitho engalungelelananga	180
1.2.	Inkcitho engenaziqhamo, nengenamsebenzi	182
1.3.	Inkcitho engaguyaziswanga	184
1.4.	Ubhengezo olwangezelelweyo olunxulumene nokulahlekileyo nokuhambelana neCandelo lePFMA 40(3)(b)(i) &(iii)	185
2.	Ukuhlawulwa emva kwexesha kunye/okanye ukungahlawulwa kwabanikezeli benkonzo	187
3.	ULawulo lwesixokelelwano sonikezelo	188
3.1.	Ukuthengwa kwmpahla ngezinye iindlela	188
3.2.	Ukuguquka kwesivumelwano nokwandiswa	190

ICANDELO F: INGCACISO YEMALI 193

Ingxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele	194
Ingxelo yolwabiwo-mali	202
Amanqaku kwingxelo yolwabiwo-mali	211
Ingxelo yokusebenzakwemali	213
Ingxelo yobume bemali	214
Ingxelo yeenguqu kwii-asethi ezisesandleni	215
Ingxelo yokungena nokuphuma kwemali	216
Imigaqo-nkqubo yobalo-mali	217
Amanqaku kwiingxelo zonyaka zemali	224
Izihlomelo	253





Part

A

**INGACISO
NGOKUBANZI**

1. INGCACISO NGOKUBANZI YESEBE

ISebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho

IDILESI YENDAWO: 80 St George's Mall
Waldorf Building
Cape Town
8001

IDILESI YEPOSI: PO Box 979
Cape Town
8000

INOMBOLO
YEMFONOMFONO: +27 21 483 9226

IDILESI YE-IMEYILE: ecohead@westerncape.gov.za

IDILESI YEWEBHUSAYITI: www.westerncape.gov.za

2. ULUHLU LWEZIFINYEZO/LWEZISHUNQULELO

ABT	IQela elisekwe kuMmandla
AFS	INgxelo yeMali ePhicothiweyo
AGSA	UMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika
AIFMRM	IZiko lase-Afrika leeMarike zeMali noMngcipheko
AOPI	UPhicotho lweNgcaciso yokuSebenza
APP	IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza
ASEZ	Atlantis Special Economic Zone
BAS	INkqubo yeSiseko yoBalo-mali
BBBEE	UkuXhotyiswa kwezoQoqosho kwaBantu abaMnyama ngokubanzi
BER	IQumrhu loPhando kwezoQoqosho
BESP	INkqubo yeNkxaso yobume boKwakha
BPeSA	INkqubo yoSishino enceda uMzantsi Afrika
BPO	INkqubo yoShishinno yokuThengiswa kweeNkonzo
CASIDRA	I-Arhente yaseKapa yoPhuhliso oluHlangeneyo oluZinzileyo kwiMimandla yaseMaphandleni
CATHSSETA	UGunyaziwe weCandelo leMfundo noQeqesho lweNkcubeko, loBugcisa, lwezoKhenketho, lwezokunwabisa, lwezeMidlalo
CBMT	Uqeqesho loBuchule oluBhekiselele eKwazini ukwenza izinto
CCDI	IZiko loMsebenzi wobuGcisa noYilo eKapa
CCTC	Intlanganisela yokwenziwa nokulukwa kweMpahla yaseKapa
CEI	Iziko elijongene nohlaziyo
CIDB	IBhodi yoPhuhliso lweShishini loKwakha
CITI	ILinge leNgcaciso neTheknoloji laseKapa
CLOTEX	IZiko leNkonzo lokuLuka nokwenziwa kweMpahla laseKapa
CMT	Sika, Yenza nokuHombisa
CPUT	Cape Peninsula University of Technology
CRDP	INkqubo yoPhuhliso oluHlangeneyo lwamaPhandle
CSC	IZiko leeNkonzo zeQumrhu
CTFC	IBhunga leFashoni laseKapa
CTGA	Intlangano eHambisa abaKhenkethi yaseKapa
CTICC	Iziko laseKapa leNgqungquthela yeHlabathi
CTCIP	INkqubo yokuPhucula uKhuphiswa ekwenziweni nasekolukweni kweMpahla
DAFF	ISebe lezoLimo, lamaHlathi nokuLoba
DBSA	IBhanka yoPhuhliso yoMzantsi Afrika

	hanka yoPhuhliso yoMzantsi Afrika
	ISebe leMicimbi yeNdalo noCwangciso loPhuhliso
DEDAT	ISebe loPhuhhliso lwezoQoqosho noKhenketho
DITCOM	IKomiti yeSebe ye-IT
DMO	UMbutho wokuThengiswa kweNdawo zokuFikela
DPME	ISebe loCwangciso, ukuBekwa kweLiso noVavanyo
DPSA	ISebe leNkonzo kaRhulumente noLawulo
DST	ISebe leNzululwazi neTheknoloji
DTM	ISebe laBalawuli abaPhezulu
DTPW	ISebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente
Dtic	ISebe lamaShishini oRhwebo noKhuphiswano

r
t
m
e
n
t
o
f
A
g
r
i
c
u
l
t
u
r
e
,
F
o
r
e
s
t
r
y
a
n
d
I
B
h
a
n
k
a
l
l
B

EBA	UMsebenzi woShishino oSekiweyo
ECM	Ulawulo lokuQulathwe kwi-Elektroniki
ED	UPhuhliso lweShishini
EDP	UThelelwano loPhuhliso loQoqosho
EE	UBulungisa eNgqeshweni
EHWP	INkqubo yeMpilo yoMsebenzi neMpilo-ntle
EIA	UVavanyo lweMpembelelo yeNdalo
EPWP	INkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi
ERM	kaRhulumente
EV	ULawulo loMngcipheko weShishini IsiThuthi soMbane
FET	IMfundo ePhezulu noQeqesho
FSIDZ	Freeport Saldanha IDZ
G4J	Ukukhula kulungiselelwa iMisebenzi
GDP	IXabiso leMali yeMveliso yaseKhaya
GDPR	IXabiso leMali yeMveliso
GEM	yaseKhaya ngokweNgingqi
GOVCOM	UkuBekwa kweLiso kuShishino
GMT	LweHlabathi
GIS	IKomiti yoLawulo IZithuthi zikaRhulumente INkqubo yeNgaciso yeNdawo
HCT	INgcebiso yeHIV kunye noHlolo
HDI	Abantu ababevinjwe amathuba
HOD	ngaphambili
HRD	INTloko yeSebe
HSP	UPhuhliso lweMicimbi yaBasebenzi IsiCwangciso sokuHlaliswa kwaBantu
ICAN	UThungelwano loFikelelo oluHlangeneyo loLuntu
ICAS	INkonzo eZimeleyo yeNgcebiso
ICT	INgcebiso neTheknoloji yoNxibelelwano
IDC	Ukopolotyeni woPhuhliso loShishino
IDP	
IDZ	Ummandla woPhuhliso kuShishino
IFRS	Imigangatho yokuNika iNgxelo yeMali
IPP	yeHlabathi
ISO	AbaVelisi abaZimeleyo boMbane
IT	UMbutho weHlabathi wokuBeka
IRP	eMgangathweni ITheknoloji yeNgcaciso IsiCwangciso esiHlangeneyo seZibonelelo
JMA	IsiVumelwano esiHlangeneyo sokuThengisa

JDMA INdlela eHlangeneyo yeSithili noMasipala oMbaxa

KZN KwaZulu-Natal

LED UPhuhliso loQoqosho lweNgingqi

LLT INkundla yokuNikezelwa

LNG kweMvume yoTywala

LRA Liquified Natural Gas

UMthetho woBudlelwane baBasebenzi

M&E	UkuBekwa kweLiso noVavanyo
MEC	ILungu leBhunga leSigqeba
MER	UkoMelela koMbane kaMasipala
MERO	UHlaziyo loQoqosho lukaMasipala neMbonakalo
MOA	IMemorandam yesiVumelwano
MOU	IMemorandam yeNgqiqo
MSDF	IsiCwangciso-nkqubo soPhuhliso lweSithuba sikaMasipala
MIR	INGxelo yeNgqiqo yeMarike
MPAT	IsiXhobo soVavanyo soLawulo loMsebenzi
MRE	UVavanyo lokuLunga kukaMasipala
MTEF	IsiCwangciso-nkqubo seNkcitho yeSithuba esiPhakathi
NDP	IsiCwangciso seSizwe soPhuhliso
NDPW	ISebe leSizwe leMisebenzi kaRhulumente
NDT	ISebe leSizwe loKhenketho
NEF	INGxowa-mali yeSizwe yoXhotyiso
NFVF	UMbutho weSizwe woMboniso Bhanyabhanya neVidiyo
NGO	UMbutho oNgekho ngaphanti koRhulumente
NO	ISiphumo seSizwe
NPO	UMbutho oNgenzi Nzuzo
NT	ICandelo leSizwe loLawulo-mali
OCP	I-Ofisi woMkhuseli woMthengi
OD	UYilo loMbutho
PACA	Ukunconywa ngokuthatha inxaxheba kumaThuba oKhuphiswano
PDIA	INGxaki eQhutywa kukuLungiswa kokuPhinda-phindwayo
PDO	IiNjongo eZimiselwe kwaNgaphambili
PERA	AmaBhaso okuNikwa kweNgqwalasela kuShishino lweNkulumbuso
PERO	UHlaziyo loQoqosho lwePhondo neMbonakalo
PFMA	UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente
PLF	Iziko leProjekti yokuQeshisa
PGDS	IQhinga lokuKhula noPhuhliso lwePhondo
PILIR	UMgaqo-nkqubo kwiKhefu lokungabiNakho ukuSebenza noMhlalaphantsi wokungaPhili
PPP	UThelelwano lukaRhulumente nolwaNgasese
PSCBC	IGumbi loThethwano lweKhomishini yeNkonzo kaRhulumente
PSDF	IForam yePhondo yoPhuhliso lweZakhono
PSRMF	IsiCwangciso-nkqubo soLawulo loMngcipheko weCandelo likaRhulumente
PSG	INjongo yeQhinga lePhondo
PSG 1	INjongo 1 yeQhinga lePhondo
PSO	INjongo yeQhinga lePhondo
PSP	IsiCwangciso seQhinga sePhondo
PT	ICandelo loLawulo-mali lePhondo
PWD	Abantu aBakhubazekileyo
REIPPPP	INKqubo yaBavelisi boMbane oHlaziyiweyo abaZimeleyo
RIA	UVavanyo oluLawulwayo lweMpembelelo
RIN	UThungelwano lweNgingqi lweNguqulelo

RLED	UPhuhliso loQoqosho lwaseMaphandleni nolweNgingqi
RPL	UkuNikwa kweNgqwalasela kukuFunda kwaNgaphambili
RTLC	IKomiti yeNgingqi yoNxibelelwano yoKhenketho
SALGA	UMbutho wooMasipala woMzantsi Afrika
SAOGA	South African Oil and Gas Alliance
SAPS	INkonzo yamaPolisa yoMzantsi Afrika
SARS	INkonzo yeNgeniso yoMzantsi
SAT	Afrika
SCM	UKhenketho loMzantsi Afrika
SCOPA	ULawulo lweSixokelelwano Sonikezelo
SDF	IKomiti eSigxina yee-Akhawunti
SDIP	zikaRhulumente
SDA	
SEDA	IsiCwangciso-nkqubo soPhuhliso
SEFA	lweSithuba
SETA	IsiCwangciso soPhuculo lokuNikezelwa
SEZ	kweNkonzo
SITA	IsiVumelwano sokuNikezelwa
SME	kweNkonzo
SMME	I-Arhente yoPhuhliso lwamaShishini amaNcinane I-Arhente yeMali yamaShishini amaNcinane UGunyaziweweCandelo leMfundo noQeqesho UMmandla oWodwa woQoqosho I-Arhente kaRhulumente yeTheknoloji yeNgcaciso AmaShishini amaNcinane naPhakathi AmaShishini amaNcinane, aPhakathi namaKhulu
SOE	AmaShishini angakaRhulumente
SP	IsiCwangciso seQhinga
SPV	ISithuthi seNjongo eYodwa
STATSSA	Statistics South Africa
TGCSA	IBhunga lokuHlelwa koKhenketho loMzantsi Afrika
TNPA	UGunyaziwe wamaNxweme eSizwe kaTransnet
TSD	UPhuhliso loRhwebo neCandelo
TFDS	INKcitho ePheleleyo ethe Ngqo yaNgaphandle
UCT	IYunivesiti yaseKapa
UK	I-United Kingdom
UNWTO	UMbutho wezokhenketho weHlabathi weZizwe eziManyeneyo

VIP	bono oVuselelwa kokuPhambili
WCADI	I-Western Cape Aquaculture
WCFFI	ILinge loKutya okuLungileyo leNtshona Koloni
WCG	UGunyaziwe woTywala weNtshona Koloni
WCLA	UkuVeliswa kweMpahla yeHlabathi
WCM	IsiCwangciso soVuselelo seNtshona
WCRP	Koloni
WCSD	Uvimba weeNkcukacha wabaBoneleli ngeeNkonzo waseNtshona Koloni Inyathelo lezixhobo eNtshona Koloni
WCTI	UThungelwano lweNguqu lwaManzi lweNtshona
WCWIN	Koloni IKhomishoni yeZibonelelo zaManzi
WRC	I-Arhente yokuKhuthazwa koTyalo-mali loRhwebo yeNtshona
Wesgro	Koloni
WISP	I-Western Cape Industrial Symbiosis Project
W&R	
SETA	UGunyaziwe kwiCandelo leeWholesale namaShishini kwiMfundo noQeqesho

w
o
K
h
e
n
k
e
t
h
o
w
e
Z
i
z
w
e
z
e
H
l
a
b
a
t
h
i
M

3. INTSHAYELELO EYENZIWA NGUMPHATHISWA

Kunyaka ophantsi kovavanyo, isiganeko esibalulekileyo sokuqunjelwa nkwanikelwa kwesicwangciso sokusebenza koqoqosho Ruhlumente weNtshona Koloni, 'ukuKhula kulungiselelwa iMisebenzi', okanye G4J, safezekiswa, ekufuneka ngokuqinisekileyo sidunyiswe.

Eli Qhinga lijolise ekuphakamiseni ngamandla umlinganiselo wokukhula kwephonfo nokufezekiswa

kokutyhoboza kokukhula koqoqosho.

I-G4J isekwe kwiinkcukacha zamanani ezilungileyo, kwiinyure ezingabalekiyo zophando, kwintsebenziswano, kubalo, kwiingxoxo kunye namava anzulu kakhulu, yimaphu yethu ukuya kwikamva apho sisebenze kunye ukwakha isigidi sezigidi zeeRandi ezityebe yimisebenzi, ezinoqoqosho olubandakanyayo, oluzinzileyo, olwahlukeneyo olomelelyo lwephondo olukukhula kuphakathi kwesi-4 kunye nesi-6% ngowama-2035.

Eli Qhinga landlala injongo ehlangeneyo, ecela umngeni, kunye nenebhongo elungiselelwe iNtshona Koloni ukwenzela ukukhula koqoqosho lwayo, ukuvelisa ingqiqo, ithemba nokuhluma okulungiselelwe wonke umntu. Kumbindi we-G4J, yingqiqo yokokuba licandelo langasese, kubandakanywa iintlobo zoqoqosho ezisesikweni, ezingekho sikweni nezisekwe kwilokishi, yaye ingakumbi, abemi, oosomashishini kunye neeSMME, elithi liyile imisebenzi kunye nendima yalo karhulumente ukunceda icandelo langasese.

Okwahlula-hlula i-G4J, kukunikezela ngembono yexesha elide okunokujoliswe kuko okucacileyo, okucwangciswe kwimithetho-siseko echaziweyo, okungunobangela weentlanganiso ezinzulu kunye necandelo langasese, kuba ekugqibeleni, injongo yethu kukuncedisa nokukhulisa icandelo langasese.

Ekugqibeleni, syayazi into yokuba uMzantsi Afrika kunye neNtshona Koloni zinento yonke esiyidingayo ukuze siphumelele ukuba nje kuphela singanakho ukufumana imithetho-siseko yelungelo lokukhula yaye ukuba sisebenza kunye ukuvula ikhono layo elipheleleyo nelikhulu.

Inguqu idinga umbono. Iqhinga, yaye idinga izenzo ezibhekiselele kukufezekiswa kwekamva elingcono lelizwe lethu, yaye kufuneka sisebenze sibhekiselele kulo ngokuzimisela.

Ekugqibeleni, iQhinga le-G4J linyathelo elinobunganga leNtshona Koloni elibhekiselele ekufezekisweni kweli kamva lingcono.

Umbulelo wam ongazenzisiyo uya kuwo onke amagosa eDEDAT, phantsi kobunkokheli beNtloko yeSebe, uVelile Dube, onikezele ngexesha elingaka nobuchule ukuqinisekisa okokuba eli qhinga liqunyelwe, yaye liqhutyelwa phambili, ukuqinisekisa ngento yokuba izicwangciso zethu zokunceda icandelo langasese ukukhulisa nokuyila imisebenzi ziyamiliselwa



Nkzk. Mireille Wenger

UMphathiswa wezeMali namaThuba oQoqosho

Umhla: 31 kweyeThupha 2023

4. INGXELO YEGOSA ELINIKA INGXELO

UVavanyo ngokubanzi lwemisebenzi yeSebe

Okufezekisiweyo konyaka

Unyaka-mali wama-2022/23 umele unyaka obalulekileyo ekusabeleni kwisidingo esichongwe nguRhulumente weNtshona Koloni kulungiselelwa iqhinga lokuphakamisa kakhulu umlinganiselo wokukhula kwiphondo kunye, ukuya kubume bokuba ukukhula kuyaqhubeka kuthandabuzeka eMzantsi Afrika, ukwenzela ukungahlanganiswa kokujula kokukhula kwephondo koko kwelizwe ngokubanzi.

Uphando olubanzi kunye neentlanganiso zaqhutywa ezibe nomphumela weqhinga elandlala ngokubanzi, ocela umngeni, nonenjongo enobunganga yeNtshona Koloni ukulungiselela ukukhulisa uqoqosho lwayo phakathi kwesi-4% kunye nesi-6% ngowama-2035.

Iqhinga lixhibe ngokunjalo ukucacisa indlela esiya kukhulisa ngayo uqoqosho lwethu, nto leyo ibaluleke njengokukhula okudingekayo ngokunjalo. Ngale ndlela, iQhinga “ukuKhula kulungiselelwa iMisebenzi” ekugqibeleni liyazahlula kumaqhinga angaphambili, ngokunikezela ngembono yexesha elideenokujoliswe kuko okucacileyo, okucwangcise kwimithetho-siseko echaziweyo. Ibekwe embindini wezisombululo zenkqubo ezithi zisombulule izithintelo ezibophelelayo eziphambili kunye nobume obuncedayo kwicandelo langasese obukhawulezisa ukukhula koqoqosho lwethu.

Ngesithuba sonyaka-mali odlulileyo, siqhubekile similisela ngenkxaso yokuphambili kwethu kwesebe. Okunye okuqaqambileyo kubandakanya:

- Ukusekwa yiRTRU kweNgxowa-mali ye-EoDB kaMasipala yezigidi ezili-R10 ukulungiselela ukusebenza ngentsebenziswano kunye noomasipala bengingqi ukuphucula iinkonzo ezijongene noshishino, ikhono leziko (ukumiliselwa kwe-EoDB) nokuguqulwa kolawulo koomasipala.
- Iyunithi ngokusetyenziswa kweNkonzo yayo yoMnxeba woNcedo woShishino ingenise izehlo ezingama-519, nomlinganiselo wokusonjululwa ongama-91%, kunye nomlinganiselo wolwaneliseko wama-80%.
- I-Wesgro iququzelele izigidi zesigidi ezi-R4.1 zotyalo-mali olubotshelelweyo kwiphondo yaze yaququzelela imisebenzi eli-1 507 njengomphumela wotyalo-mali olubotshelelweyo.
- Izigidi sezigidi eziqikelelweyo ezi-R3.1 zexabiso lwezivumelwano zorhwebo zasayinwa ngesithuba sonyaka-mali 2022/23 kunye nemisebenzi engama-906 eququzelelweyo ngenxa yezivumelwano zorhwebo ezisayiniweyo.
- INgxowa-mali yokuVuselelwa kweSMME 2022 ixhase amangenelo amiliselwe yimibutho ajolise ekuxhaseni iiSMME ezikwiNtshona Koloni. Iiprojekti ezisixhenxe zaxhaswa, ezithe zanikezela ngenkxaso noncedo (ngokuthe ngqo okanye ngokungathanga ngqo) kwiiSMME ukugcina kunye/okanye ukwandisa uzinzo, ukuphuhlisa ikhono leshishini kunye nelomnini/usomashishini, ukuwandisa ukusebenza kakuhle, nokuwanceda ukuba akhule nakuyilo lwemisebenzi.
- Iyunithi yoPhuhliso lweShishini iqhubekile ngokunjalo ngokuqalisa ngeeprojekti ezisithoba zeNgxowa-mali yoVuselelo lweSMMM 2021, ezithe zaqakunjelwa ngesithuba sonyaka-mali wama-2022/23.
- Izicwangciso zobugcisa zombane (ii-EMP) ezithe zahlaziywa ngoomasipala abasebenzisa iminikelo evela kwiNgxowa-mali yeMER (eziqukunjelweyo: owaseSwartland, owaseGeorge, owaseWitzenberg nowaseBitou) zinakho ngoku ukusetyenziswa ngoomasipala ukuchonga apho banekhono kwiintambo zeentsimbi ezizisa umbane elinokuthi lifumaneke kwiiprojekti zombane ezidinga ukuqhagamshelwa kwiintambo zentsimbi ezizisa umbane (kulungiselelwa ukujikelezisa, neenjongo zokuthengwa kweSSEG okanye i-IPP kamasipala).
- Inkqubo yoPhuhliso lweZakhono neNguqulelo ixhathise kwizigidi ezingama-R201 ezivela kwicandelo langasese kunye neminye imithombo karhulumente ukuxhasa amalinge olingo okufunda kunye nophuhliso lwezakhono olutsha olungaqeshwanga. Inkxaso-mali yecandelo langasese isetyenziswa kwiinkqubo zophuhliso lwezakhono eziqinisekisiweyo, kuqeqesho usengqeshweni, kuqeqesho lokulungela umsebenzi

kunye nenkxaso-mali yomvuzo yokulinganiswa kwesebe.

Imingeni yonyaka

Kwisithuba sonyaka odlulileyo, uqoqosho loMzantsi Afrika luchaphazeleke kakubi luluhlu lweziphazamiso zehlabathi nezengingqi kubandakanywa ukuhla kwesanty sokukhula koqoqosho lwehlabathi, iinkxalabo zezopolitiko lwendawo, umgaqo-nkqubo wokuqiniswa kokusetyenziswa kwemali, izibonelelo ezingathembakalanga, kunye nokunqongophala okubi kombane, phakathi kwezinye izinto. Imbonakalo isasele idakumbile, kulindeleke ukukhula kancinane okanye okungekhoyo okulindelekileyo ngowama-2023. Ngokuhambelana noku, kweyeKhala2023 iBhanka enguVimba yoMzantsi Afrika (SARB) ihlaziye imbonakalo yayo yokukhula yaya kutsho kwi-0.4%.

Ngaphezulu, ubungqongqo bokucinywa kombane kuphungulwa umthwalo wosetyenziso, ukungabikho koololiwe, izibonelelo zendlela nezezibuko buyichaphazele kakhulu ingqiniseko yoshishino, kunye namacandelo awokwenziwa kwempahla namashishini entengiso ejongene nabathengi afumene ukuhla kakhulu nentembeke kwimpumelelo. Isalathisi sakutsha seRMB/BER seNgqiniseko kuShishino (BCI) sihlile ukususela kuma-36 ngowama-2023Q1 ukuya kuma-27 ngowama-2023Q2.

Kungenxa yezi zizathu zokokuba indima yoqoqosho lweWCG iya kuba njalo ukwakha ubume obuncedayo boshishino ukwandisa ukhuphiswanonokukhawuleziswa koqoqosho nokukhula kwengqesho. Oku kuya kufezekiswa ngokutyhalelwa kude kwemida yesigunyaziso somgaqo-siseko seNtshona Koloni, nangentsebenziswano kunye nawo onke amanqanaba karhulumente, ngokunjalo necandelo langasese ukulungiselela ukubonelela abancedi ngenguqulelo, ngokufanelekileyo, ngangomlinganiselo.

Uvavanyo ngokubanzi lweziphumo zemali zeSebe:

Okufunyenweyo kweSebe

Okufunyenweyo kweSebe	2022/2023			2021/22		
	Okuqikelelweyo	Isixa-mali esisiso esiQokelelweyo	Uqokelelo (Olungaphezulu)/Olungaphantsi	Okuqikelelweyo	Isixa-mali esisiso esiQokelelweyo	Uqokelelo (Olungaphezulu)/Olungaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Iirhafu ezifunyenweyo						
Iirhafu zeKhasino						
Iirhafu zoMdyarho wamaHashe						
Amaphepha-mvume otywala						
Amaphepha-mvume ezithuthi						
Ingeniso Engeyoyarhafu	388	47 691	(47 303)	371	21 565	(21 194)
Ukuthengiswa kwempahla neenkonzelo ngaphandle kwee-asethi ezinkulu	388	348	40	371	1 144	(773)
Okufunyenweyo okukhutshelweyo		687	(687)		694	(694)
Imirhumo, izohlwayo kunye nelahleko						
Inzala, izahlulo, kunye nerente kumhlaba		37	(37)		19	(19)
Ukuthengiswa kwee-asethi ezinkulu		31	(31)		54	(54)
Iintengiselwano zemali kwii-asethi namatyala		46 588	(46 588)		19 654	(19 654)
Kukonke	388	47 691	(47 303)	371	21 565	(21 194)

ISebe lenze uhlahlo lwabiwo-mali lwesixa-mali sengeniso yama-R388 000 yonyaka-mali wama-2022/23. Umqhubi ophambili wale ngeniso waba yimirhumo ekufuneka iqokelelwe ebhekiselele kubhaliso lweenkokheli zabakhenkethi.

Njengoko kunjalo ekupheleni konyaka-mali, isixa-mali sezigidi ezingama-R47.691 sengeniso yalo yaqokelelwa.

Koku, imirhumo yobhaliso lweenkokheli zabakhenkethi ibalelwe kuma-R348 000, ngeli thuba iintengiselwano zemali kwii-asethi nakumatyala zibalelwa kwizigidi ezingama-R46.588, ama-R37 000 afunyanwa kwiintlawulo zenzala efunyenweyo, ama-R31 000 angaphezulu afunyanwa kwintengiso yee-asethi ezingasasetyenziswayo ezithengiselwe abasebenzi kunye nama-R687 000 afunyanwa ngokubhekiselele kwi-BankSETA.

Izigidi ezingama-R46.588 ezifunyenwe kulungiselelwa iintengiselwano zemali ezi kwii-asethi nakumatyala ziqulathwe ikakhulu kwiintlawulo zeprojekti yobushishini obusekwe kwilokishi kunye nembuyekezo yeengxowa-mali zomncono weWesgro.

Inkcitho yenkqubo

Okufunyenwe lisebe	2022/2023			2021/22		
	ULwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho Eyayo	INkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi	ULwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho Eyayo	INkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
ULawulo	58 544	57 911	633	55 805	54 841	964
IiNkonzo eziHlangeneyo zoPhuhliso loQoqosho	47 839	47 159	680	53 676	53 204	472
UPhuhliso loRhwebo neCandelo	74 799	74 413	386	73 990	73 976	14
ULawulo lweShishini nokuPhathwa	10 636	10 431	205	9 580	9 392	188
UCwangciso loQoqosho	150 089	144 989	5 100	160 320	157 255	3 065
UKhenketho, uBugcisa noKonwabisa	71 909	71 874	35	74 597	74 161	436
UPhuhliso lweZakhono neNguqulelo	96 214	96 106	108	71 931	70 567	1 364
Kukonke	510 030	502 883	7 147	499 899	493 396	6 503

ISebe libe nolwabiwo-mali lokugqibela lwezigidi ezingama-R510.030 lonyaka-mali wama-2022/23. Kolu, iSebe lichithe ama-98.6% eengxowa-mali zalo ezabiweyo xa kuthelekiswa nama-98.7% konyaka-mali wama-2021/22.

Kufuneka iqatshelwe into yokuba zonke iinkqubo zinikele kufezekiso lomndilili ochithiweyo wama-96.6%.

Ngoko, iNkqubo 5: uCwangciso loQoqosho, lufezekise inkcitho engama-96.6% njengoko kunjalo ekupheleni konyaka-mali. Oku kubangelwe kuhlobo lobuchule lokomelela kombane okufanele iiprojekti, ulibaziseko lwafunyanwa kumiliselelo loKomelela koMbane kaMasipala (MER) okufanele kweeprojekti.

IiViramenti/UQengqelo

Ekupheleni konyaka-mali wama-2022/23, iiviramenti ezintathu (3) zaqhutywa ukuhlawula inkcitho engaphezulu kuwo onke amacandelo angundoqo kwivoti. Ezi viramenti zasetyenziswa njengoku kulandelayo:

INkqubo 1: ULawulo lufudusele ama-R129 000 kwiNkqubo 6: uKhenketho, uBugcisa noKonwabisa ukulungiselela inkcitho engaphezulu kwiinkcitho zikusebenza.

- i. INkqubo 1: ULawulo lufudusele ama-R358 000 kwiNkqubo 7: UPhuhliso lweZakhono neNguqulelo ukulungiselela ukubekwa okwazelelekileyo kwabaxhamli kumsebenzi kunye nonikezelo kwinkqubo yoPhuhliso lwaMagcisa.
- ii. INkqubo 5: UCwangciso loQoqosho lufudusele ama-R265 000 kwiNkqubo 6: uKhenketho, uBugcisa noKonwabisa ukulungiselela umsitho wokuKhunjulwa koSuku lweHlabathi lwezoKhenketho osingethwe liSebe leSizwe lezoKhenketho eNtshona Koloni.

Ngesithuba sowama-2022 uQikelelo oluLungelelanisiweyo lulungelelanise ngokutsha izigidi ezi-R4.619 kunyaka-mali wama-2023/24 njengexalenye yeprojekti yokuVuselela amaShishini amaNcinane aPhakathi namaKhulu (SMME). Ezi ngxowa-mali zilungiselelwe iiprojekti ezithe zamiliselwa kwisithuba seminyaka emininzi ngabaxhamli. Iprojekti yoVuselelo lweSMME ixhasa imibutho ethi imilisele amangenelo enkxaso yeSMME kumashishini asekw eNtshona Koloni. Olu lungelelwaniso kwakhona lweengxowa-mali luya kwandisa imigangatho yolawulo kwiSebe njengoko zithintele ukwenziwa kweentlawulo ezenziwa ngaphambi kokwenziwa komsebenzi kulungiselelwa unikezelo obelunokwenzeka kuphela kunyaka-mali wama-2023/24.

Inkcitho engagunyaziswanga, engenaziqhamo nengenamsebenzi

ISebe alikhange libe nankcitho liyenzayo ingagunyaziswanga, ingenaziqhamo nengenamsebenzi kunyaka ophantsi kovavanyo.

Ekujoliswe kuko kweqhinga kwisithuba esifutshane ukuya kwesiphakathi

Imimandla ephambili ekujoliswe kuyo kulungiselelwa iHorizon 1 yeQhinga lokuKhula kulungiselelwa iMisebenzi yile:

1. Ukuqhutywa kwamathuba okukhula ngokusetyenziswa kotyalo-mali;
2. Ukuvuselelwa kokukhula kwemarike ngokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe kunye neemarike zasekhaya;
3. UKomelela koMbane neNguqulelo kusiyiwa kwiNe Zero Carbon;
4. Ukhuseleko lwamanzi nokomelela;
5. ITheknoloji nenguqulelo;
6. Izibonelelo kunye nokuhlanganiswa koqoqosho; kunye
7. Nokuphuculwa kofikelelo kumathuba oqoqosho nokuqesheka.

UThelelwano lukaRhulumente nolwaNgasese (PPP)

Akukho PPP luqhutyiweyo liSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho.

Imisebenzi eyekiweyo/imisebenzi eza kuyekwa

Akukho misebenzi iyekiweyo ngesithuba sonyaka-mali wama-2022/23.

Imisebenzi emitsha necetywayo

Ayikho.

Ulawulo lwesixokelelwano sonikezelo

ISebe aliqkumbelanga naziphi na izindululo ezingabongozwa kunyaka ophantsi kovavanyo.

Ipesenti enkulu yomsebenzi weSebe uqhutywa ngokusetyenziswa kweenkqubo zesixokelelwano sonikezelelo. Ngoko oku kubalulekile kushishino lweSebe. Kunyaka-mali ophantsi kovavanyo, iinkqubo zeSCM zahlaziywa ngokubalulekileyo ukubhangisa inkcitho norhwaphilizo ngokunjalo nokuphuculwa kobuchule. Iinkqubo ezisemgangathweni zokusebenza kunye neenkqubo zikho ukuthintela izehlo zenkcitho engalungelelaniswanga, engenaziqhamo nengenamsebenzi, kunye nengagunyaziswanga, ngokusetyenziswa koyilo nomilisele kolawulo lokubekwa kweliso, lokuthintela nolokulungisa. Iyunithi yoLawulo lwaNgaphakathi iqhuba ulongamelo yaye yaye igcina uhambelwano kolawulo nokuhambelano lwemithetho. Olu lawulo lubandakanywe kwiManyuwali ekhoyo yoMgaqo-nkqubo weMali kunye nesiCwangciso-nkqubo soGunyaziso.

Ngesithuba sonyaka-mali wama-2022/23, iSebe lithenge impahla neenkonzongokuhambelana nesciwangciso sokuthengwa kwempahla kukho iyantlukwano yama-43% okwathi kwabangelwa ziiprojekti ezithe zarhoxiswa kunye/okanye ezithunyelwe ngokutsha njengeentlawulo ezikhutshelweyo.

ISebe ligcine ngokuqhubekayo yaye lalawula ii-asethi ezishukumayo kwinkqubo yeLOGIS ngokuhambelana nengcaciso ephantsi edingekayo okokuba zibe kwiRejista eSigxina yee-Asethi. Ubalo lwengqinisekiso eyenziwa ngesandla yokuphela konyaka lwazo zonke ii-asethi ezishukumayo luqalise ngomhla wesi-3 kweyoMdumba 2023 ze lwagqitywa ngomhla we-14 kweyoMdumba 2023. Zonke ii-asethi ezishukumayo ezifunyenwe phantsi konyaka ophantsi kohlaziyo zibaliwe yaye zafakwa ngokuchanekileyo kwiRejista ye-Asethi ngokwesiCwangciso-nkqubo soLawulo lwe-Asethi kunye noMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente.

Ungqubano lomdla lulawulwa ngokusetyenziswa kweenkqubo zokuthengwa kwempahla kunye nezinye. IDEDAT iqinisekisa ngokuqhubekayo ngento yokuba:

- Abalawuli abaphezulu. amagcisa olawulo lwesixokelelwano sonikezelo, abathathi-nxaxheba kunye namalungu ekomiti yoNikezelo lwaMaxabiso bayakuchaza umdla wabo wemali. Abanikezeli benkonzo badingeka okokuba babhengeze umdla wabo wemali nonxulumano nabasebenzi bakarhulumente ngokusetyenziswa kweenkqubo zolawulo lwesixokelelwano sonikezelo.
- Ukuhlolwa ngononophelo kwabalawuli abaphezulu, abasebenzi nabanikezeli ngenkonzo abaphambili kwaqhutywa.
- Ukuqinisekiswa kwendlela yokuziphatha kwabanikezeli bamaxabiso kuthelakiswa nerejista abasileleyo ukufezekisa ithenda kunye nesizinda esinyiniweyo sabanikezeli benkonzo.

Ngaphezulu, bonke abasebenzi abaqeshwe kwiyunithi yoLawulo lweSixokelelwano soNikezelo, kufuneka bazalise isiBhengezo soMdlalaye bamkele okuqulathiweyo kwifomu yeKhowudi yokuZiphatha. Irekhodi yoku iya kugcinwa.

IZipho neMinikelo efunyenwe ngesisa ngaphandle kwentlawulo kumaqela anganxulumananga nabo

Igama	Isikhundla	Uhlobo	IXabiso eliQikelelweyo (R)	Ubudlelwane nomamkeli
Mark Apollis	USEkela Mlawuli	lisampulu zesosi zokungcamla	150.00	Abukho
Thobeka Pongoma	IGosa loLawulo	lisampulu zesosi zokungcamla	150.00	Abukho
Chantell van Niekerk	Umlawuli oBambeleyo	Usiba lakwaParker olunyekunye ne-USB	193.10	Abukho
Melissa Joy Parker	Umlawuli	Usiba lakwaParker olunyekunye ne-USB	193.10	Abukho
Rahima Loghdey	Umlawuli	Ifayile yeplastiki kunye nencwadana yamanqaku	250.00	Abukho
Mervyn Hartman	USEkela Mlawuli	10 x liPlata 17 x iibhokisi zezimuncumuncu zesidlo sakusasa 4 x iibhokisi ezinezimuncumuncu 8 x lt. zejusi 15 x izityalo	5 800.00	Abukho
Melissa Joy Parker	Umlawuli	Ibhegi yephepha, imagi yekofu kunye neNcwadana yamanqaku	73.00	Abukho

Jo-Ann Johnston	USekela Mlawuli Jikelele	Isivatho esinophawu lweYunivesiti: • I-t-shirts enophawu lweYunivesiti X 4 • IDayari enophawu lweYunivesiti • Itshaja enophawu lweYunivesiti	1 949.56	Abukho
Alfonzo Anthony Jacobs	USekela Mlawuli oBambeleyo	1 x iBhokisi x yeeDiliya 2 x iiPakethe zama-Apile	200.00	Abukho
Jo-Ann Johnston	USekela Mlawuli Jikelele	TOKYO – Wireless charger & Bluetooth speaker	689.00	Abukho

Ukhululo nonxaxho olufunyenweyo kwiCandelo leSizwe loLawulo-mali

Akubanga kho lukhululo okanye unxaxho olufunyenweyo oluvela kwiCandelo leSizwe loLawulo-mali kunyaka ophantsi kovavanyo.

Izehlo emva komhla wokunikwa kwengxelo

Akubanga kho zehlo emva komhla wokunikwa kwengxelo.

Ezinye

Azikho.

Imibulelo okanye ukuncoma

Ndibulela ubunkokheli nesikhokhelo soMphathiswa Wenger, abasebenzi be-ofisi yakhe ngokunjalo neKhabhinethi yeNtshona Koloni. Ndithanda ukubulela iqela lam lolawulo elizimiseleyo kunye nabasebenzi beDEDAT abahlala bezibophelele yaye bekhobe ekuqinisekiseni ngento yokuba siyaqhubeka sibheka phambili ekufezekiseni iinjeongo zethu.

Ndingathanda ngokunjalo ukuthatha eli thuba ndibulele amahlakani ethu enkxaso kunye nee-arhente ndivakalise ukuncoma okungazenzisiyo kumashishini – amancinane, aphakathi namakhulu – ngeminikelo yawo eqhubekayo ukufezekisa uqoqosho oluchumileyo lweNtshona Koloni. Ngoku, ngaphezu kwako konke, bonke abachaphazekayo boqoqosho kuya kufuneka basebenze kunye ukuxhasa ukomelela kweNtshona Koloni.

Ukuqokumbela

Siyaqhubeka ngokuqhubela phambili kumiliselelo lweqhinga elivunywe yikhabhinethi lokuKhula okulungiselelwe iMisebenzi. IQhinga lokuKhula elilungiselelwe iMisebenzi asingomsebenzi walo naliphi na isebe elinye. Limele konke okukarhulumente, iqhinga lalo lonke uluntu, yaye impumelelo yalo idinga amandla, ukuzibophelela, kunye nokwabiwa kwezibonelelo kuye wonke urhulumente, icandelo langasese kunye noluntu.

Liya kudinga ngokunjalo indlela entsha yokucinga kurhulumente wephondo ngokucingwa ngokutsha kwendlela yokusebenza kukarhulumente. Oku kungumngeni esikulungele ukuwamkela ukulungiselela okokuba iNtshona Koloni iphumelele.

Ukuvunywa nokutyikitywa



Mnu Velile Dube

IGosa eliNika iNgxelo

ISebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho

Umhla: 30 kweyeThupha 2023

5. INGXELO YOXANDUVA NENGINISEKISO YOKUCHANEKA KWENGELO YONYAKA

Ngokolwazi lwam nento endikholelwa kuyo, ndiqinisekisa oku kulandelayo:

- Yonke iingcaciso nezixa-mali ezibhengezwe kuyo yonke ingxelo yonyaka ziyahambelana.
- Ingxelo yoNyaka igqibelele, ichanekile kwaye ayinamiba ishiyelelweyo.
- INgxelo yoNyaka ilungiswe ngokuhambelana nezikhokhelo ezikwiingxelo zonyaka njengoko zikhutshwe liCandelo loLawulo-mali leSizwe.
- liNgxelo zoNyaka zeMali (iCandelo E) zilungiswe ngokuhambelana nomgangatho olungelelanisiweyo wemali ezinkozo kunye nezicwangciso-nkqubo nezikhokhelo ezikhutshwe liCandelo loLawulo-mali leSizwe.
- IGosa eliNika iNgxelo linoxanduva lokulungiselela iiNgxelo zoNyaka zeMali kunye nezigwebo ezenziweyo kule ngcaciso.
- IGosa eliNika iNgxelo linoxanduva lokuseka nokumilisela inkqubo yolawulo lwangaphakathi ete yayilelwa ukunikezela ngengqinisekiso efanelekileyo ngokuphathelele kwimfezeko nokuthembeka kwengcaciso yomsebenzi, ingcaciso yemicimbi yabasebenzi kunye neengxelo zonyaka zemali.
- Abaphicothi-zincwadi bangaphandle kunxityelelwana nabo okokuba banike imbono ezimeleyo ngeengxelo zonyaka zemali.

Ngokuluvu lwam, ingxelo yonyaka ibonakalisa imisebenzi, ingcaciso yomsebenzi, ingcaciso yezabasebenzi nemicimbi yezemali yeSebe kunyaka-mali ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla wama-2023.

Obekekileyo



Mnu Velile Dube IGosa
eliNika iNgxelo

Umhla: 30 kweyeThupha
2023

6. UVAVANYO LWEQHINGA

6.1 UMbono

Umbono weSebe yiNtshona Koloni enoqoqosho olusemandleni, olunenguqulelo, noluzinzileyo, oluneempawu zokuhluma koqoqosho kunye nengqesho.

6.2 UMnqophiso

Ukufumana ingxelo yombono njengoko uchazwe apha ngasentla, iSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho liya kubonelela nobunkokheli obusemgangathweni kuqoqosho lweNtshona Koloni kusetyenziswa ingqiqo yeSebe yoqoqosho, ikhono lalo lokuchonga amathuba oqoqosho kunye nekhono, kunye nomnikelo walo kokuphambili kuqoqosho lukarhulumente.

ISebe liya kwandisa imveliso kunye nekhono lokhuphiswano loqoqosho lwePhondo. Liya kuba ngungqa phambili kukukhula koqoqosho nokuyilwa kwemisebenzi ngokusetyenziswa.

ISebe liya kuxhasa ukumiliselwa komxholo weMisebenzi wesiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni kunye nesiCwangciso seQhinga sePhondo (2019-2024), njengoko uhlanganiswe kwisiCwangciso soMiliselo lweQhinga lePhondo (PSIP).

Ngesithuba sowama-2023/24, iSebe liya kunikela kwisithuba sokugqibela sokunikezelwa kwePSP yeminyaka emi-5 ngokusetyenziswa kwePSIP nokulungelelaniswa kwiQhinga lokuKhula kulungiselelwa iMisebenzi (G4J). I-G4J iya kuba liqhinga elingxabalazileyo elikhokhela iSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho (DEDAT). Imimandla ekujoliswe kuyo ephambili yeG4J kulundi lokuqala (ukuya kutsho kowama-2026) inje ngale ilandelayo:

- Ukuyilwa kwamaThuba okuKhula ngokusetyenziswa kotyalo-mali;
- UkuVuselelwa kokuKhula kweMarike ngokuThunyelwa kweMpahla kumazwe angaphandle kunye neeMarike zaseKhaya;
- UKomelezwa koMbane kunye neNguqulelo ukuya kwiNet Zero Carbon;
- UKhuseleko lwaManzi noKomelela;
- ITheknoloji kunye neNguqulelo;
- IZibonelelo kunye noQoqosho oluHlangeneyo (kubandakanywa ukuhanjiswa nezibonelelo, ibroadband kunye nenguqu yedijithali); kunye
- NoFikelelo oluphuculweyo kuMathuba oQoqosho nokuQesheka (izakhono kunye nemfundo, uthutho, izindlu, njl.njl.).

6.3 Iinqobo ezisesikweni

Iinqobo ezingundoqo zeSebe zezi:

Ubuchule: Ikhono lokwenza umsebenzi esiqeshelwe ukuwenza.

Ukuthatyathwa koxanduva: Sithabatha uxanduva.

Imfezeko: Ukuthembeka nokwenza okulungileyo.

Inguqulelo: Ukwamkela iimbono ezintsha nokuphuhlisa kwezisombululo eziyilayo kwiingxaki ngendlela enobuqili.

Ukusabela: Ukusebenzela izidingo zabemi bethu kunye nabasebenzi.

7. IZIGUNYAZISO ZOWISO-MTHETHO NEZINYE

Isigunyaziso somgaqo-siseko

UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996

IShedyuli 4 yoMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika idwelisa imimandla yokusebenza yamagunya owiso-mthetho okusebenza asetyenziswa kunye sisizwenephondo. Loo mimandla efanelekileyo kuPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho yile:

- UKhuseleko loMthengi;
- UkuKhuthazwa koShishino;
- UKhenketho; kunye
- NoRhwebo.

IShedyuli 4B of the yoMgaqo-siseko lchonge uKhenketho lweNgingqi njengomba kamasipala omagunya asetyenziswa kunye nowiso-mthetho lweSizwe nolwePhondo, kubungakanani obandlalwe kumaCandelo155(6)(a) kunye nelesi-(7) oMgaqo-siseko.

Ezinye izigunyaziso zowiso-mthetho nezomgaqo-nkqubo

Imithetho emininzi idlala indima kumda womsebenzi weSebe. Imithetho emininzi ebalulekileyo nemigaqo-nkqubo ichaziwe:

UMthetho wokuXhotyiswa kuQoqosho okuSekwe ngokuBanzi kwabaNtsundu, 2003

Lo Mthetho ngumthetho onqamlezileyo onezigunyaziso eziqhelekileyo zohambelwano ezisebenza kuwo onke amasebe. Useka isicwangciso-nkqubo sowiso-mthetho ukulungiselela ukukhuthazwa kokuxhotyiswa kuqoqosho lwabantsundu, uxhobisa uMphathiswa weSizwe ekukhupheni iikhowudi zendlela ezilungileyo zokusebenza nokupapasha amaphepha amalungelo enguqu, useka iBhunga leNgcebiso yokuXhotyiswa ngoQoqosho kwabaNtsundu nokubonelela kwimiba enxulumene noko.

UMthetho woShishino, 1991 (uMthetho 71 we-1991)

UMthetho ubonelela ngokukhutshwa kwamaphepha-mvume nokuqhutywa kwamashishini kunye nemicimbi enxulumene noko ke.

UMthetho woKhuseleko loMthengi, 2008 (uMthetho 68 wama-2008)

UMthetho ukhuthaza ukulunga, ufikelelo nokuzinza kwendawo yemarike kulungiselelwa iimveliso zomthengi kunye neenkonziso ngenxa yaloo njongo useke izithethe nemigangatho yesizwe enxulumene nokhuseleko lomthengi, ubonelela ngemigangatho ephuculweyo yengcaciso yomthengi, uthintela iindlela ezithile ezingenabulungisa zokuthengisa noshishino, ukhuthaza indlela yokuziphatha efanelekileyo yomthengi, ukhuythaza isicwangciso-nkqubo esizinzileyo sowiso-mthetho nesokunyanzeliswa komthetho esinxulumene neentengiselwano zomthengi neentlanganiso, nokusekwa kweKhomishini yeSizwe yoMthengi.

UMthetho wamaShishini amaNcinane, 1996 (uMthetho 102 we-1996)

UMthetho ubonelela ngokusekwa kweQumrhu leNgcebiso kunye ne-Arhente yoPhuhliso lwamaShishini amaNcinane yaye ubonelela ngaphezulu ngezikhokhelo ezilungiselelwe amasebe kaRhulumente ukulungiselela ukukhuthazwa kwamashishini amancinane kwiRiphabliki kunye nemicimbi ehambelana kunye nawo.

UMthetho weNkampani yamaPhepha-mvume oMmandla woPhuhliso woShishino eSaldanha Bay, 2016 (uMthetho 1 wama-2016)

Injongo yoMthetho kukulawula ukusebenza kweSaldanha Bay IDZ Licencing Company SOC Ltd, ukubonelela ngolwabelwano loRhulumente weNtshona Koloni kwiSaldanha Bay IDZ Licencing Company SOC Ltd, ukubonelela ngezinto, imisebenzi kunye nolawulo lweSaldanha Bay IDZ Licencing Company SOC Ltd kunye nemicimbi ehambelana kunye nayo.

UMthetho woKopolotyeni, 2005 (uMthetho 14 wama-2005)

UMthetho uyasivuma isidingo sokubhaliswa kookopolotyeni, ngokuhambelana nomgaqo-nkqubo onqamlezileyo wesizwe, wephondo kunye nomasipala kunye nezicwangciso-nkqubo zolawulo lomthetho, ngokunjalo nesidingo sophuhliso sohanjiso lwentsebenziswano olusebenzayo, oluzimeleyo, oluxhomekeke kulo nolizinzisayo ukukhuthaza uphuhliso loluntu nobushishini, ukuyilwa kwengqesho kunye namashishini aphumeleleyo, ukubhangiswa kwendlala nokuphuculwa kwempilo-ntle yoqoqosho lwentlalo yamalungu ookopolotyeni ngokuhambelana nemithetho-siseko yokopolotyeni.

UMthetho woBulungu beNtshona Koloni woThelelwano loPhuhliso loQoqosho lweNtshona Koloni, 2013 (UMthetho 12 wama-2013)

Injongo yoMthetho kukubonelela ngobulungu boRhulumente wePhondo kuThelelwano loPhuhliso loQoqosho lweNtshona Koloni NPC, ukulawula ukukhutshelwa kweengxowa-mali kuThelelwano loPhuhliso loQoqosho lweNtshona Koloni NPC nokubonelela kwimicimbi ehambelana kunye nayo.

UMthetho weNkampani yeZiko leNgqungquthela yeHlabathi laseKapa, 2000 (uMthetho 8 wama-2000)

Injongo yoMthetho kukubonelela ngolwabelwano lwePhondo leNtshona Koloni kwiNkampani yeZiko leaseKapa leNgqungquthela yeHlabathi, kulungiselelwa inkxaso-mali ebonelelwe kwiNkampani liPhondo, nokubonelela kwimicimbi ehambelana kunye nayo.

UMthetho woMmandla oWodwa woQoqosho, 2014 (uMthetho 16 wama-2014)

Injongo yoMthetho kukubonelela ngokutyunjwa, ukukhuthazwa, ukuphuhliswa, ukusetyenziswa kunye nokulawulwa kweMimandla eYodwa yoQoqosho, ukubonelela ngokusekwa, ukuqeshwa kwamalungu nokusebenza kweBhodi yeNgcebiso yeMimandla eYodwa yoQoqosho, ukubonelela ngokusekwa kweNgxowa-mali yeMimandla eYodwa yoQoqosho, ukulawula isicelo, ukukhutshwa, ukurhoxiswa, ukutsalwa nokukhutshelwa kwamaphepha-mvume omsenebzisiweMimandla eYodwa yoQoqosho, ukubonelela ngemisebenzi zomsebenzisi weMimandla eYodwa yoQoqosho, ukubonelela ngamalungiselelo ethutyana nokubonelela kwimicimbi ehambelana kunye nayo.

UMthetho weNkampani yeZibonelelo zoPhuhliso eziZodwa, 2019 (uMthetho 3 wama-2019)

UMthetho useka umntu womthetho owaziwa njengeNkampani yeZibonelelo zoPhuhliso oluLodwa loQoqosho lweNtshona Koloni SOC LTD, ukugunyazisa ulwabelwano loRhulumente weNtshona Koloni kwiNkampani, ubonelela ngamagunya kunye noxanduva lweNkampani, ubonelele ngokulawulwa, ngokuphathwa, ngenkxaso-mali kunye nolawulo lwemalilweNkampani nokubonelela kwimicimbi ehambelana kunye nayo.

UMthetho wezoKhenketho, 2014 (uMthetho 3 wama-2014)

UMthetho ubonelela ngophuhliso nokukhuthazwa kokhenketho okuzinzileyo kubonelelwa iRiphabliki, abahlali bayo kunye nabatyeleli bayo, ukubonelela ngobukho obuqhubekayobeBhodi yoKhenketho yoMzantsi Afrika nokusekwa kweBhunga lokuHlela loKhenketho, ukulawula ubuchule bokukhokhela abakhenkethi nokubonelela kwimicimbi enxulumene nayo apho. Yenza ngokuthe ngqo isibonelelo sobhaliso, soqeqesho olungaphezulu kunye nekhawudi yokuziphatha elungiselelwe abakhokheli babakhenkethi, iinkqubo zokungeniswa kwezikhhalazo nemiqathango yoluleko.

UMthetho weMicimbi yoMthengi weNtshona Koloni (IZenzo ezingalunganga kuShishino), 2002 (uMthetho 10 wama-2002)

UMthetho ubonelela ngophando, uthintelo nolawulo lwezenzo ezingalunganga kushishino nokusekwa kwe-Ofisi yoMkhuseli woMthengi kunye neeNkundla zeMicimbi yoMthengi.

UMthetho we-Arhente yokuKhuthazwa koKhenketho, uThwebo noTyalo-mali weNtshona Koloni, 1996 (uMthetho 3 we-1996) [QAPHELA: Izilungiso kuMthetho oLungisiweyo we-Arhente

yokuKhuthazwa koTyalo-mali noRhwebo, 2005 (uMthetho 1 wama-2005) kunye noMthetho oLungisiweyo we-Arhente yokuKhuthazwa koTyalo-mali noRhwebo weNtshona Koloni, 2013 (uMthetho 6 wama-2013)]

UMthetho ubonelela, phakathi kwezinye izinto, ngokuseka, izinto, ingqesho, amagunya kunye nemisebenzi ye-Arhente yokuKhuthazwa koRhwebo noTyalo-mali yeNtshona Koloni kunye namagunya noxanduva lwabalawuli neBhodi ye-Arhente kunye neGosa leSigqeba eliyiNtloko, ukulungiselela ukukhuthaza nokuxhasa ukukhula koqoqosho nophuhliso lwePhondo, kubandakanywa ukukhuthazwa kokhenketho, nokunonelelwa kwemicimbi ehambelana kunye nayo apho.

IZIGUNYAZISO ZOMGAQO-NKQUBO

Iqhinga leMinyaka emihlanu leSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho 2020 – 2025

Iqhinga leminyaka emihlanu leDEDAT 2020 – 2025 lihleli lingaguqukanga ngokuthambekele kwinto yokuba lilungelelaniswe kakuhle kunye nesiCwangciso seQhinga sePhondo kunye nesiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni. Liqulathe imimandla emi-5 ekujoliswe kuyo, eyile:

- Utyalo-mali ngokukhuthazwa nezibonelelo ezinxulumeneyo;
- Ukukhuliswa kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe;
- Ukulungiswa kwezithuba kwizakhono;
- Ukukhawuleziswa kokwenziwa koshihino; kunye
- Ukomelela kwezibonelelo.

Le mimandla ekujoliswe kuyo yeSebe kunye neziphumo zayo ngokwahlukeneyo yenza imbombo yeqhinga leminyaka emihlanu leDEDAT.

IsiCwangciso-nkqubo sokuLawula iNgcaciso yokuSebenza kweNkqubo (FMPPI, 2007)

I-FMPPI icacisa iingqikelelo eziphambili kuyilo nokumiliselwa kweenkqubo zolawulo ukuchaza, ukuqokelela, ukunika ingxelo nokusetyenziswa kwengcaciso yokusebenza kwicandelo likarhulumente. I-FMPPI igxininisa okokuba ingcaciso yokusebenza iyimfuneko ukujolisa ingqiqo karhulumente namaqumrhu awongameleyo ekubeni ingaba amaziko karhulumente anikezela inkonzo elingana nexabiso lemali esetyenzisiweyo, ngokuthelekisa umsebenzi wawo nohlahlo lwabiwo-mali kunye nezicwangciso zokunikezelwa kwenkonzo nokuphaphamisa abaphathi kwimimandla apho kudingeka imiqathango yolungiso.

IsiCwangciso sokuSebenza soMgaqo-nkqubo woShishino (IPAP)

IsiCwangciso sokuSebenza soMgaqo-nkqubo woShishino (IPAP) sendeleliswe ngokuqinileyo kumgaqo-nkqubo kaRhulumente ngokubanzi kunye nezicwangciso zokujongana nemiceli mingeni ephambili yokukhula koqoqosho kunye nezomzi-mveliso kunye nentlupheko esekwe kubuhlanga, ukungalingani kunye nentswela-ngqesho. I-IPAP 2018 sisiphumo samaCandelo ezoQoqosho, ukuQeshwa kunye nokuPhuhliswa kombumbano lweZibonelelo (ESEID). Uxanduva lokuphunyezwa kwalo luxhomekeke kuRhulumente ephelele kwaye noluhlu olubanzi lwamaqumrhu, kubandakanya ii-SOC.

I-IPAP 2018 igxile kule mixholo ilishumi iphambili ethi isekele umsebenzi we-dti ukuba isebenze njengesikhokhelo yenzame ebanzi yoshishino:

- Ukukhuliswa koqoqosho.
- Ukomelezwa kweenzame ukuphakamisa ibango lasekhaya lokuhlanganisa – ikakhulu ngothengwa kwempahla karhulumente kwingingqi nokuqiniswa kweenzame zokucengwa kwecandelo langasese okokuba lixhase ukuthengwa kwempahla kwingingqi nokuphuhliswa kwabanikezeli benkonzo bengingqi.
- Ukunyuswa kwenzame zokuthunyelwa kwempahla yoMzantsi Afrika kwamanye amazwe.
- Ukuyilwa nokuqiniswa kwengqiniseko yomgaqo-nkqubo nolungelelwaniso lwenkqubo.
- Ukomelezwa kweenzame eziqhubekayo zokwakha iingingqi zoqoqosho ezingenamashishini maninzi endaweni enye, nobume boqoqosho bokhuphiswano nobokwenziwa kwempahla apho izithintelo zokufikelela kushishino kubantu abaqalayo zingekho kakhulu.
- Ukwakhiwa kwenkqubo eyomeleleyo yemali yorhwebo kunye nenkuthazo ukuxhasa nokufikelela kumanqanaba aphezulu otyalo-mali lwangasese kumacandelo emveliso oqoqosho nokukhuliswa kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe.
- Ukuqhutyelwa phambili neeprojekti ezendeleyo kwitheknoloji, ezangezelela isibonelelo sexabiso ezixhathise ngokupheleleyo kuncedo lomnikelo wezibonelelo zothelekiso zeSA kuncedo lokhuphiswano lwehlabathi.
- Ukwandiswa kokhutshelo lwetheknoloji nokuvangwa kunye, yaye ukusebenza ngokusondeleyo neSebe leNzululwazi neTheknoloji, kuqhubela phambili iinzame zokuthengiswa kweR&D 'yasekhaya' kumacandelo aphambili.

- Ukuxhaswa kokuqiniswa okungaphezulu kwemveliso ezifanelekileyo zombane kunye neenzame zokudanjiswa kwekhabhoni kunye nemiqathango ngendlela apha enceda inguqulelo yamacandelo oqoqosho asebenzisa kakhulu umbane ukulungiselela ukugcina ukhphishwano loshishino nokukhuliswa kwamathuba okuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe.
- Ukuqonda, ukubamba nokulungiselela iimpembelelo ezingabonwanga kwangaphambili zeNguqu yoShishino lweDijithali nokuvula kweethetknoloji eziphazamisayo, ukuziqhelanisa ngokuhlangeneyo kwamacandelo emveliso neenkonzo eSA ukuhlangabezana nemingeni, kubandakanywa nezo zinxulumene nokushenxiswa kwengqesho.

IsiCwangciso seSizwe soPhuhliso (NDP)

lingqikelelo eziphambili zeNDP zezi:

- Ukumanyana kwaBemi boMzantsi Afrika malunga nenkqubo efanayo;
- Abemi bazimisele kuphuhliso lwabo;
- Ukukhula kooqoqosho okukhawulezileyo nokuhlangeneyo;
- Ukwakhiwa kwamakhono;
- Urhulumente onesakhono; kunye
- Nobunkokheli nokuthatyathwa koxanduva kulo lonke uluntu.

IsiCwangciso soMzantsi Afrika soKwakhiwa ngutsha koQoqosho noVuselelo, 2020

lingqikelelo eziphambili zesicwangciso zezi:

- Iphulo lotyalo-mali lwezibonelelo ngentsebenziswano necandelo langasese ukuvuselela ukuyilwa kwemisebenzi
- Ukufezekiswa kokhuseleko lombane ngokuvulelwa kwesixokelwano sonikezelo lombane kubavelisi bombane abazimeleyo;
- Ukuqhutyelwa phambili kwedijithali ngenkqubela phambili yokuthengiswa koluhlu olusekwe banzi nokuzibophelela ukuphucula isakhono "sikarhulumente";
- Ukunyenysiswa kobume obulawulayo ukwandisa ubulula bokuqhutywa koshishino kunye nephuloelinxulanyisiweyo lokuphuhlisa kwamashishini amancinane;
- Ukuqaliswa kwee-e-visa ukwandiswa kwabatyeleli; kunye
- Neskimu sokuqeshwa kwabantu abatsha ukunceda ootitshala kukufunda esikolweni.

Esi sicwangciso sesizwe sovuselelo sihambelana nenani lemixholo kumxholo wemisebenzi wesiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni.

IsiCwangciso-nkqubo soMgaqo-nkqubo weSizwe woVavanyo, 2011

IsiCwangciso-nkqubo soMgaqo-nkqubo weSizwe woVavanyo (NEPP) sibonelela ngesiseko senkqubo ephantsi yovavanyo kuye wonke urhulumente kunye nolwimi olunye lovavanyo kwinkonzo karhulumente. Injongo yaso kukuqinisekisa ngeemvavanyo ezikumgangatho olungileyo ezithi zinike ingcaciso emalunga noko kusebenzayo noko kungasebenziyo yaye, ngale ndlela, zineda ukuphucula ukusebenza kakuhle kunye nempembelelo yomsebenzi karhulumente. Ukuphucula ukusebenza, isicwangciso-nkqubo sisekela imfuneko yokusetyenziswa yobungqina obufezekileyo nobujonga onke amacala obuveliswe luvavanyo kucwangciso, kuhlalo lwabiwo-mali, kuphuculo lombutho nakuhlaziyo ngokutsha lomgaqo-nkqubo kwinkqubo nakulawulo lweprojekti.

IsiCwangciso seSizwe soVuselelo lweCandelo loKhenketho

Ubhubhane weCOVID-19 ube nempembelelo engummangaliso kwicandelo loKhenketho lwehlabathi. Oorhulumente kwihlabathi liphela kunyanzeleke ukuba bamilisele imiqathango eyimfuneko ukunqanda ukusasazeka kwentsholongwane yekhorona ukwenzela ukuba ikhono lenkqubo yempilo lingoyisakali ngumlinganiselo wolwasuleleko. Impembelelo ethe ngqo yaba kukunyinwa nokuhamba kwihlabathi okuthe kwanempembelelo embi kwikhono lehlabathi lokusebenzisa icandelo loKhenketho. IsiCwangciso seSizwe soVuselelo lweCandelo loKhenketho siphuhlisiwe ukukhokhela iinzame ngokuphathelele kuvuselelo emva kweCOVID-19. Imixholo emithathu yeqhinga isebindini wovuselelo loMzantsi Afrika: Ukulunyekwa kwakhona kweBango, UkuHlaziywa kwakhona koNikezelo nokoMelezwa kweKhono eliNcedayo. Ngaphantsi kwale mixholo, izindululo zeqhinga ezilishumi ziyacetywa ngokunjalo nemisebenzi ethile, amaxesha abekiweyo nokuthatyathwa koxanduva.

IQhinga leSizwe leCandelo loKhenketho (NTSS)

Uphando lubonisa ukuba kusekho amathuba amaninzi okukhula kokhenketho kweli lizwe angaxhaphazwa ngokupheleleyo. Oku kukhokelele iSebe leSizwe lezoKhenketho, phantsi kokukhokelwa nguMphathiswa woKhenketho, ukuba aqalise kwaye alawule inkqubo ebandakanyayo yokuyila iQhinga leSizwe leCandelo loKhenketho ukukhuthaza kunye nokukhawulezisa ukukhula koxanduva kushishino lokhenketho ukusuka kowama-2016 ukuya kowama-2026.

I-NTSS iphakamisa iintsika ezi-3 eziphambili ezinemimandla ethile ekugxilwe kuyo ezinombono zesizwe, zephondo nezengingqi.

Intsika 1: UkuThengiswa okuSebenzayo ukunikezelwa kwendlela elungeleleneyo ukukhuthaza uMzantsi Afrika okokuba ube yindawo yokufikela ephezulu ezingqondweni nokuphuculwa komlinganiselo wokutshintshwa kwemali.

Intsika 2: Ukuququzelelwa koFikelelo oluLula ukuququzelelwa kohambo olungenazithintelo nofikelelo kuthatyatho lwenxaxheba kukhenketho.

Intsika 3: Amava oMtyeleli tukubonelela ngamava asemgangathweni kubatyeleli (abasekhaya nabehlabathi) ukufezekisa ulwaneliseko lomthengi nokubavuselela kutyelelo olulandelayo.

Intsika 4: ULawulo lweNdawo yokuFikela ukubonelela ngophuhliso oluzinzileyo nolawulo lwecandelo lokhenketho.

Intsika 5: IZiboneleo eziSekwe ngokuBanzi tukukhuthaza ukuxhotyiswa kwamashishini ayevinjwe amathuba ngaphambili kunye noluntu lwasemaphandleni ukuqinisekisa ngokukhula okuhlangeneyo kwecandelo.

I-OneCape2040

I-OneCape2040 izama ukuvuselela inguqulelo ebhekiselele kwikamva elibandakanya kakhulu noqoqosho olomeleleyo kulungiselelwa ummandla weNtshona Koloni. Ngumbono neqhinga loluntu, kunokuba sisicwangciso sikarhulumente, nangaona omathathu amacandelo karhulumente ebalulekileyo kumiliselwano. Asikho ndaweni yazo naziphi na izicwangciso zomthetho esele zikho ezifunekayo mhlawumbi kwiphondo okanye koomasipala. Ixhibe njengendawo ekubhekiselelwe kuyo nesikhokhelo sabo bonke abachaphazelekayo ukulungiselela:

- Ukukhuthazwa kwendlela yokucinga entsha nonxibelelwano olubalulekileyo kwikamva;
- Ukunikela nge-ajenda efanayo kulungiselelwa intsebenziswano yamashishini angasese, karhulumente noluntu;
- Ukunceda kulungelelwaniso lomsebenzi karhulumente nezigqibo zotyalo-mali;
- Ukuququzelelwa kweenguqu ekufuneka sizenzile ukuziqhelanisa nobume bethu obuguquka (ngokukhawuleza) bengingqi nobehlabathi; kunye
- Ukulugiswa kweziguqunyaziso zophuhliso lwethu, uzinziso, ubandakanyo nokhuphiswano.

IsiCwangciso seQhinga sePhondo (PSP) 2019 - 2024

I-PSP yowama-2019-2024 sisicwangciso seminyaka emihlanu esandlala amaqhinga nezicwangciso zoRhulumente weNtshona Koloni zeminyaka elandelayo emihlanu. Iqulathe okuPhambili okuVuselelwa nguMbono 5, okukoku:

- Okuphambili okuVuselelwa nguMbono 1: Uluntu olukhuselekileyo noluhambelanayo;
- Okuphambili okuVuselelwa nguMbono 2: Ukukhula nemisebenzi;
- Okuphambili okuVuselelwa nguMbono 3: Ukuxhotyiswa kwabantu;
- Okuphambili okuVuselelwa nguMbono 4: Ukuguqu-guquka nenguqu yesithuba; kunye
- Okuphambili okuVuselelwa nguMbono 5: Inguqulelo nenkcubeko.

IsiCwangciso sePhondo sokuMiliselwa kweQhinga (PSIP)

IsiCwangciso sePhondo sokuMiliselwa kweQhinga (PSIP) sisebenza njengeqhinga lomiliselwano lwesiCwangciso sePhondo seQhinga 2019-24, isiCwangciso soVuselelo, nokuphambili okungundoqo kwephondo. UkuKhula okulungiselelwe iQhinga leMisebenzi, njengeqhinga loqoqosho elingxabalazileyo lePhondo, liya liya kuthabatha indawo yokuPhambili kweMisebenzi kwePSIP kunye nesiCwangciso soVuselelo.

IsiCwangciso sePhondo sokuMiliselwa kweQhinga sijolise kumangenelo angundoqo kunye nemigqalisela kuyo yonke iWCG axhasa okuphambili kwayo okuthathu 1) imisebenzi; 2) ukhuselo; 3) impilo-ntle; kunye nomncedi wenguqulelo, inkcubeko nolawulo. Njengoko amalinge amatsha eqhinga evela nokuzibophelela ngokutsha kusenziwa, kuya kwangezelelwa kwiPSIP, ngeli thuba amalinge aqukunjelweyo nangasebenziyo aya kuyekw, njengoko iPSIP ithatyathwa njengoxwebhu olusebenzayo.

ITheyibhile 2: Okuphambili kwisiCwangciso sePhondo sokuMiliselwa kweQhinga nemimandla ekujoliswe kuyo

Okuphambili kwisiCwangciso soMiliselo lweQhinga lwePhindo nemimandla ekujoliswe kuyo ngowama-2022/23					
Ukuyilwa kwemisebenzi: Izakhono nokuyilwa kwemisebenzi yecandelo likarhulumente	Ubume obuncedayo	Uphuhliso lwecandelo nokhuphiswano	Utyalo-mali	Ukomelela kwezibonelelo	Izibonelelo

UThungelwano lweSA

UMgaqo-nkqubo weThungelwano lweSizwe loMantsi Afrika (olwamkelwe ngoDisemba 2013) unikezela ngesicwangciso-nkqubo sobume obomeleleyo bothungelwano ngocingo kwilizwe. Ulungelelaniswe kwiNDP, ungqina kuncedo loqoqosho okokuba izibonelelo zothungelwano zinakho ukuqaliswa xa le miqathango ilandelayo ithe yahlangatyezwa:

- Uthungelwano kufuneka lufikelele kwisininzi esibalulekileyo sabemi boMzantsi Afrika;
- Ufikelelo kuthungelwano kufuneka lufikeleleke;
- Izakhono kwicala lobango kufuneka ziphuhlise ukulungiselela okokuba iinkonzo zothungelwano zibe nokusetyenziswa ngokufanelekileyo; yaye
- Izakhono kwicala lonikezelo kufuneka ziphuhlise ukulungiselela okokuba ikhono loqoqosho nelenguqulelo lothungelwano libe nakho ukusetyenziswa.

Eminye imigaqo-nkqubo ebalulekileyo ethi iphemebelele icandelo le-ICT ibandakanya:

- IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo leSizwe loMgaqo-nkqubo oHlangeneyo we-ICT (2016);
- IQhinga le-Intanethi leSizwe (2017);
- IKhomishini kaPrezidanti ngeKhomishini yoShishino lwesiNe – INgxelo yeZindululo (2020); kunye
- IQhinga leDijithali leSizwe kunye neZakhono zeXa elizayo (2020).

IsiCwangciso-nkqubo seQhinga loThungelwano leNtshona Koloni (2012)

IsiCwangciso-nkqubo sandlala indlela ephemeleleyo yokulungisa ufikelelo (izibonelelo), ukulungela nosetyenziso ngurhulumente, abemi kunye namashishini ukulungiselela ukuphucula unikezelo lwenkonzo karhulumente, ukuqinisa ufikelelo lwabemi kumathuba kunye nengcaciso nokwandiswa kokhuphiswano loqoqosho.

IsiCwangciso-nkqubo seQhinga soQoqosho oluHlaza seNtshona Koloni

Injongo yesicwangciso-nkqubo kukubeka iNtshona Koloni njengephondo eliphantsi kwikhabhoni eMzantsi Afrika yaye likqenqenze phambili njengendawo yoqoqosho oluluhlaza kwilizwekazi le-Afrika kube nomphumela wokukhula okuzinzileyo okuluhlaza kunye nophuhliso.

IsiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni

Imimandla ekujoliswe kuyo emithathu ethe yakhethwa njengeentsika zesiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni YIMISEBENZI, LUKHUSELEKO kunye NEMPILO-NTLE. Ummandla egxile kuyo *iMisebenzi* uyinika ingqwalasela into yokuba nangona icandelo langasese liphambili ekuveliseni imisebenzi, yindima yeWCG ukuyila iimeko ezincedayo ekuyilweni nasekuzinziseni imisebenzi nempilo-ntle.

Intsika *Yokhuselelo* iyayiqonda into yokuba iWCG izibophelele ekwenzeni iphondo libe yindawo ekhuselekileyo yabo bonke abahlali kunye nabatyeleli nokulungisa izizathu kunye nemiba yomngcipheko esekelayo ethi ikhokhelele kubundlobongela nolwaphulo-mthetho. Oku kunokuphumelela ngcono ngokusetyenziswa kwendlela yolwakhiwo loluntu olwakhelwe kwintsebenziswano eyomeleleyo kunye nothelelwano apho umntu ngamnye, abazali, imibuto kumye namaziko adlala indima ekunciphiseni ubundlobongela .

IWCG ibeke *Impilo-ntle* njengentsika esebindini yokwenziwa ngurhulumente ukulungiselela ukufezekisa ngamanqanaba amalungelo esiseko akuMgaqo-siseko nokuqinisekisa ngesidima somntu sabo bonke abemi beNtshona Koloni. Oku kujolise ekulungiseni iimfuno ezifana nemfundo, impilo, ukhuselelo, indawo yokuhlala, iimeko ezinesidima zokuhlala, kunye nokufikelela kumathuba oqoqosho.

Umxholo *weMisebenzi* yesiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni silungelelaniswe nesicwangciso seqhinga sePhondo (PSP) kunye namangenelo akhawulezileyo. Okona kuphambili kweSebe, kulungelelaniswe kumxholo wemisebenzi wesiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni, koku:

- Ukukhawuleziswa kokwenziwa lula kokuqhutywa koshishino;
- Ukukhuthazwa kotyalo-mali nokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe;
- Ukuphuhliswa kweshishini;
- Ukunyuswa kwamathuba emisebenzi kunye nezakhono zabantu abangenayo imisebenzi; kunye
- Nokomelezwa koqoqosho.

IQhinga lokuKhula okulungiselelwe iMisebenzi


IQhinga lokuKhula okulungiselelwe iMisebenzi (G4J) linombono ocace kakhulu:

Woqoqosho lwephondo olufezekisa ukugqabhuka kokukhula koqoqosho, okunomphumela kwingqesho enganele kunye nethuba kunye noqoqosho oluzinzileyo, olomeleleyo, olwahlukeneyo noluzamela ukuvelisa ukuzithemba, ithemba nokuhluma komntu wonke.

Elinenjongo ethi:

Ngowama-2035, iNtshona Koloni iya kuba noqoqosho olubandakanyayo isigidi sesigidi sezigidi esi-R1 ngokwenyani yaye luyakhula ngepesenti ezi-4 ukuya kwezi-6 ngonyaka. Oku kuya kufezekiswa ngokuncedwa kobume bokhuphiswano loshishino apho ukukhula kuqhutywa ngokusetyenziswa kwamathuba ngamashishini.

IQhinga lokuKhula okulungiselelwe iMisebenzi luyinika ingqwalasela into yokuba uqoqosho luhlu oluntsonkothileyo lwemiba ehlanganayo, yaye, ngenxa yesi sizathu, uhambelwano phakathi kwamacandelo azimeleyo le luqinisa kwakhona ubume obuncedayo boshishino obuvuselela ukukhula kwemarike nokuxhasa amathuba okukhula.




Inkqubo yohlahlelo nonxibelelwano ikhokhelele kwiMimandla esixhenxe ePhambili ekuJoliswe kuyo (iiPFA) ukulungiselela ukuchongwa kweQhinga lokumilisela kwisithuba sexesha elifutshane neliphakathi. IiPFA ezisixhenxe zigxile kwizithintelo ezingundoqo kumashishini othungelwano nakwimiba eyimfuneko edingekayo ukunyusa umba ophelileyo wemveliso nokhuphiswano.



ISebe liya kulungelelanisa nokuKhula okulungiselelwe iMisebenzi, ngeli thuba lithe gqolo ngokunjalokunikezelo kwiPSIP.

8. UBUME BOMBUTHO





CHIEF DIRECTOR

CHIEF DIRECTOR
ECONOMIC

CHIEF DIRECTOR
STRATEGIC AND OPERATIONAL SUPPORT
Ms C Julies

DIRECTOR
BUSINESS
REGULATION

Mr J Peters
UMLAWULI
ENTERPRISE
DEVELOPMENT

Ms I van Schalkwyk
UMLAWULI
AGRI-PROCESSING
SECTOR

Mr N Joseph
UMLAWULI
SKILLS
INCENTIVES

Mr A Searle

Mr J Wolmarans
UMLAWULI
RED TAPE
REDUCTION

Mr G Dingaan
UMLAWULI
OIL, GAS AND
MARITIME
(Vacant)

Ms R Loghdey
UMLAWULI
SKILLS
PROGRAMMES
AND PROJECTS
(Vacant)

Ms M Ellis
UMLAWULI
MUNICIPAL
ECONOMIC
SUPPORT

(Vacant)

(Vacant)

Ms F Dharsey
UMLAWULI
PROVINCIAL
SKILLS AND
PARTNERSHIP

(Vacant)

Ms M Parker

UMLAWULI

Mr J Stoltz
UMLAWULI
TOURISM

UMLAWULI

(Vacant)

MANUFACTURING

(Akunamntu)

9. AMAQUMRHU ANIKA INGXELO KUMPHATHISWA

Itheyibhile engasezantsi ibonisa amaqumrhu athi anike ingxelo kuMphathiswa/MEC.

Igama lequmrhu	Isigunyaziso sowiso-mthetho	Ubudlelwane bezemali	Uhlobo lwemisebenzi
I-Arhente yokuKhuliswa koTyalo-mali noRhwebo yeNtshona Koloni (Wesgro)	UMthetho we-Arhente yokuKhuliswa koTyalo-mali noRhwebo yeNtshona Koloni, 1996 (UMthetho 3 we-1996)	Umamkeli weNtlawulo eKhutshelweyo	I-Wesgro yi-Arhente esesikweni yokuKhuliswa koKhenketho, uRhwebo noTyalo-mali yeNtshona Koloni
I-Saldanha Bay Industrial Development Zone Licensing Company (Freeport Saldanha)	UMthetho weSaldanha Bay Industrial Development Zone uMthetho weNkampani yokuNikezela amaPhepha-mvume, 2016 (uMthetho 1 wama-2016)	Umamkeli weNtlawulo eKhutshelweyo	I-SBIDZ LiCo inoxanduva lophuhliso, lokukhuthaza, lokulawula, lomsebenzi nokuthengiswa kommandla wophuhliso loshishino kummandla waseSaldanha Bay ngokunjalo nemisebenzi encedisayo ethi idingeke kulungiselelwa ukusekwa kwe-IDZ.
I-Atlantis Special Economic Zone Company (ASEZ Co)	Umthetho 16 wama-2014 weSpecial Economic Zone	Umamkeli weNtlawulo eKhutshelweyo	I-ASEZ Co inoxanduva locwangciso, lophuhliso, lokukhuthaza nokulawulwa kwetheknoloji eluhlaza yoMmandla oWodwa woQoqosho e-Atlantis, eKapa.







Part

B

INGCACISO YOKUSEBENZA



UkuHlaziywa koQoqosho lweSizwe

Kwisithuba sonyaka odlulileyo, uqoqosho loMzantsi Afrika luchatshazelwe kakubi kakhulu luluhlu lweziphazmiso zehlabathi nezengingqi kubandakanywa ukuhla kakhulu kokukhula koqoqosho lwehlabathi, imilo yezopolitiko lwengingqi, ukuqiniswa komgaqo-nkqubo wemali, izibonelelo ezingathembakalanga, nokunqongophala okubi kombane, phakathi kwezinye zezinto. Imbonakalo kulo nyaka ayicacanga, kunokukhula kancinane okanye okungekhoyo okulindelekileyo kowama-2023. Ngokuhambelana noku, kweyKhala wama-2023 iBhanka enguVimba yoMzantsi Afrika (SARB) ihlaziye imbonakalo yayo yokukhula ukuya kwi-0.4%.

Kwintlanganiso yowama-20 kweyKhala 2023, iBhanka enguVimba woMzantsi Afrika (SARB) iwushiye umlinganiselo wemboleko-mali ungaguqukanga usisi-8.25%, emva kokuwunyusa amathuaba alishumi alandelelanayo ukususela kweyNkanga 2021. Nangona kunjalo, uMlawuli weBhanka enguVimba uqaqambise into yokuba ukunyaswa komlinganselo akusayi kuphela ngokwangoku, ecebisa into yokuba inkxalabo yokunyuka nokuhla kwamaxabiso kuyaqhubeka ukuzilazila. Okuqaphelekayo, ithathwa ngokungenakwenza into yokuba iSARB ingayithoba imilinganiselo nangaliphi na ixesha kufutshane nje njengoko siqhubeka kuxinzelelo lokuhla kwamaxabiso kunye nobuthathaka bamanani angawo eGDP. Iingcali zoqoqosho, ngoko, zinethemba lokuba ukuhla kwamanani okuphuculweyo nokomelela okubonakalayo kwerandi kuya kuthintela ukunyaswa okungaphezulu komlinganiselo, ukulandela uhambo olude lweSARB ukususela ngowama-2006. Kwelinye icala, iingcali zoqoqosho zilindele ukuhla komlinganiselo ukuba kwenzeka ngowama-2024. Oku kuya kuzisa ulwamkelo loncedo kubathengi abasematyaleni, okuya kubashiya benengeniso abangayisebenzisayo enininzi ezipokothweni zabo. Ukususela kwimbono ebanzi yoqoqosho olukhulu, oku kunekhono lokuvuselela ukusetyenziswa notyalo-mali yimizi-mveliso.

Ubungqongqo bokucinywa kombane kuphungulwa umthwalo wosetyenziso, nokusilela kwezibonelelo zoololiwe, zendlela, kunye nezonzweme kuyichaphazele kakhulu ingqiniseko yoshishino, kunye namacandelo okwenziwa kwempahla kunye namashishini ajongene nomthengi afumene ukuhla okubi kakhulu kukuzithemba. ISalathisi (BCI) sakutsha nje seNgqiniseko yoSishishino RMB/BER sihle ukususela kuma-36 kwiKota yoku-1 yowama-2023 ukuya kuma-27 kwiKota yesi-2 ngowama-2023.

IMbonakalo yoQoqosho lweNtshona Koloni

Uqoqosho lweNtshona Koloni luqikelelwa okokuba luya kuhla luyokutsho kwi-0.8% ngowama-2023, emva kokukhula ngesi-2.7% ngowama-2022 (IHS, 2023). Isimo soqoqosho sisasele singumngeni kuqoqosho lweNtshona Koloni. Ngoko, amathuba okukhula anikezelwayo kwezokhenketho, kumbane ohlaziyiweyo namathuba okukhula anikezelwa yiNkqubo yokuThengiswa koShishino.

I-BER Business Confidence Index yeNtshona Koloni iphuculwe ngamanqaku ama-5 esalathisi ukususela kumanqaku esalathisi angama-34 ukuya kumanqaku esalathisi angama-39 kwiKota yoku-1 yowama-2023, ibonisa ukuphucuka kancinane kwingqiniseko yoshishino. Ngoko, kunyaka ngonyaka, iBCI yephondo ifumene ukuhla kwamanqaku esalathiso ali-13, ukususela kuma-52 ukuya kuma-39. Kuma-39, iBCI yeNtshona Koloni isengaphantsi kwenqaku eliphakathi lama-50 – kungakhuthazi uvuselelo lwephondo kunye neembono zotyalo-mali.

Ukuqwalasela iiMvavanyo zaRhoqo ngeKota zaBasebenzi (QLFS) zekota yesibini yowama-2023, iziphumo zemarike yabasebenzi beNtshona Koloni zibe zezilungileyo. Kwikota ngekota, iPhondo libone ukwanda ngama-54 000 kwingqesho, ngokunjalo nokwanda yama-368 000 kwingqesho yonyaka ngonyaka. INtshona Koloni inowona mlinganiselo uphantsi wentswela ngqesho kwilizwe. Umlinganiselo osesikweni wentswela ngqesho weNtshona Koloni ngama-20.6%, ongaphantsi kakhulu kunomlinganiselo wesizwe wentswela ngqesho ongama-32.6%. Ngabantu abangaqeshwanga abangama-715 000 eNtshona Koloni, abanokuhla kwinqanaba labangenangqesho nge-15 000 ikota ngekotakunye ne-176 000 kunyaka ngonyaka. IPhondo lirekhode umlinganiselo ophezulu wokungeniswa engqeshweni ongama-54.5% kwilizwe nto ebonisa okokuba kukho amathuba amaninzi engqesho eNtshona Koloni. Kulwakhiwo (103 000), kuthutho (73 000), kwiinkonzo zoluntu nezentlalo (71 000) nakukwenziwa kwempahla (68 000) kunikele kakhulu ukwanda kwengqesho yephondo yonyaka ngonyaka.

Icandelo lezokhenketho leNtshona Koloni liqhubekile ngokubonisa uvuseleleko emva kobhubhane weCOVID-19. Iinkcukacha zamanani zeSikhululo seeNqwelo-moya seHlabathi saseKapa (CTIA) ezivela kwi-ACSA zeyeKhala 2023 zibonisa ukwanda okubonakalayo kwama-36%, kunyaka ngonyaka kubakhweli behlabathi. Oku kuwagqithe lee

amanqanaba angaphambi kweCovid ngama-18.7%², kubonisa ixesha lasebusika elingcono kuneminyaka edlulileyo. Ukukhula kunokubalelwa kwiinqwelo-moya ezininzi eziya ngqo endaweni phakathi kweKapa nezinye iimarike³ eziphambili. Irandi ephantsi iyenza iNtshona Koloni ibe nakho ukukhuphisana, ukutsala abakhenkethi abaninzi.

2. *Wesgro. 2023. UVavanyo ngokubanzi loPhando lwezoKhenketho.*

3. *ACSA. 2023. IMbumba 2 INgxelo yoVuselelo.*

Ukuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe kuqhubekile ukwanda emva kokuba ichatshazelwe ngubhubhane wehlabathi. Ngokuhambelana ne-HIS, ukuthunyelwa kwempahla yiNtshona koloni kwanda nge-16.2% ukuya kwizigidi sezigidi ezili-194 ngowama-2022. Ngenxa yoko, ukuthunyelwa kwempahla njengepesenti yeGDP kwandile ngokunjalo kwaya kutsho kuma-21.3% ngowama-2022, ukususela kwi-19.7% ngowama-2021.

Ukuvavanya kwakhona konyaka-mali 2022/23

Yinkolelo yesiseko yeli Sebe yokokuba ukukhula koqoqosho kusembindini lwayo yonke impumelelo yophuhliso yaye ukukhula kuqhutywa ikakhulu licandelo langasese elisebanza kubume bemarrike. Indima karhulument kofuneka ngoko ibe kukuyila nokugcina ubume boshishino obuncedayo boshishino nokunikezela ngebango elikhokhelwa yinkxaso eqhutywa licandelo langasese kulungiselelwa amacandelo arhwebayo okanye aqhubela phambili, namashishini.

UKwenziwa Lula kokuqhutywa koshishino

Ukukhawuleziswa koKwenziwa Lula kokuqhutywa koShishino (EoDB) kwachongwa njengokunye okuphambili kwezintlanu kwiDEDAT. IYunithi yokuNcitshiswa kweZithintelo (RTRU) ikhokhele yaze yaqhuba i-EoDB kwisithuba esiphantsi kovavanyo yaze yalandela indlela entlangothi-mbini ekulungiseni izithintelo kubume boshishino:

- Ukunika impendulo/ukusabela (ngokusabela kwayo kwizehllo ezingeniswe kwiNkonzo yoMxeba weNcedo wokuXhaswa kweShishini)
- Ukulawulwa kwesimo kwangaphambili, okuzama ukuchonga umthetho, iinkqubo, ubuthathaka bonxibelelwano nobenkubeko obumele izithintelo okanye ukusebenza kakuhle kurhulumente.

INkqubo yoLawulo lweSehlo lungenelo olusoloko lukho wexesha eslide lweYunithi, apho abathengi/amashishini anxibelelana neSebe ngesithintelo soshishino kunye/okanye isithintelo, kunye nezehllo zabelwe kumagosa okokuba azisombulule. Inkqubo yolawulo lwesehlo ivumela iyunithi okokuba yandise ingqiqo yayo yokuchongwa kweendlela kunye nemiba yenkqubo ekhoyo kumacandelo athile. Ngesi sithuba siphantsi kovavanyo izehlo ezingama-519 zangeniswa kunye nomlinganiselo wesisombululo ongama-91%, kunye nomlinganiselo wolwaneliseko ongama-80%. Umlinganiselo wolwaneliseko ulinganiswa ngokusetyenziswa kovavanyo olwenziwa phakathi kwabathengi abafikelela kuMnxeba woNcedo. Iingcebiso ezivela kuvavanyo zivumela okokuba iyunithi iqhubeke ngokuphucula inkonzo yayo.

I-RTRU izame ukuphucula izithintelo ngokumiliseka iiprojekti ezili-19 ezilungisa imiqathango yophuculo kwishishini ejamelene neenkonzo. Olunye longenelo kula ali-19 kunye nempumelelo eqaphelekayo, luthelwano kunye noGunyaziwe woTywala weNtshona Koloni (WCLA). I-RTRU ibonelela ngenkxaso-mali kwiWCLA okuya kuba nomphumela wokuncitshiswa kwexesha lokuqwalaselwa kwesicelo ngasinye sephepha-mvume lotywala esifunyenweyo kwisithuba esifutshane. ICandelo 1 leprojekti lijolise kukuzenzekela kwezicelo ezitsha zamaphepha-mvume. Ungenelo kunye nothelwano kunyaka ophantsi kovavanyo lujolise kukuzenzekelela kwezicelo zesibini ngokuphathelene namaphepha-mvume asele ekho.

Ukuqhubeka ngeenzame zayo zokuphucula ushishino olujongene neenkonzo, nokulandela iNgxowa-mali elingwayo ye-EoDB kaMasipala ngowama-2021/22, i-RTRU iseke izigidi ezili-R10 zeNgxowa-mali ye-EoDB kaMasipala kulungiselela ukusebenza kwangaphambili ngentsebenziswano noomasipala bengingqi ukuphucula iinkonzo ezijongene noshishino, ikhono leziko (ukumiliseka i-EoDB) kunye neenguqu ezilawulwayo koomasipala. Iyunithi imiliseka iiprojekti ezili-16 koomasipala abali-11. Ezi projekti zisusela kukufakwa kwidijithali kweenkonzo ezininzi zikamasipal, iinkqubo zolawulo lwesehlo (eyelele kuleyo isetyenziswa kuMnxeba woNcedo weNkxaso yeShishini), ukuhlaziywa kweemaphu zokucandwa komhlaba ngokunjalo ngokwenziwa ngokupheleleyo kweenkqubo ezikhoyo zesiCwangciso soKwakha kuMasipala weNgingqi waseStellenbosch. La mangenelo anikele ngokubonakalayo kubume be-EoDB koomasipala kulungiselelwa amashishini.

Enye impumelelo ebambekayo kubandakanywa amangenelo ophuculo lwenkxaso-mali athe enza amashishini ali-14 ajongene neenkonzo zikarhulumente efakwa kwinkqubo yedijithali. Impembelelo yoku ibe nomphumela wokulungelelaniswa kweenkqubo, kweenkonzo zedijithali, nokwandiswa kokusebenza ngokufanelekileyo kulungiselelwa ukwenziwa lula kokuqhutywa koshishino koomasipala. Ukuqhutywa ngedijithali koshishino olujongene neekonzo kubandakanya ummandla obanzi oqukanisa (kodwa ongaphelanga apho) ukufakwa kwidijithali kwenkqubo evumela urhwebo olusesikweni koomasipala abakhethiweyo.

Oomasipala, ngenxa yokufakwa kwidijithali, baqalisile inguqulelo yokusebenzisa iinkqubo ekungashicilelwa maphepha, kubandakanywa unxibelelwano nokugcinwa kweerekhodi ezifakwe koovimba kusetyenziswa i-elektroniki. Inxowa-mali yezigidi ezili-R10 ibe yimpumelelo enkulu yeRTRU, yamashishini, yabemi kunye noomasipala ngokufanayo. Kube nomphumela kukuncitshiswa kwezithintelo, nokuncedwa komsebenzi wezoqoqosho ngenxa yeprojekti ezixhaswe ngemali. Umnikelo kunye nentsebenziswano yabo bonke abachaphazelekayo njengxaleye yengxowa-mali uya kunceda kukuphuculwa kokunikezelwa kwenkonzo kumashishini nokuvuselelwa komsebenzi woqoqosho kwiingingqi ezahlukeneyo zePhondo lethu.

Njengxalenye yenkqubo ebanzi eNkcubeko ye-EoDB, iYunithi iqalise ngoQeqesho loLawulo oluNciphileyo kuye wonke uRhulumente weNtshona Koloni. ISebe liququzelela uqeqesho lwamagosa achongiweyo aphuma kumasebe awahlukeneyo kulawulo oluncitshisiweyo. Amagosa angamashumi amane ananye aphuma kuwo onke amasebe awahlukeneyo afana namasebe eleNkulumbuso (DotP), eleMicimbi yeNdalo noCwangciso loPhuhliso (DEA&DP), elezoLimo nelokuHlaliswa kwaBantu (ngoku ileleZibonelelo), abe ngabamkeli boqeqesho. Uqeqesho lube yimpumelelo engummangaliso, yaye lusekwe kwiziphumo kuvavanyo lwesithuba, amagosa acela okokuba abaphathi abaphezulu kumasebe abo okokuba baluzimase. Amagosa achonga iinkqubo eziphambili apho izixhobo zoLawulo oluNcithisiweyo kunye neemethodi ezisetyenzisiweyo, ukuncitshiswa kwenkunkuma, ukulondolozwa kwezibonelelo kunye nexesha kulungiselelwa isebe elithile lawo. Amagosa achonga iindlela zokuphuculwa kweenkqubo eziphambili zeWCG okuya kuba nomphumela wokulondolozwa kwexesha kunye neendleko, ngokunjalo nokuphuculwa kweendlela ekunikezelwa ngazo iinkonzo kubemi bePhondo ngenxa yokusetyenziswa kwendlela yolawulo oluncitshisiweyo.

Ukwakha kwisidingo sokuphakanyiswa komgangatho wolwazi malunga nokuncitshiswa kwezithintelo kunye ne-EoDB, iYunithi iququzelele ukumiliselwa kwamangenelo ali-16 kubo bonke oomasipala kunye namasebe ephondo. Abachaphazelekayo babandakanya abameli abaphuma koomasipala abahlukeneyo, amasebe ephondo ngokunjalo neMbutho woMasipala woMzantsi Afrika (SALGA). Ithuna ngalinye kumathuba olwazi lunesimo sovavanyo lwangaphambili nolwasemva ukulungiselela okokuba iYunithi ibe nakho ukuliqonda inqanaba lolwazi ukwenzela ukucwangcisa uhlobo lweentetho kwiminyaka ezayo.

IYunithi, njengxalenye yokunikezela kwisigunyaziso sayo sokunceda amashishini ngamangenelo okuncitshiswa kwezithintelo, isingethe ungenelo neNkonzo yeNgeniso yoMzantsi Afrika (SARS) ngokubhekiselele kwinkuthazo eyahlukeneyo yerhafu kunye nezibonelelo njengxalenye yeNyanga yoShishino. Upapasho olwahlukeneyo lwentlalo kunye namangenelo onxibelelwano aqhutywa ukuphucula ufikelelo kwingcaciso yamashishini ephathelelene noSARS, ngokunjalo nohambelwano olunxulumene nengcaciso yeekontilaka ezisakhulayo njengxalenye yesigunyaziso seBhodi yoPhuhliso loShishino loKwakha (CIDB). La mangenelo ebebalulekileyo ukuguzula izithintelo kwingcaciso yamashishini kunye nabaqalayo abanakho ukudibana nazo xa bekhuphisana kuqoqosho. IYunithi ibe nethuba ngokunjalo lokuhlangana naBaphathi beKhefi yoLutsha abaphuma kwimimandla engeyiyo eyomasipala ombaxa kwisigunyaziso seYunithi, kwiNkonzo yoMnxeba weNcedo weNkxaso yeShishini, kunye nengcaciso ephambili yohambelwano efunaneka kwiwebhusayiti yeRTRU (kubandakanywa iimveliso zedijithali ukunceda ufikelelo kwingcaciso).

I-RTRU iqhubekile nge-ajenda yenguqu yokulawula ngokunika izimvo kwiziqwenga ezahlukeneyo zomthetho oyilwayo kunye nemigaqo-nkqubo efana noMthetho oYilwayo oLungisiweyo weLungelo loMbali wokuThengisa nokuShicilela umsebenzi wakhe, ukwangezelela kuphuhliso lweMigaqo-nkqubo yoYilo neMithetho kaMasipala njengezixhobo zoomasipala ukufezekisa imithetho kamasipala ekhethiweyo. IYunithi iqhubile ngokunjalo ngothelwano lwayo neSixeko saseKapa ekuqaliseni iMvavanyo ezoLawulwayo zeMpambelelo (RIA) njengesixhobo sokuqinisekisa ngolawulo olungcono. I-RTRU iqinisa ubudlelwane bayo neSixeko saseKapa ngokuba yinxalenye yeqela leprojekti lokuqhuba i-RIA yoMgaqo-nkqubo woShishini oYilwayo oGuqukayo weSixeko saseKapa. Amashishini aguqukayo ebelawulwa ngumthetho kamasipala wokushishina okusesikweni yaye anyanzeliswe okokuba ahambelane neemfuno zamashishini asesikweni. IYunithi, iqaphele ukuqaliswa komgaqo-nkqubo kweSixeko saseKapa (iSixeko) kuhlaziye umgaqo-nkqubo ze yafumana inani leenkxalabo ezichaphazela kakubi kumashishini aguqukayo. I-RIA yokuqala yaqhutywa ngentsebenziswano neSixeko ukuvavanya ikhono lempembelelo kumashishini amancinane necandelo elisesikweni.

Okuphambili kutyalo-mali nokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe

Utyalo-mali eNtshona Koloni kudinga ukuququzelelwa nokhuthazwa kwemisebenzi. I-DEDAT idlale indima ekuyileni ubume obufanelekileyo kubatyali-mali ngokuphuhlisa kwecandelo, izibonelelo ezinxulumeneyo, neenkqubo zokwenziwa lula kokuqhutywa koshishino, ngeli thuba amaqumrhu amathathu karhulumente aqhube ukukhuthazwa kotyalo-mali nokuququzelela ukutsala umdla wotyalo-mali oluluhlaza kunye nenkxaso yemizimveliso ekhoyo enamalinge okwandisa. Ngesithuba somjikelo wohlahlo lwabiwo-mali lwama-2022/23, ukuqokunjelwa kotyalo-mali kunye namaqhinga okuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe kwakungundoqo kwiSebe kunye namaqumrhu alo njengoko iingcebiso ezibalulekileyo kwiQhinga leG4J. Oku kuya kuqokunjelwa yaye kundululwe ngowama-2023/24. Utyalo-mali nokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe yimimandla emibini ephambili ekujoliswe kuyo yeG4J yaye iinkqubo zommandla ngamnye zandiswa kunyaka-mali wama-2022/23 ngenkxaso engaphezulu nokugxila okuya kubonakala kwimisebenzi yexa elizayo lesebe kuzo zonke iinkqubo. Ukukhuthazwa kotyalo-mali okubekwe phambili kunye nohlahlo lwabiwo-mali zabelwa ikakhulu ngokubhekiselele kumaqumrhu amathathu karhulumente, lilinye lidlala indima ebalulekileyo kwimisebenzi yokukhuthazwa kotyalo-mali. I-Wesgro njenge-Arente enkqenqeza phambili yokuKhuthazwa koTyalo-mali (IPA) yeNtshona Koloni, ixhaswe tiSaldanha Bay IDZ Licencing Company SOC Ltd, isemthethweni ukulungiselela ukukhuthaza utyalo-mali kummandla wendawo ethile enxulumene namacandelo athile, afana ne-Atlantic SEZ esemthethweni ukutsala umdla wotyalo-mali oluluhlaza kwiPhondo kulungiselelwa ummandla othile kuMasipala oMbaxa waseKapa.

I-Arhente yokuKhuthazwa koRhwebo noTyalo-mali, yezoKhenketho lweNtshona Koloni, (Wesgro)

I-Wesgro liqumrhu likarhulumente elinoxanduva lokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe, utyalo-mali nokukhuthazwa kwezokhenketho. Okuphambili kwiqumrhu kunjengoku kulandelayo:

Ukukhuthazwa kotyalo-mali:

Le yunithi eyinxalenye yeWesgro igxile ikakhulu kuphuhliso lotyalo-mali oluzinzileyo ngokunjalo nokugcinwa koshishino nowandiswa kwamaqhinga. Kulo mba, ukuphenjelelwa korhulumente wesizwe kunye nabanye abachaphazelekayo abafanelekileyo okokuba baphuhlise imigaqo-nkqubo nenkuthazo ezifanelekileyo nezisabelayo kwiimfuno zecandelo langasese, yaye bathambe ngokwaneleyo ukwamkela ezo mfuno. Ukomelezwa kweenzame zomnqophiso wokufunwa kotyalo-mali ngokuphuculwa kokulunga kweenkcukacha zamanani kusetyenziswa izixhobo zohlahlelo lokungena nokuphuma kotyalo-mali kunye namqonga. Oku kugxininisa ukuphuculwa kobume beshishini kulungiselelwa iinkampani zengingqi nezamazwe angaphandle, ngokunjalo nolungelelwaniso kunye namalinge esizwe ukutsala umdla wotyalo-mali lwamashishini amatsha okanye amashishini afuna ukwandisa imisebenzi yawo ekhoyo. Kunyaka-mali wama-2022/23, iWesgro iququzelele izigidi zesigidi ezi-R4.1 zotyalo-mali osele lwabiwekwiPhondo yaye luququzelele imisebenzi eli-1 507 ngenxa yotyalo-mali osele lwabiwe. Ngaphezulu kwama-50% otyalo-mali oluthe ngqo kwiPhondo oluvela kubatyali-mali bamazwe angaphandle, aneNorway, iGermany kunye ne-United States inabatyali-mali abaphambili bamazwe angaphandle eNtshona Koloni kwisithuba esiphantsi kovavanyo.

Ukukhuthazwa kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe:

Le yunithi ijolise kukubonelelwa kwengqiqo yemarike ukuxhasa iinkqubo zokuthatyathwa kwesigqibo zinkampani ngokunjalo nokuphenjelelwa korhulumente wesizwe ukukhetha iimarike zehlabathi apho inkxaso inokunikezelwa kwiinkampani ngokusetyenziswa kohlahlelo oluzinzileyo lwemarike nokufunwa kwengcebiso kwicandelo langasese.

Iyunithi ijolise ngokunjalo kubonelelo lwenkxaso eyimfuneko kwiinkampani ngeminqophiso ethengiswe ngaphandle nokuzinyaswa kwemiboniso yorhwebo yehlabathi; ukuchongwa kwezithintelo zorhwebo, iZithintelo zemirhumo nezingezizo ezoMrhumo (iiNTB); ngamacandelo othethelelo nokucebisa kunye norhulumente wesizwe ngezisombululo ezilungileyo. Amangenelo abandakanya ukukhuthazwa kwezivumelwano zorhwebo nokuncedwa kweenkampani okokuba zifumane iziqinisekiso zohambelwano kwimarike – kubandakanywa nezo zeenkqubo. Ixabiso eliqikelelweyo lezigidi lesigidi ezi-R3 lezivumelawanozorhwebo zasayinwa ngonyaka-mali wama-2022/23 nemisebenzi engama-906 ethe yaququzelelwa ngenxa yezivumelwano zorhwebo ezisayiniweyo.

UMbutho wokuThengiswa kweNdawo yokuFikela (DMO - UKhenketho):

ISebe labele ama-R65 573 000 kwicandelo lokuthengiswa kwendawo yokufikela leWesgro ngonyaka-mali wama-2022/23. Bajolise kwimisebenzi yokukhuthazwa kokuthengiswa kwendawo kunye norhwebo lwezokhenketho ngothelwano kwiimarike ezingumthombo ezingundoqo; kulolongo lwedijithali nokuyilwa kokuqulathiweyo kulungiselelwa iwebhusayiti kunye namaqonga opapasho lwentlalo; imisitho yoshishino (iintlanganiso, iinkomfa, inkuthazo yohambo, kunye nemiboniso); ulawulo lwabachaphazelekayo neentlanganiso; ufikelelo emoyeni nemisebenzi yoHambo ngoMoya novuselelo lomgaqo emva kweCOVID-10 kulungiselelwa ukufika ngenqwelomoya yehlabathi nolwasekhaya eNtshona Koloni; uhambo ujikeleza ngenqanawa, kusetyenziswa iprojekti iCruise Cape Town; ukukhuthazwa kwemidlalo nokhenketho lodelo-ngozi; ukukhuthazwa kwenkcubeko nelifa lemveli; ukukhuthazwa kokhenketho lokutya newayini nokukhuthazwa kweCape of Great Events, ukwandisa impembelelo yemisitho kwiPhondo nokulinganiswa kwenyoba yomsitho ukuya phambili. IWesgro ifezekise impembelelo yoqoqosho eqikelelwa kwizigidi ezingama-R423,8 ngokuguqulwa kokunikezelwa kwamaxabiso enkomfa ezingama-30. Ukudlulile ekujoliswe kuko konyaka ngenani elifunyenweyo lezivumelwano ezihlangeneyo zokuthengisa ngokunjalo nelenani elifunyenweyo lezivumelwano zokuthengiswa komsitho wolonwabo.

I-Saldanha Bay IDZ Licencing Company SOC Ltd (Freeport Saldanha)

Nangona kukho utyakatyo lobhubhane, oluthe lwachaphazela iSaldanha Bay IDZ Licencing Company (Freeport Saldanha) noluthe lwabangela ulityaziso neenguqu kutyalo-mali lwecandelo langasese nelikarhulumente kuqoqosho, iSaldanha Bay IDZ Licencing Company (Freeport Saldanha) icamngce ngokomelela okwaneleyo bokumelana neenguqu ezidingekileyo kwisiCwangciso sayo seqhinga. Isicwangciso-nkqubo soshishino esihlaziyiweyo sandlalwa saze samkelwa yiBhodi esilungiselelwe owama-2021 ukubheka phambili kuba iziseko zokuphambili zeqhinga loshishino azitshintshwanga.

Omnye womgaqo-nkqubo wotshintshiselwano ochongwe kunye neWCG kwisicwangciso-nkqubo esihlaziyiweyo soshishino, kukugxila ngamandla kukuzinzisa ngokwakho koshishino, kuba kwimeko apho ethe iNkampani ayabinakho ukufumana inkxaso-mali karhulumente, okanye yafumana iingxowa-mali ezincitshisiweyo okanye irente njengoko iqikelelwe ngokwakaloku nje, imiqathango engeminye kufuneka isetyenziswe ukudambisa umngcipheko. Izibonelelo zombutho kufuneka zisetyenziswe ukuvelisa ingeniso kulungiselelwa uzinziso lwemali yenkampani. Oku kusungulwe ngeendlela, ezifana nokuxhathisa ngee-asethi ezinkulu zommandla owodwa woqoqosho (SEZ), ukufumana amahlakani okuphuhlisa ii-asethi zomhlaba kunye/okanye ukuzisa abathengi bayo ukubaqalisa kwiSEZ, okanye ukufumana inkxaso-mali evele kwimithombo eneminye; yaye iBhodi kunye naBalawuli basebenzisa iinkqubo esele zikho ezilungileyo zolawulo lwequmrhu kunye neenkqubo zokuvavanya lo mngcipheko kwangaphambili.

Ngokuthengiswa nokukhuthazwa kweSaldanha Bay IDZ Licencing Company SOC Ltd (Freeport Saldanha), kufumana umdla omkhulu ovela kwimarike wokuqeshiswa kwesithuba se-ofisi. Uphuculo lwenziwe kwi-Access Complex ukuqinisekisa ngezithuba ezininzi esele zikulungele ukuba ziqeshiswe. Imingeniisele kukucinywa kombane kuphungulwa umthwalo wosetyenziso kunye neendleko zokusebenza ezinxulumene noko. Isibonelelo sefayibha ye-ICT, njengenxalenye yokuqaliswa kwefayibha kamasipala, sibekwe phambili.

Uluhlu lweZiko leProjekti yokuQeshisa (PLF) lusasele luyinkxalabo ngenkqubo yokuVeliswa koMbane okuZimeleyo (IPP) esoloko ijamelene nolityaziso kumba wokunikezelwa kwamaxabiso we-4b, 5 kunye nowe-6 ngokoqikelelo lokuqala. Izibonelelo zichithiwe ukwakha kwakhona uluhlu kwePLF nangona bekungekho projekti zikhoyo ezilungiselelwe unyaka. Iiprojekti zomthwalo wezithuthi ongaqhelekanga sele zidlulelwe lixesha yaye zilindeleke ukubakho kuphela kwisithuba sonyaka-mali wama-2023/24.

Ukusabela kuHlahlelo lweBango leMarike lowama-2021, iSaldanha Bay IDZ Licencing Company SOC Ltd (Freeport Saldanha) iqalisile ngokujolisa kuphuhliso kwimarike yombane. Okulandelayo, uMmandla ufumene umdla omkhulu wemarike ekuphuhliseni isizinda sehidrojini eluhlaza kummandla yaye iSaldanha Bay IDZ Licencing Company SOC Ltd (Freeport Saldanha) isabele ngokufanelekileyo. Imisebenzi ibandakanya ukusebenza kunye norhulumente wesizwe, owephondo nomasipala ukuchonga nokubeka phambili uphuhliso lwecandelo lwehidrojini eluhlaza. Okuqaqambileyo kubandakanya:

- Ukubhengezwa kweMemorandum yeNgqiqo (MOU) phakathi kooRhulumente owaseNorthern Cape nowaseNtshona Koloni ukulungiselela intsebenziswano kuphuhliso lwenyoba yeHidrojeni eLuhlaza yaseNtshona yoLuntu loPhuhliso loMzantsi Afrika (SADC);
- Ukubhengezwa kweProjekti eziHlangeneyo zeQhinga (iiSIP) zaseSaldanha. Iprojekti enye sele ikwigazethi yaye iiprojekti ezintlanu sele ziza kufakwa kwigazethi, kuxhonyekeke kwingcaciso engaphezulu edingwayo.
- Ukuqaliswa koFundo oluphambili lweBhanka yeHlabathi oluphathelelene neGreen Bunker Fuels eSaldanha (olugunyaziswe yiKhomishini yeSizwe yeSimo seZulu);
- Ukusingathwa kwe-'Re-industrialising Saldanha Day' njengexalenye yeNtlanganiso yeHidrojeni eLuhlaza yoMzantsi Afrika (GH2) (evulwe nguNkulumbuso Winde kunye noPrezidenti Ramaphosa); kunye
 - Ne-Sasol and ArcelorMittal South Africa (AMSA) esayine isivumelwano esihlangeneyo sophuhliso (JDA) ukuphuhlisa itheknoloji yokubamba ikhabhoni ukuvelisa amafutha azinzileyo kunye neekhemikhali ngokunjalo nokuvuselela ngokutsha umzi-mveliso weentsimbi ongasasetyenziswayo i-ArcelorMittal eSaldanha Bay ukuvelisa nokuthumela kwamanye amazwe iintsimbi ezingenziwanga nto.

Abaphuhlisi ababini abangabanye beprojekti engundoqo yeGH2 sele beqhubele phambili ekufumaneni isithuba esikufuphi neFreeport Saldanha. Ekugxilwe kuko kweFreeport Saldanha kukufumana inkxaso-mali yomnikelo wezifundo zesicwangciso sobugcisa sendalo nesithuba edingekayo ukuyila ubume obuncedayo botyalo-mali lweHidrojeni eLuhlaza.

UMmandla woQoqosho oluLodwa wase-Atlantis (ASEZ)

INkampani yoMmandla woQoqosho oluLodwa yase-Atlantis (ASEZ Co) iqhubile ukusebenza kunye nabatyali-mali abasaqalisayo abasusela kwiiprojekti ezixabisa ngaphezulu kwezigididi zesigididi esi-R1 ukuya kwiinkampani ezincinane ezidinga isithuba ezingesikhulu kuyaphi. IQumrhu lithenge umzi-mveliso ongena nto othe wangenisa amashishini amaninzi amancinane kwinqanaba lokuqala; le ndawo ithengiweyo ifezekise ngokunjalo uluhlu lwengeniso yokuqala ye-ASEZ Co. Kwisithuba sonyaka-mali odlulileyo, afumene inkxaso-mali ezizigididi ezingama-R89 kwizibonelelo zokwakha evela kwiSebe loRhwebo, uShishino kunye noKhuphiswano (dtic), ngokunjalo nezigidi ezili-R13.864 ebhekiselele kwinkxaso-mali yabalawuli abapezulu kulungiselelwa umtyali-mali weQuantum V3. I-ASEZ Co iqeshe ikontilaka ukuqalisa necandelo lolwakhiwo lwesibonelelo kwiKota 1 yowama-2023/24. Ikontilaka engundoqo iyalelwe kufuneka inikezele ngama-40 eepesenti zomsebenzi kwinqanaba lokwakha kwiikontilaka zengingqi.

Oku kufuneka kufezekiswe ngeepakethe zomsebenzi ezithi zincelele iikontilaka ezincinane ukulungiselela ukukhuphisana nokunikezela – okunenxaso yekontilaka ephambili. Ngaphezulu, umsebenzi wophuhliso lomnikeli wenkonzo wenziwa necandelo lokwakha. uThungelwano lwaBachaphazelekayo boLuntu lwe-ASEZ (CSN) lwasetyenziswa ukugcina uluntu lonolwazi ngemithetho kunye neenkqubo ezisetyenziswayo kwiithenda zokwakha zamaqumrhu karhulumente, kunye neemfuno ekufuneka abanikezeli bamaxabiso bahambelane nazo.

Uphando lokwenziwa kothungelwano lomgaqo kaloliwe lusebenze kwakhona oluphakathi kommandla woshishino wase-Atlantis kunye neZibuko laseKapa lubonise ingqiqo eyomeleleyo yokuvulwa kwakhona kwalo mgaqo kaloliwe. I-ASEZ, iTransnet kunye neSixeko ziyasebenzisana ngokubhekiselele kutyalo-mali ekufuneka lwenziwe ukulwenza olu thungelwano lomgaqo kaloliwe lusebenze. I-ASEZ iqhubekile ngokusebenza kunye namaqumrhu awahlukeneyo kuqoqosho oluluhlaza kunye nesithuba seGreetech esibhekiselele kuyilo nokwakhiwa kwe-ASEZ njengommandla obiyelweyo obalulekileyo oluhlaza nanjengenguqulelo yesithuba. Njengoko iluhlobo lokuqala, i-ASEZ iya kumilisela uyilo lokusebenza oluya kunceda icandelo langasese okokuba lixhase ngemli kunye nophuhliso lwezibonelelo kwiSEZ.

Ukwangezelela kumsebenzi owenziwe ngokubhekiselele kukuthatyathwa kwenxaxheba luluntu kwicandelo lokwakha, i-ASEZ iqhubile ngoluhlu lwezakhono ezizezinye kunye neenkqubo zophuhliso lweshishini ezithabatha umgama obanzi, osuka kubafundi ukuya kwabashiya isikolo ukuya kuqeqesho lweMfundo ePhezulu noQeqeqsho (FET) ukuphakamisa inqanaba lezakhono labantu abasele besengqeshweni okanye ishishini labo. I-ASEZ ifikelele kwisivumelwano kunye neLinge leSizwe loShishino kunye neKfW, iNhanka yoPhuhliso yaseGerman, okokuba zisebenze kunye kwinkqubo yophuhliso lwezakhono – iprojekti enakho ukuba nomphumela ukuxhaswa ngemali ngaphandle elungiselelwe kwangaphambili uqeqesho, inkxaso yamashishini amancinane kunye namaziko okufukamisa akhiweyo e-Atlantis.

UPhuhliso lweShishini

UPhuhliso lweshishini lwachongwa njengokuphambili kweqhinga kunye namangelo aqhutyiweyo yiYunithi ejolise kwinkxaso yokumiliselwa komxholo *weMisebenzi* wesiCwangciso soVuselelo lweNtshona Koloni kunye nesicwangciso seSebe seqhinga leminyaka emihlanu esinikela kuyilo lwemisebenzi nokukhula koqoqosho.

Amalinge aqhutywe yiyunithi abandakanya okulandelayo:

INgxowa-mali yeNkxaso yamaShishini amaNcinane, aPhakathi namaKhulu (iNgxowa-mali) ixhase amanganelo amiliselwe yimibutho agxile ekuxhaseni iiSMME ezisekwe eNtshona Koloni. INkqubo lyakuxhasa ukukhula nokwandisa uzinzo lweSMME okubandakanya iiSMME zasemaphandleni, ezasedolophini, ezisekwe ezilokishini, ezolutsha, ezabantu abakhubazekileyo kunye nezo abanini bazo ingamanina. Iiprojekti ezisixhenxe zaxhaswa, ezithe zanikezela ngenkxaso kunye noncedo (olutho ngqo nolungathanga ngqo) kwiiSMME ukugcina kunye/okanye ukwandisa uzinziso, uphuhliso lwekhono leshishini kunye nelomnini/usomashishini, ukwandiswa kokufaneleka, nokuzinceda okokuba zikhuleyaye ziyile imisebenzi.

Iyunithi iqhubile ngokuqalisa ngeeprojekti ezisithoba zeNgxowa-mali yeNkxaso yeSMME 2021, ebeziqunjelwa ngesithuba sonyaka-mali wama-2022/23. Iiprojekti zimiliselwe ngempumelelo ukuza kuthi ga ngoku.

INkqubo yeNkxaso yoPhuhliso lweShishini ibonelele amaShiahini alishumi amaNcinane namaKhulu (iiSME) ngenkxaso edingekayo engeyiyo imali (kubandakanywa izixhobo noomatshini, imariki yesibini, iinkqubo zemali, njl.njl.) okokuba inikele kuzinziso nokukhula kwamashishini. INkqubo lilinge elihlanganyelweyo phakathi kweyunithi yoPhuhliso lweShishini ekwiSebe loPhuhliso noQoqosho kunye noKhenketho (DEDAT) kunye nomasipala waseDrakenstein okokuba bamilisele iprojekti ejolise ekuxhaseni ukushishina koosomashishini eDrakenstein.

INkqubo yeLong Street Kiosks iqhubekile ngenkxaso yayo kumaShishini amaNcinane namaKhulu (iiSME) anoomatshini nezixhobo ukwandisa ikhono leshishini.

IYunithi incede iSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente (DTPW) ekumiliseleni amaThuba ayo eNgcaciso yeKontilaka (CIS) kunye nee-arhente kunye nemibutho efana noSARS, oomasipala bengingqi, kunye neBhodi yoPhuhliso loShishino loKwakha (CIDB). Ucweyo lwabanjwa kwimimandla efana neKuilis River, i-Ashton, iGrabouw kunye neMossel Bay.

UPhuhliso lweZakhono

UPhuhliso lwezakhono kwiSebe luvela kukuxhotyiswa kolutsha olungenangqesho ngezakhono ezinebango yaye kuthenjwe okokuba olo lutsha lungenangqesho luya kumana ingqesho ukuxhasa ingqesho ngokusetyenziswa kweenkqubo zokufunda zolingo ezithi zibonelele ngamava adingekayo nokukhutshelwa kwezakhono kwangaxesha linye. Nangona olu yilo lube nobungqina bokusebenza kakhulu ekuguquleni ulutsha olunganangqesho lube lolunengqesho, olu yilo lube neendleko kakhulu. Ukwamkela izithintelo kwinkxaso-mali yesebe, iNkqubo ixhathise ikakhulu ngapha ezulu kwezigididi ezingama-R201 ezivela kwicandelo langasese kunye neminye imithombo karhulumente ukuxhasa amalinge okufunda alingwayo kunye nophuhliso lwezakhono zolutsha olungaqeshwanga. Inkxaso-mali yecandelo langasese isetyenziswa kwiinkqubo ezizininisekisiweyo zophuhliso lwezakhono, kuqeqesho usemsebenzini, uqeqesho lokulungela umsebenzi kunye nenkxaso-mali yomvuzo wesebe wokutshatiswa.

Kubalulekile ukuqatshelwa kokokuba uhlahlo lwabiwo-mali lwezakhono lweSebe lunika ingqwalasela kwisini olunabaxhamli abangaphezulu kwama-60% abaxhasiweyo ingamanina yaye luyinika ingqwalasela ingxaki yoluntu oluhleleke kakhulu njengesininzi sabaxhamli abaphuma ebumelwaneni oluphawulwe ngeminye yemilinganiselo ephuzulu yentswela ngqesho kwiPhondo. Ngokuphathelele kokujoliswe kuko kwesiCwangciso sokuSebenza soNyaka seNkqubo yokuxhasa ukutsha olungaqeshwanga ngophuhliso lwezakhono nokuquqzelwa kwengqesho kulutsha olungaqeshwanga olungama-2500. INkqubo inikele ngaphezulu kunobekulindelwe kwebijolise kuko konyaka ngeepesenti ezingaphezulu kwama-87, kwinxalenye ukufezekiswa okungaphezulu kube nokwenzeka ikakhulu ngenkxaso-mali evela kwimithombo yangaphandle.

Ngokuphathelele kukuqhutywa kwenguqu yenkqubo, iNkqubo iqinise iziphumo zemfundo ngokuphuhliswa kwekharithulam entsha kunye neendlela zokunikezelwa kwayo kwimifundo yesiseko neyamabanga aphezulu athe alungelelaniswa ngcono kwiimfuno zoshishino.

Ukomelela kwezibonelelo

Ngesithuba sonyaka-mali karhulumente wama-2022/23, ilinge likaMasipala lokoMelezwa koMbane (MER) liqhubele phambili ngeenzame zePhondo. Injongo yelinge leMER yayikukuphucula ukomelela kombane koomasipala kuyo yonke iNtshona Koloni ngokuququzelela, ngokuxhasa nangokuylungela ukumiliselwa kophuhliso lwezibonelelo zombane (kurhulumente nangasese) kulungiselelwa ukukhula koqoqosho, ukufikeleleka kombane, kunye/okanye uzinziso lwemali kamasipala ukwenzela ukunikela ngokubhekiselele kokugxilwe kuko kwama-500MW kwekhono elitsha lokuvelisa ngowama-2025. Ngowama-2022/23 ilinge leMER lakiwa ngokutsha ngala macandelo alandelayo: ukuthengwa kwempahla ngumasipala, ukuncedwa kwecandelo langasese, izibonelelo ezincedayo, iinkqubo ezincedayo nokuphuhliswa kweqhinga (ezi zaqukwa kwiNkqubo entsha yokoMelela koMbane yeNtshona Koloni ekupheleni konyaka-mali). Icandelo lokuthengwa kwempahla likamasipala liqhubekile ukunikezela ngenkxaso ngokugxila kuMasipala waseStellenbosch nokuxhaswa kweNgxowa-mali yeMER ethi incede izifundo zombane zesiseko ezili-13 koomasipala abasibhozo. Icandelo lokuncedwa kwecandelo langasese lijolise ekuququzeleleni utyalo-mali lombane kulungiselelwa amashishini ecandelo langasese, ulwamkelo olubanzi lokuVeliswa okweNdelelisiweyo koMlinganiseo oMncinane (SSEG/rooftop solar Photovoltaic (PV)) nokukhuthazwa kokuguqulwa kothungelwano lukamasipala. Umsebenzi wezibonelelo zoncendo unika ingqwalasela kwiimfuno zohlaziyo lezibonelelo kwiintambo zentsimbi ezizisa umbane kubandakanywa nokugcinwa kwebhetri. Icandelo leenkqubo zoncendo linika ingqwalasela a) ekuqalisweni kokwakhiwa kweziko lokuthenga okuhlenganiswe kunye ukunceda oomasipala abaninzi okokuba bathenge umbane ovela kwii-IPP ezininzi; b) inkxaso-mali ephandiweyo kunye nemiba yemali ngokuhlengana nabachaphazelekayo abahlukeneyo kwimarike nokuxhaswa kokucwangciswa kokufumaneka nokufikelela kwinkxaso-mali; kunye c) nebango noncedo lokunikezela (okuphambili izithuthi zombane) kunye nemiba yendawo ethile (ngokusetyenziswa kwe-Atlantis SEZ). Icandelo lophuhliso lweqhinga kunye nolawulo liqwalaselwe kwiingcebiso zolawulo nezowiso-mthetho kubandakanywa indlela yembonakalo yombane eMzantsi Afrika eguquka ngayo isusela kumona okwimarike yokhuphiswano, kukubekwa kwindawo enye nomlinganiselo omkhulu wombane usiwe kukuchakelwa kwiindawo ezininzi nasekusasazweni kokuveliswa kombane. Oku kuqulathe ukunikwa kwezimvo kumthetho ofana nokukhululwa kwiphepha-mvume leShedyuli 2 ye-ERA, ukukhutshwa kweSolar PV kwiNEMA, umthetho oyilwayo wenguqu yesimo sezulu, abasebenzisi bombane kunye nokukhululwa kokuthintelwa kwabanikezeli benkonzo kunye nemithetho yeSimo seNtlekele. Eminye imiba yeli candeloibandakanya ngokunjalo umsebenzi obhekiselele kuphuhliso lwesicwangciso sombane sexesha elide seNtshona Koloni kunye negesi nophuhliso lwehydrojeni eluhlaza eNtshona Koloni nokuhlengana nabachaphazelekayo ngokuphathelene neLNG.

Ngokuthambekele kumsebenzi owenziweyo ngaphambili kwiSSEG kunye nesidingo esikhulayo sohlobo olulolunye lombane mgokuthambekele kukucinywa kombane kuphungulwa umthwalo, ukufakelwa kwenkqubo yePV ephezu kophahla kukhule kakhulu ukuya kuma-210MW ePV ephezu kophahla eNtshona Koloni ngeekota zokugqibela zonyaka-mali wama-2022/23. Oku kumele ixabiso lotyalo-mali elizizigidi lesigidi ezi-R2.1 kunye nemisebenzi emalunga nama-535. Inkxaso ethe ngqo inikezelwe ngokunjalo kumashishini angama-218 kunye nemibutho engemicimbi yamanzi nombane nokukhutshwa kwikompyutha kweengxelo ezingama-9 652 kweeNgxelo ezine zowama-2022 zeNgqiqo yeMARIKE (MIR) ezichaphazela iNkonzo zoMbane, UMbane oHlaziyiweyo woMlinganiselo wokuSetyenziswa, Amanzi neZithuthi zoMbane. Ezi MIR zivumela ukubekwa ngokulungileyo kwabadlali kwimarike kukukhula kwamacandelo elombane nelamanzi.

2.2 Isicwangciso sokuphuculwa kokunikezelwa kwenkonzo

AmaSebe eWCG awanikanga ngxelo kukuNikwa kweNgxelo ekwiCandelo B leSDIP yowama-2021/22 ekwiNgxelo yoNyaka yonyaka ophelileyo ngenxa yomyalelo weDPSA (IziCwangciso zoPhuculo lokuNikezelwa kweNkonzo kwiSetyhula yeDPSA engunombolo 1 wama-2021). Kule setyhula iDPSA yazisa onke amasebe esizwe nawephondo okokuba ibithethana nabachaphazelekayo abahlukeneyo okokuba kuhlaziye uMyalelo okhoyo weSDIP (2008) yaye ijolise ekulungelelaniseni iSDIP kuCwangciso lweQhinga lwamasebe yaye isiCwangciso-nkqubo soNyaka seziCwangciso zokuSebenza zamaSebe eWCG asisayi kunika ngxelo ngeCandelo B leSDIP yowama-2022/23, njengoko iDPSA sele iqukumbele uyilo olucokisisiweyo loMyalelo weSDIP (1 kuTshazimpuzi 2023) yaye ithemplayiti kwisithuba sonyaka-mali wama-2022/23 yaye incede onke amasebe esizwe nawephondo okokuba angenise iSDIP ezivunyiweyo zowama-2023-2025 kwiDPSA ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2023 (IziCwangciso zokuPhuculwa kokuNikezelwa kweNkonzo iSetyhula enguNombolo 14 yowama-2022).

UkuNikwa kweNgxelo kwiCandelo B leSDIP yowama-2023/24 ngamasebe eWCG kuya kufuneka ngesithuba sonyaka-mali wama-2024/25, njengoko kuvunyiwe kwiiSDIP zowama-2023-2025 kuya kuba kukho kwingxelo.

2.3 Ubume bombutho

IsiCwangciso seSebe saBasebenzi 2021-2026 sisebenza njengesithuthi sokuqinisekisa okokuba iSebe lisebenzisa yaye liphuhlisa abasebenzi balo ngokupheleleyo ukulungiselela ukuqinisekisa ngokunikezelwa kwenkonzo okulula nokuhlangeneyo. Oku kuqhubeka ngokuchongwa nangokuphuhlisa kwekhono lombudo elifunekayo, iinqobo ezisesikweni kunye nemisebenzi yokufunwa kwabasebenzi okusekwe kubuchule kunye nokuphuliswa nokumiliselwa kwenguqulelo kuyiwe kwindlela entsha yesicwangciso somliselo somsebenzi/sesebe esijolise kubemi.

ISebe ngokwakaloku nje lihlange neCandelo eliyiNtloko: UPhuhliso loMbutho ngokuphuhlisa koyilo lokunikezelwa kwenkonzo oluhambelana nemimandla ejolise kwiqhinga leSebe nesicwangciso esisebenzayo sokumiliselwa kolawulo lwenguqu kunye neqhinga ukunceda abasebenzi okokuba baziqhelanise "kwindlela entsha yokusebenza". Isakhelo sombutho wesebe kunye nemicimbi yabasebenzi iya kulungelelaniswa emve kokuqunjelwa kweQhinga leG4J.

Inkqubo yokuphakanyiswa kwezakhono iyaqwalaselwa ngokusetyenziswa kophicotho lwezakhono eziqikelelwayo oluya kuthi luchonge izakhono ezikwiSebe ngokwakaloku nje, kunye nokudingwayo ukuqinisekisa ngonikezelo lwenkonzo olupheleleyo kwimimandla ephambili elungelelaniswe neQhinga iG4J. Le nkqubo iya kulawulwa ngaphakathi, yaye ngothethwano kunye neCandelo: lokuXhotyiswa kwaBantu elikwiZiko leeNkonzo zeQumrhu.

ISebe liseke iforam yokuLingana kweSini ethi ihlangane kabini ngonyaka ukulungisa izithuba namangenelo aqaqanjiswe kwintlanganiso yeNkonzo kaRhulumente yaManina akuLawulo ejolise ekulungiseni ukubekwa phambili kwesini kubume obusoloko buguquka. ISebe lizidla ngethuba lokuxhasa nokunikezela ngolwamkelo olufanelekileyo kubantu abakhubazekileyo ngokusebenza ngokusondeleyo neZiko leeNkonzo zeQumrhu ukuqinisekisa ngento yokuba imicimbi enxulumene nofikelelo iyalungiswa ngokusetyenziswa kwisiCwangciso salo sesiCwangciso-nkqubo seQhinga lokuLingana ngeSini kunye nesiCwangciso sesiCwangciso-nkqubo seQhinga lokuFikelela kwiMisebenzi.

Amangenelo aqhubekayo aqalisiwe kulungiselelwa abasebenzi ukuphakamisa iqondo lolwazi olumalunga namalungelo abantu (kubandakanywa amaQela aPhambili), ngokuhambela nokuhlaselwa ngokwesondo, ukukhubazeka nezithuba zokungalingani ngokwesini. ISebe lilungisa izigunyaziso zalo zamalungelo abantu kubemi yaye ichonge amaQela aPhambili ngokusetyenziswa kwemiqathango awahlukeneyo, kubandakanywa okulandelayo:

Iyunithi yoPhuhliso lweShishini iyaqhubeka ukubeka phambili inkxaso kumaqela achongiweyo afana namanina, ulutsha kunye nabantu abakhubazekileyo ngokusetyenziswa kwamalinge ajolise ekuncedeni iiSMME. Iyunithi (apho kufanelekileyo) ilandela uthelwano oluthi lunikezele ngenkxaso kumaqela atyunjiweyo.

I-Ofisi yoMkhuseli waBathengi (iNkqubo 4) ijolise amaqela abathengi abaninzi, kubandakanywa ulutsha, abalupheleyo, amanina, abantu abakhubazekileyo ngokusetyenziswa kwamangenelo ayo emfundiso yomthengi. Amangenelo aqhutywa kulo lonke iPhondo yaye agxile kulwazi lwamalungelo omthengi kunye nokufunda kwesiseko semali sabemi.

INguqulelo yeCandelo lezoKhenketho (iNkqubo 6) ichonge amanina nolutsha ngokusetyenziswa kophuhliso lweenkokheli zabakhenkethi njengenxaleye yenkonzo yokubhaliswa nokuphuhlisa kuluntu olukhokhelwayo.

INkqubo yoPhuhliso lweZakhono neNguqu (iNkqubo 7) iqhuba ukuyilwa kobume obuncedayo ukuquzelela utshatiso olungcono phakathi komnikezeli wenkonzo nebango leshishini lezakhono. INkqubo ilandela ngamandla uthelwano ukuphembelela isigqibo kunye nabaqulunqi bezigqibo abanesigunyaziso kwimfundo kunye neendlela zenqanaba elingaphezulu kwelesikoloukulungiselela ukuqhuba inkqubo ecwangcisiweyo ethi ivumele ufikelelo kulutsha kunye nabasebenzi abakhoyo kwizakhono ezifanelekileyo zendawo yokusebenza okokuba lube nakho ukuqesheka.

Imicimbi enxulumene neTheknoloji yeNgcaciso noNxibelelwano (ICT) ilawulwa ngokusetyenziswa kweKomiti yeSebe yoQuquzelelo lwe-ICT. IKomiti yoQuquzelelo ye-ICT izama ukwandisa ukufaneleka nemveliso kwindawo yokusebenza ngokusetyenziswa ngokufanelekileyo kwe-ICT kulungiselelwa impembelelo ephelileyo kunikezelo lwenkonzo. Injongo elandelayo kukuxhaswa kwenguqu yeSebe okokuba libe leliqhutywa zinkcukacha zamanani nelikhokhelwa bubungqina kukwenziwa kwethu izigqibo okusekwe kukuhlalelwa kweenkcukacha zamanani.

2.4 Uphuhliso oluphambili lomgaqo-nkqubo neenguqu zomthetho

Alukho oluchongiweyo.

3. INKQUBELA PHAMBILI EBHEKISELELE KUF Ezekiso LWEEMPEMBELEO NEZIPHUMO ZEZIKO

Impembelelo njengoko ichazwe kwisiCwangciso seSebe seQhinga (2020 – 2025) “yingqesho eyandisiweyo kuqoqosho lweNtshona Koloni”.

Umsebenzi wobambiso othelekiswa neziphumo mgokwesiCwangciso seQhinga seminyaka emi-5

Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo nenkqubela phambili
Ixabiso elandisiweyo leRandi lotyalo-mali	<p>Umgqalisela: Ixabiso leRandi lotyalo-mali</p> <p>Ekujoliswe kuko kweminyaka emi-5: Izigidi zesigidi ezi-R5</p> <p>Inkqubela phambili ngokubhekiselele kwisiCwangciso seQhinga: Utyalo-mali Ngokuhambelana neziphumo zeqhinga zeminyaka emi-5, iWesgro iludlule lee uphawu lwesithuba esiphakathi. Kokujoliswe kuko kweminyaka emi-5 kwezigidi sesigidi ezili-R14.7 zotyalo-mali osele luhlahlelw, iWesgro sele ifezekise izigidi sezigidi ezili-R14.48.</p> <p>I-Wesgro iququzelele izigidi sezigidi ezi-R4.1 sotyalo-mali osele luhlahlelwe kwiPhondo kulungiselelwa unyaka-mali wama-2022/23. Isixa-mali sezigidi ezili-R102 sabhaliswa njengotyalo-mali kwizibonelelo kwi-ASEZ kunyaka-mali wama-2022/23. I-Saldanha Bay IDZ Licencing Company SOC Ltd iququzelele utyalo-mali oluxabisa izigidi ezingama-R229 kunyaka-mali. Ngokuhlangeneyo, la maqumrhu mathathu afezekise izigidi sezigidi ezi-R4.6 zotyalo-mali kwiPhondo.</p> <p>Ukuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe Ngokuhambelana nesiphumo seminyaka emi-5: ekujoliswe kuko kwixabiso lerandi lezivumelwano zoshishino zizigidi zesigidi ezili- R16.70- R25.04 kunye nezigidi zesigidi esi-R1.36bn kunye nesi-R3.09 kulungiselelwa uTyalomali lwaNgaphandle oluthe Ngqo lwaMazwe aNgaphandle (OFDI). Ekujoliswe kuko okuhlangatyezwe kwisithuba seminyaka emithathu kube zizigidi sezigidi ezisi-R9.8 kunye nesi-R1.86 kulungiselelwa i-OFDI. Kunyaka-mali wama-2022/23, iWesgro isayine izivumelwano zoshishino eziyokutsho kwixabiso elizizigidi zesigidi ezi-R3.1.</p>
Okuthunyelwa kumazwe angaphandle okwandisiweyo	<p>Umgqalisela: Ixabiso leRandi lokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe.</p> <p>Ekujoliswe kuko kweminyaka emi-5: Izigidi zesigidi ezili-R17.</p> <p>Inkqubela phambili ngokubhekiselele kwisiCwangciso seQhinga: ukususela 2020/21 – 2022/23 Ixabiso eliphelelyo lezigidi zesigidi ezisi-R9.8 lezivumelwano zoshishino zasayinwa yiWesgro ukususela ngowama-2020/21 de kwangowama-2022/23.</p>
Ingqikelelo ephuculweyo yokhuselo lokhenketho	<p>Umgqalisela: Ipesenti yenguqu kwingqikelelo yokhuselo lwabakhenkethi.</p> <p>Ekujoliswe kuko kweminyaka emi-5: Ingqikelelo ephuculweyo yokhuselo lomtyeleli ngama-25% kwisithuba seminyaka emihlanu.</p> <p>Inkqubela phambili ngokuphathelile kwisiCwangciso seQhinga: Isiphumo asisaqhutywa (Khangela isiHlomelo A kwi-App eyandlaliweyo yowama-APP 2022/23). Umgqalisela wesiphumo onxulunyaniswe kulo mphumela wayekwa ngokusesikweni ngenxa yempembelelo yeCOVID-19 kwinqanaba labatyeleli behlabathi okuhlangene nokuncitshiswa kohlahlo lwabiwo-mali kwinkqubo yokhuselo lokhenketho.</p>

Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo nenkqubela phambili
<p>Ukuqesheka okuphuculweyo o kwabaxhamli okuxhasiweyo</p>	<p>Umgqalisela: Ipesenti yabaxhamli abaxhasiweyo abanika ingxelo yenguqu kukuqesheka</p> <p>Ekujoliswe kuko kweminyaka emi-5: Ama-70% abaxhamli abahloliweyo bakuphucule ukuqesheka kwabo.</p> <p>Inkqubela phambili ngokubhekiselele kwisiCwangciso seQhinga: INkqubo yoPhuhliso lweZakhono iqhube iimvavanyo ezimbini zophando ukumisela ukuphuculwa kokuqesheka kwabaxhamli. Iziphumo eziphuma kwezi mvavanyo zimbini ziphakathi kwama-81% nama-78% zabaphenduleyo ababona okokuba inkqubo ikuphucule ukuqesheka kwabo. Uphando lwaqhutywa nabaxhamli abavela kwiminyaka – mali eyahlukeneyo ababeyinxalenye yenkqubo phakathi kowama-2020 ukuya kowama-2022.</p>
<p>Ukuqhutywa koShishino Lula okuPhuculweyo</p>	<p>Umgqalisela: Izibonelelo ezipheleleyo kuqoqosho ngenxa yokuncitshiswa kwezithintelo kunye/okanye amangenelo ophuculo okuqhutywa lula koshishino</p> <p>Ekujoliswe kuko kweminyaka emi-5: Ngowama-2025, izigidi zesigidi ezi-R5 zexabiso lezibonelelo zoqoqosho kuqoqosho lwephondo.</p> <p>Inkqubela phambili ngokubhekiselele kwisiCwangciso seQhinga: Kwisithuba esiphakathi, izigidi zesigidi esi-R1.85 kwizibonelelo ezipheleleyo kuqoqosho zalinganiswa ubuninzi ngenxa yokuncitshiswa kwezithintelo kunye/okanye amangenelo ophuculo lokuqhutywa koshishino lula, ukuphuculwa kokuqhutywa lula koshishino.</p> <p>Ngesithuba sowama-2022/23, uvavanyo oluzimeleyo lunike ingxelo yolondolozo kuqoqosho lwezigidi ezingama-R541 okanye izibonelelo ngenxa yokumiliselwa kwamangenelo amathathu eNtshona Koloni.</p>
<p>Ukomelela kwezibonelelo zoqoqosho oluphuculweyo</p>	<p>Umgqalisela: UKhuseleko lombane: Inani lee-megawathi zombane onekhabhoni ephantsi eliveliswa kwiNtshona Koloni.</p> <p>Ekujoliswe kuko kweminyaka emi-5: Ama-500 MW ombane onekhabhoni ephantsi oveliswa kwiNtshona Koloni.</p> <p>Inkqubela phambili ngokubhekiselele kwisiCwangciso seQhinga: Ilinge likaMasipala lokoMelela koMbane libe yinkqubo ephambili eya kuthi inikele ngokubhekiselele kokujoliswe kuko kweminyaka emi-5 kwama-500MW kombane onekhabhoni ephantsi oveliswa kwiNtshona Koloni. Inxalenye yelinge ibe kukuxhasa oomasipala ekuncedeni UkuVeliswa okukuMlinganiselo oPhantsi okweNdelelisiweyo (Isola PV yaphezulu kophahla). Kule meko i-162MW yokujoliswe kuko sele kubhalisiwe kwiPhondo. Ngaphezulu, ilinge sele libhekiselele kwiiprojekti ezingungqa phambili womiliselelo kulungiselelwa ukuthenga kukamasipala kubavelisi bombane abazimeleyo (IPP), kujoliswe kuMasipala waseStellenbosch njengowolingo wokulungiselela ukuthengwa okungaphezulu kwi-IPP. Ilinge leMER lixhase ngokunjalo abaphuhlisi bombane ohlaziyiweyo ngokubhekiselele kuvelisoolwandisiweyo lwecandelo langasese nokuveliswa okwandisiweyo kwiNkqubo yesizwe yokuThengwa kuMvelisi woMbane oZimeleyo noMbane oHlaziyiweyo (REIPPPP). Ukususela kowama-2020, iifama ezimbini zomoya eziphuma kunikezelo lwamaxabiso wenyoba 4 weREIPPPP sele zifikelele kumhla womsebenzi wokuthengisa kwiNtshona Koloni. Ezi zezi yiPerdekraal (107MW) kunye ne-Excelsior (31MW) ezinikezela ngakhono elihlangeneyo le-138MW. Ngaphezulu, ama-785 eprojekti eNtshona Koloni anikezelwa iwonga elikhthekileu lokunikezelwa kwexabiso kwinyoba yokunikezelwa kwamaxabiso 5.</p>

Umgqalisela:

UKhuseleko lwaManzi: Ukuphuculwa kunikezelo lwamanzi lwamacandelo akhethekileyo.

Ekujoliswe kuko kweminyaka emi-5: 20% okuphuculwa kunikezelo lwamanzi olulungileyo kumacandelo amane okunikezelwa kwamanzi.

Iinguqu zasenyakeni kwisiCwangciso seQhinga njengoko zandlalwe ngowama-2021: Oku kujoliswe kuko kweminyaka emi-5 kwaguqulwa ukuya: kuma-20% ophuculo kukunikezelwa okulungileyo kwicandelo lamanzi

Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo nenkqubela phambili
<p>Ukomelela kwezibonelelo zoqoqosho okuphuculweyo</p>	<p>Inkqubela phambili ngokubhekiselele kwisiCwangciso seQhinga: Umsebenzi wenziwa phantsi koMmandla oPhambili ekuJoliswe kuwo 4: uKhuseleko lwaManzi nokoMelela ngokubhekiselele kuphuhliso lweQhinga lokuKhula okulungiselelwe iMisebenzi. Oku kubandakanya ucweyo olusingethwe nolukhokhelela kuphuhliso lwebango eliphambili lamanzi kunye namangenelo onikezelo ajolise ekukhuselweni kwekamva lamanzi. Injongo yePFA kukuphinda-phinda isixa samanzi akhoyo kumacandelo oqoqosho aphezulu naphakamileyo (aphambili avela kusetyenziso olungenamveliso) ngowama-2035 nokuhlonitshwa kwezabelo ezikhoyo kulimo. Ngaphezulu kumsebenzi osele wenziwe phantsi kwePFA 4, iDEDAT ixhase iDLG ukuququzelela intlanganiso yamanzi ebanjwe kweyoKwindla 2023 njengethuba lokwabelana nokufunda kwiimbono namava eengcali zemfundo, kurhulumente, kwiingcali zoshishino kunye nabaguquleli kwinjongo ngokupheleleyo yokusekwa kokomelela kwamanzi ePhondo.</p>
<p>Ulawulo lwemali oluphuculweyo</p>	<p>Umgqalisela: Imbono yoPhicotho-zincwadi olungenaZiphene.</p> <p>Ekujoliswe kuko kweminyaka emi-5: Imbono yoPhicotho-zincwadi olungenaZiphene</p> <p>Inkqubela phambili ngokubhekiselele kwisiCwangciso seQhinga: Ulawulo lwemali olufumene uphicotho-zincwadi olungenaziphene kwiminyaka-mali emibini edlulileyo (2020/21 & 2021/22). Iyunithi iqinisekise ngento yokuba iinkqubo zilawulwa ngokufanelekileyo nangokusebenzayo okulungiselela ukugcina ulawulo lwayo lwemali olukwiqondo eliphezulu.</p>
<p>“Inkqubo esebenzayo yeM&E’ enikezela ngenkxaso yeqhinga kwiSebe</p>	<p>Umgqalisela: Uhambelwano ‘neNkqubo yeM&E’ kunye nogaqo-nkqubo weM&E nezicwangciso-nkqubo.</p> <p>Ekujoliswe kuko kweminyaka emi-5: Full compliance with use of M&E information in strategic management.</p> <p>Inkqubela phambili ngokubhekiselele kwisiCwangciso seQhinga: Ngonyaka wesithathu wesiCwangciso seQhinga, inkqubela phambili yeSebe kokujoliswe kuko kweminyaka emi-5 kuyaqhubeka. Ukususela kowama-2020, ukusebenza okukhulayo okulandelayo kwiingcebiso kunokunikwa ongxelo ngako, ukuba kuyaqhubeka, kufuneka kuxhase iSebe lifikelele kwisiphumo salo esicwangcisiweyo seminyaka emi-5 ngowama-2024/24:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukunikwa kwengxelo yeDEDAT yokusebenza kokungeyiyo imali – uphicotho zincwadi olungenaziphene lowama-2020/21, 2021/22; • Imigqalisela yokusebenza kweDEDAT – ukuhambelana nezicwangciso-nkqubo neemvavanyo eziqhutywe ngaphandle yiDPME kunye ne-Ofisi yeeNkcukacha zamanani yePhondo yeDoTP; • Iziphumo zokubekwa kweliso – iingxelo ezi-3 zeemvavanyo; • Iingcebiso zokubekwa kweliso – iingxelo ezili-11; • Ukwakhiwa kwekhono leM&E – amathuba ali-10 esiqhelo; kunye • Iintetho ezenziwa kubalawuli abaphezulu beDEDAT ngokusebenza okukhulayo – kwerhoqo ngonyaka.
<p>Ubume obuphuculweyo obufanele ukuqhutywa koshishino olulungileyo nokwaziswa</p>	<p>Umgqalisela: Ixabiso lolondolozo lwemali elifunyenwe ngabaxhamli.</p> <p>Ekujoliswe kuko kweminyaka emi-5: Izigidi ezi-R1.2.</p> <p>Inkqubela phambili ngokubhekiselele kwisiCwangciso seQhinga: Ekujoliswe kuko kweminyaka emi-5 kukuqinisekisa ngento yokuba ubuncinane bexabiso ‘lolondolozo’ lesi-R1.2 siyokungena kwiipokotho zabaxhamli abachaphazelekayo. I-OCP iyaqhubeka okokuba ifikelele koku kujoliswe kuko njengoko kunjalo ekupheleni konyaka-mali wama-2022/23 enesambuku esikhulayo se-R1 483 706.36 sele sibuyiselwe ngempumelelo kubaxhamli abachaphazelekayo ngenxa yoncedo olunikezelweyo. Isixa-mali solondolozo esithile sonyaka-mali wama-2022/23 saba ngama-R456 784.31.</p>

Umnikelo wesebe kwiMTSF, PSP neCwangciso soVuselelo seWC

Ngowama-2022/23, iSebe linikezele ngempumelelo kwiQhinga lokuKhula okulungiselelwe iMisebenzi, elibhangise isiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni, ze laba liqhinga eliyincopho loRhulumente weNtshona Koloni. IQhinga lokuKhula okulungiselelwe iMisebenzi, ekubandakanywe isicwangciso-nkqubo esivunyiweyo seqhinga, lakhokhelwa liqela elinamagosa ikakhulu eDEDAT. IQhinga laqunjelwa ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2023 laze lalungiselelwa ukwamkelwa yiKhabhinethi kunyaka-mali wama-2023/24.

4. INGCACISO YOKUSEBENZA KWENKQUBO YEZIKO

4.1 INkqubo 1: ULawulo

Injongo

Ukunikezela ngobunkokheli obomeleleyo, obunenguqulelo nokunikezela ngeenkono zequmrhu ezingenazip ezifanelekileyo, ezingenazindleko ziphakamileyo, eziphandle nezisabelayo kwiSebe.

Isakhelo senkqubo

IiNkqutyana	INjongo
INkqutyana 1.1: I-Ofisi yeNtloko yeSebe	<ul style="list-style-type: none"> Ukulawula nokukhokhela iinkqubo zokuphatha ezinqamlezileyo zeSebe ezithi zinike ubunkokheli kwiSebe. Ukugcina ngokufanelekileyo umsebenzi wokonganyelwa kwesigunyaziso seSebe lonke kunye nomsebenzi.
INkqutyana 1.2: ULawulo lweMali	<ul style="list-style-type: none"> Ukunikezela ngomsebenzi wolawulo olufanelekileyo lwemali. Ukuqinisekiswa komiliso lwePFMA kunye neminye imithetho enxulumene nemali nemigaqo-nkqubo Ukunikezela ngenkxaso yocwangciso neyohlahlo lwabiwo-mali kwiSebe. Ukwenza isibonelelo sokulolongwa kwee-asethi.
INkqutyana 1.3: IiNkonzo zeQumrhu	<ul style="list-style-type: none"> Ukunikezela ngomsebenzi wenkxaso yeqhinga kwiSebe. Ukuqinisekisa ngokunikezelwa kweenkonzo zenkxaso ze-ICT, zabasebenzi, zengqinisekiso yequmrhu, zomthetho nezonzibelelwano kwiSebe. Ukunikezela ngeenkono zonzibelelwano kwiSebe. Ukubeka iliso nokuhlolwa kokusebenza kweSebe. Ukuphuhlisa nokulawulwa kolwazi kunye neenkqubo zengcaciso, iirekhodi nolungelelwaniso lwe-ICT.
IZiphumo zeZiko	
INkqubo 1 inikela kwiziphumo ezilandelayo zeziko	<ul style="list-style-type: none"> ULawulo oluphuculweyo lweMali 'Inkqubo esebenzayo yeM&E' ethi inikezele ngenkxaso yeqhinga kwiSebe Ukuqhutywa okuphuculweyo kokwenziwa lula koshishino

INkqutyana 1.2: ULawulo lweMali

Umpfumela, isiphumo, umgqalisela wesiphumo, ekujoliswe kuko nezifzekiso ezizizo

INkqutyana 1.2: ULawulo lweMali								
Umpfumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2020/21	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2021/22	Ekujoliswe kukoNyaka okucwangcisiweyo 2022/23	Izifzekiso ezizizo 2022/23	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukufzekisa okukuko 2022/23	Izizathu zeyantlukwano
Ulawulo lwemali oluphuculweyo	Intlawulo ezenziweyo eziya kubantu ababanjwa imali kwisithuba zeentsuku ezingama-30	1.1 Inani leentsuku zokwenziwa kwentlawulo kubantu ababanjwa imali	Intlawulo kubantu ababanjwa imali kwisithuba zeentsuku ezingama-24	Intlawulo kubantu ababanjwa imali kwisithuba zeentsuku ezingama-25	Iintsuku ezingama-30	Iintsuku ezili-17.16	Iintsuku ezili-12.84 days	Ngenxa yolawulo olulungileyo lweenkqubo zentlawulo (iinkqubo ezizizo nokubekwa kweliso okukhoyo), uLawulo lweMali luphumelele ekugcineni ubume bolawulo obomeleleyo ngokunjaloboko ngokugcinwa kwenqanaba eliphezulu lokunikezelwa kwenkonzo ngokuligqitha ixesha elimiselweyo lokuphendula ngokuphathelele kwintlawulo yababanjwa imali.
	Inkcitho ekhulayo njengepesenti yohlahlo lwabiwo-mali (iNkcitho eYiyo/uhlahlo lwabiwo-mali oluhlangahlengisiweyo)	1.2 Ipesenti yenkcitho ekhulayo eYiyo/uhlahlo lwabiwo-mali oluhlangahlengisiweyo)	99.2% (R530 711 000)	99% (R493 396 000)	98% (R510 030)	99% (R502 883)	1%	ISebe likugqithile ebelijolise kuko ngenxa yeenzame zalo ezinamandla zokuqhuba inkcitho.
	Amanganelo okufaneleka amiliselwe ngempumelelo	1.3 Inani lamanganelo okufaneleka amiliselweyo	5	6	2	3	1	ULawulo lweMali luhlaziye iinkqubo zalo ze lwamilisela imiqathango yokufaneleka ethe yanikela kukugqithwa kokujoliswe kuko.

INkqut yana 1.2: ULawulo lweMali

Umphumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2020/21	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2021/22	Ekujoliswe kukoNyaka okucwangcisiweyo 2022/23	Izifezekiso ezizizo 2022/23	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukufezekisa okukuko 2022/23	Izizathu zeyantlukwano
	Ukuqhutywa kwamathuba oqeqesho lwemanyuwali yoqeqesho	1.4 Inani lwamathuba oqeqesho lwemanyuwali aqhutyiweyo	13	12	12	13	1	Amanganelo oqeqesho aqhutyiweyo ngesithuba sonyaka acwangcisiwe ngokuhambelana nemiba yangoku nengxamisekileyo ethi ifunyanwe liSebe ngokunjalo nangokwebango lamanganelo anjalo yiNkqubo.
	Ulwaneliseko lomthengi yinkonzo lufezekisiwe	1.5 Ipesenti yolwaneliseko lomthengi yinkonzo ifezekisiwe	-	74%	70%	79%	9%	Ekujoliswe kuko kudluliwe ngenxa yemali esele ihlahlelwe ukuphucula ulawulo ngokusetyenziswa kohambelwano, inkxaso yabachaphazelekayo nokunikezelwa kwenkonzo.
	Izindululo zophicotho lwangaphandle ezimiliselweyo.	1.7 Ipesenti yezindululo zophicotho-zincwadi lwangaphandle emiliselweyo	100%	100%	100%	100%	-	-

Isishwankathelo seNkqutyana 1.2 izifezekiso

Injongo yezifezekiso ezibalulekileyo	<ul style="list-style-type: none"> • Ukunikezela ngomsebenzi ofanelekileyo wolawulo lwemali. • Ukuqinisekisa ngomiliso lwePFMA kunye neminye imithetho enxulumene nemali kunye nemigaqo-nkqubo. • Ukunikezela ngenkxaso yocwangciso neyohlahlo lwabiwo-mali kwiSebe. • Ukwenza isibonelelo solulolongwa kwee-asethi.
Izifezekiso ezibalulekileyo	<p>Unyaka-mali wama-2022/23 ubonise iufezekiso ngempumelelo koLawulo lweMali koku kulandelayo:</p> <p>ISebe lifikelele kumndilili wenkcitho ongama-99%, othe wakugqitha lee ekujoliswe kuko kwenkcitho, njengoko kwandlaliwe kulungiselelwa ukuphela konyaka-mali. Olu fezekiso lwenziwa lwakho ngendlela ehlangeneyo eqhutyiweyo ekunikezelweni koncedo kwiinkqubo apho kudingekayo.</p> <p>Kungenxa yokuzimisela okunye nokusoloko kuzanyelwa ukufaneleka, okokuba ulawulo lwemali lube nakho ukumiliselwa ngempumelelo kwemiqathango yokufaneleka okokuba:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Kuncitshiswe umthwalo wolawulo ngokunjalo nexesha lokukhokhela elithatyathiweyo lunxulunyaniswa nokuqunjelwa kwezicelo zonke zohambo olusesikweni nezendawo yokuhlala kwiSebe; • Kumiliselwe umgaqo-nkqubo ongokuthintelwa kwedolo apho uthi wandlale imidwa yokulawulwa kwedolo enokuthi ivele kunikezelo lwesigunyaziso seSebe; kunye • Kuphuhlise uxwebhu longenelo lweqhinga, oluthi lulungelelaniswe kwisiCwangciso-nkqubo seQhinga seG4J ukukhokhela uphuhliso lweqhinga ngalinye loNgenelo lomnini lweQhinga nokuncitshiswa kophinda-phindo phakathi kwamanganelo. <p>Ngaphezulu koku, akusayi kubakho lunikezelo lwenkonzo olufanelekileyo nolusebenzayo ngaphandle kophuhliso lwekhono. ULawulo lwemali lugcine ukuzibophelela kwalo ukufezekisa ejolise kuyo kuqeqesho lwalo olusekwe kwibango longenelo loqeqesho nokuqinisekisa uqeqesho lunikezelwe kwiinkqubo ezingundoqo zoshishino apho kubekho iinguqu zomthetho.</p> <p>Okuphambili okuyimfuneko kuLawulo lweMali kukuhlawulwa kwabanikezeli benkonzo kwisithuba sexesha esingaphantsi kweentsuku ezingama-30. Ngokugcinwa kobume obomeleleyo bolawulo ngokugcinwa kwenqanaba eliphezulu lokunikezelwa kwenkonzo, uLawulo lweMali lube nakho ukufezekisa okokuba inkqubo yentlawulo yenziwe ngexesha elimiselweyo leentsuku ezili-17.16.</p> <p>Ukuqinisekisa ngento yokuba uLawulo lweMali lugcina inkonzo elungileyo yangaphakathi yomthengi, luzibophelele kukuziqhelanisa ngokutsha ngokubhekiselele kwinkonzo yenkxaso esenbindini yomthengi. ULawulo lweMali lufezekise umlinganiselo wolwaneliseko lomthengi ongama-79%, obonisa ukulunga kweenkonzo okunikezelweyo kunye nokuzibophelela ukwandisa ubudlelwane bokusebenza kunye neenkqubo.</p> <p>Ngoko, ukuthabathela ingqalelo izifezekiso ezingasentla, iinkonzo ezinikezelweyo yiyunithi, kuqinisekisa ngento yokuba iSebe linakho ukusabela kubemi balo elibasebenzelayo. Iinzame ukuqinisekisa ukufaneleka kuzo zonke iinkqubo zalo ziqinisekisa okokuba ulawulo lwemali lumisela izenzo zangethuba ezithi zikhokhelel kukuqhutywa konikezelo lwenkonzo kwiSebe.</p>
Iziphumo	ULawulo lweMali oluphuculweyo
Isishwankathelo somnikelo kwisiphumo	<ul style="list-style-type: none"> • Ukuqiniswa kobume bohambelwano. • Ukwandiswa kokusasazwa kwengcaciso yemali. • Ukuqhelaniswa kwakhona ngokubhekiselele kwinkonzo yenkxaso esenbindini yabemi.

<p>Umnikelo wokuphambili kweqhinga</p>	<p>Amalinge aqhutywe lulawulo lwemali lulungelelaniswe kwiVIP 5, ejolise kwiNguqulelo yoLawulo. Ukuqhutywa kokufaneleka kuLawulo lweMali kuyinxalenye ebhekiselele ekufezekiseni injongo yokuzamela ukuphuculwa kolawulo nokunikezelwa kwenkonzo. Ezi zifezekiswa ngokusetyenziswa kohlaziyo lwemigaqo-nkqubo kunye neenkqubo, kusenziwa lula iinkqubo kunye nenguqu.</p> <p>ULawulo lweMali linxulunyaniswe njengexalenye kokuPhambili 6: URhulumente oneKhono, oneeNqobo eziseSikweni noPhuhlayo kwisiCwangciso-nkqubo seQhinga seSithuba esiPhakathi (MTSF) kunye nokuPhambili okuVuselelwa nguMbono (VIP) 5: INguqu kunye noBume kwisiCwangciso seQhinga lePhondo leNtshona Koloni.</p> <p>I-MTSF kunye nePSP ziyinika ingqwalasela into yokuba ukuphucula impilo yomndilili wabemi kunye nabahlali bePhondo, iinkqubo zokuphatha nokulawula kunye neenkqubo kufuneka ziqiniseke. ULawulo lweMali luya kujolisa ngoko ekuphuhliseni kwengqwalasela yokuba ulawulo olulungileyo kukunikezelwa kwenkonzo. Kule meko, ukuqhutywa kokufaneleka ngokuphuculwa kwemigangatho yethu, iinkqubo nemisebenzi kube kokubaluleke kakhulu.</p>
<p>Ukusabela kumaqela aphambili</p>	<p>Akusebenzi.</p>

Iqhinga lokuphelisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo Akusebenzi.

INKqutyana 1.3: IiNkonzo zeQumrhu

UkuBekwa kweLiso kukuSebenza kweSebe

Umpfumela, isiphumo, umgqalisela wesiphumo, ekujoliswe kuko nezifezekiso ezizizo

UkuBekwa kweLiso kukuSebenza kweSebe								
Umpfumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicot ho-zincwadi komsebenzi onguwo 2020/21	Uphicot ho-zincwadi komsebenzi onguwo 2021/22	Ekujoliswe kukoNyaka okucwangcisiweyo 2022/23	Izifeze kiso ezizizo 2022/23	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukufezekisa okukuko 2022/23	Izizathu zeyantlukwano
'Inkqubo yeM&E' esebenzayo ethi inikezele ngenkxaso yeqhinga kwiSebe.	Imiphumela ebekwe iliso	1.8 Inani leeNgxelo zokuBekwa kweLiso kwiMiphumela ezivelisiweyo	1	1	1	1	-	-
	Inkqubo yengcaciso yokusebenza kokungeyiyo imali okulawulweyo	1.9 Inani leengxelo zokuBekwa kweLiso kwiSiphumela ezivelisiweyo	4	5	2	2	-	-

UkuBekwa kweLiso kukuSebenza kweSebe

Umpumelela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicot ho-zincwadi komsebenzi onguwo 2020/21	Uphicot ho-zincwadi komsebenzi onguwo 2021/22	Ekujoliswe kuko koNyaka okucwangcisiweyo 2022/23	Izifizekiso ezizizo 2022/23	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukufizekisa okukuko 2022/23	Izizathu zeyantlukwano
	Ulwakhiwo lwekhono lweM&E oluqhutyiweyo	1.10 Inani lamathuba olwakhiwo lwekhono leM&E aqhutyiweyo	4	3	2	3	1	Isicelo esangezelelweyo esivela kwicandelo leZakhono zeDEDAT ezilungiselelwe uqeqesho olunxulumene neM&E lwabasebenzi beprojekti ye-ADP olube nomphumela kukusebenza okukwiqondo eliphezulu kunelo belicwangcisiwe.

Isishwankathelo sezifizekiso zokuBekwa kweliso kukuSebenza

Injongo	Ukubekwa kweliso nokuvavanywa kokusebenza kweSebe.
Izifizekiso ezibalulekileyo	<p>Ngokukhokhelwa sisiCwangciso-nkqubo seNkqubo kaRhulumente ngokuBanzi yeM&E (GWM&ES, 2007), APP 2022/23 kunye nesiCwangciso esiSebenzayo 2022/23, iinzame zokumiliselela iM&E kwiSebe zagcinwa kwisithuba sowama-2022/23. Konke ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo kwafizekiswa ngokunikezelwa kweengcebiso ezilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ukubhalwa kweengxelo ezintathu ezinezihloko, 'Inkqubela yeDEDAT kwinkxaso kumashishini, 2021/22', 'Ukubekwa kweliso kukusebenza kweprojekti – uqeqesho lobugcisa 2022/23', kunye 'Inkqubela phambili kwisiphumo sotyalo-mali seminyaka emi-5 seDEDAT, 2022/23'. • Ukunikezelwa kwamathuba amathathu okwakhiwa kwekhono okucwangcisiweyo alungiselelwe abasebenzi beprojekti abaphuma kwiiyunithi eyeZakhono, kwi-EODB kunye neye-LED. Injongo yayaikukuphucula ulwazi, kunye nekhono lolawulolokusebenzisa izixhobo zeM&E ezifana nemigqalisela yeSMART, ukubekwa kweliso kwiprojekti okanye uyilo lwengqiqo. • Ukulawulwa komsebenzi wokunikwa kwengxelo kukusebenza kokungeyiyo imali ngokuxhaswa kweGosa eliNika iNgxelo kukungeniswa kwangethuba kweNgxelo ezintlanu zesigunyaziso sokuSebenza kweDEDAT kwiDPME ngokwamaxesha amiselweyo asemthethweni. • Ukuxhaswa kokufunyanwa kokujoliswe kuko kweDEDAT kulungiselelwa iibono zophicotho-zincwadi olungenaziphene ngokuqinisekisa okokuba ingcaciso yokusebenza yokungeyiyo imali iyahambelana nezithethe nemigangato yophicotho-zincwadi lowama-2021/22 kunye nolwama-2022/23. • Ukunikezelwa kwengcebiso kubaphathi ekuveliseni nasekuphuhliseni imigqalisela yokusebenza njengenxalenye yokuveliswa kweDEDAT APP 2023/24. <p>Ngaphezulu uhlaziyo olunxulumene neM&E, iingxelo okanye iingcebiso zaveliswa ngowama-2022/23 ukuqinisa ekugqibeleni isibonelelo seM&E nokusisebenzisa njengesixhobo solawulo lweqhinga.</p>

Izicwangciso-nkqubo zomgqalisela zeDEDAT 2022/23, 2023/24

- Ukuhlaziywa rhoqo ngekota ukulungiselela ukuba ukusebenza okuhlanganisiweyo ngeengcebiso nemiphumela, ukulungelelaniswe kwisiCwangciso seQhinga kunye nee-APP kwisithuba sowama-2020-2023 kunokunikwa ingxelo ngako kubalawuli.
- Isicwangciso-nkqubo sobambiso sowama-2023/24 sayilwa ukulungiselela ukuqukanisa imigqalisela yengcebiso nomphumela enqamlezileyo yeQhinga eliYilwayo leG4J.

<p>Izifizekiso ezibalulekileyo</p>	<p><i>IQhinga leG4J</i></p> <ul style="list-style-type: none"> • Ingxelo evelisiweyo, “Enxulumanisa imigqalisela eyilwayo yengcebiso yeDEDAT 2023/24 kwimigqalisela yokusebenza enqamlezileyo yeG4J, kweyoKwindla 2023”. • Ingxelo enikezelweyo ngethiori yeG4J yoBungakanani beNguqu yoMsebenzi. • INgcali zoQoqosho – intlanganiso yeqela lomsebenzi leG4J ToC ezinyasiweyo. • Ucweyo olwahlukeneyo locwangciso oluhlangeneyo lweG4J kunye neThiyori emxholo uthe ngqo yeNguqu kunye nocweyo lolungelelwaniso lweQhinga leG4J leDEDAT oluzinyasiweyo. <p><i>IiThiyori zeNguqu</i></p> <ul style="list-style-type: none"> • Iiprojekti eziphuhlisiweyo nezabiweyo zesebe kubandakanywa uQoqosho lweDijithali, amalinge okuNcitshiswa kweZithintelo nawoPhuhliso loBugcisa. • Inkqubo yeZakhono zeThiyori yeNguqu yeDEDAT ebandakanywe kwiSicelo seNkxaso seDEDAT kwiNgxowa-mali yeMisebenzi. <p><i>Ukubekwa kweliso kwimiphumela</i></p> <ul style="list-style-type: none"> • Nangona imiphumela ilindelwe ngowama-2025, iyunithi iqhubekile ngophicotho kokusebenza kwemiphumela yeDEDAT okulungiselelwe imiphumela ekhethiweyo. Ngaphezulu kukubekwa kweliso kwinkqubela phambili yethu kulondolozo lomthengi, imiphumela yophicotho-zincwadi ulungenaziphene kunye nenkqubo esebenzayo yeM&E, ukulandelwa komsebenzi ocwangcisiweyo ongomphumela wotyalo-mali olunqamlezileyo oluqaliswe ngokunjalo ngowama-2022/23. <p><i>Uvavanyo</i></p> <p>Nangona kukho imingeni ekhoyo ekubonelelweni kweemvavanyo kwiDEDAT, iyunithi yeM&E yanconywa yiYunithi yoVavanyo yeDOTP ngokunyulelwa ukunika intetho kwinkomfa ekumgangatho ophezulu yesizwe yeM&E, kwiSAMEA.</p> <p>Kule meko sandlale okuyilwayo okufunyenweyo kweprojekti yabafundi yeDEDAT; okt. ‘inkqubo yoVavanyo yoYilo loMsebenzi weDEDAT neZakhono,’ yaye injongo kukuqhubeka ngokuhlolwa kwezinye iindlela ukuqhubeka ngokwaxhisa kwekhono langaphakathi lovavano, olufanele ubume apho kukho izithintelo zezibonelelo.</p>
<p>Imiphumela</p>	<p>‘Inkqubo yeM&E’ esebenzayo enikezela ngenkxaso yeqhinga kwiSebe</p>
<p>Isishwankathelo somnikelo kwisiphumo</p>	<p>Ngowama-2022/23 (Kunyaka wesi-3 kwisithuba esikhoyo seminyaka emi-5) inkqubela phambili kwekujoliswe kuko kweminyaka emi-5 ‘kuhambelwano lwenkqubo yeM&E kunye nomgaqo-nkqubo weM&E nezicwangciso-nkqubo,’ iyaqhubeka yaye ixhaswa kukunikezelwa kweengcebiso ezandayo ezilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Izimvo zophicotho-zincwadi olungenaziphene lwengcaciso yokusebenza kokungeyiyo imali ngowama-2020/21 kunye nowama-2021/22. • Uvavanyo lweDOTP lwemigqalisela yokusebenza yeDEDAT njengohambelwano kwizikhokhelo zephondo, ukususela kowama-2020/21. • Imiphumela emithathu yeengxelo zokubekwa kweliso. • Iingxelo ezilishumi elinanye zovavanyo lokusebenza kwiingcebiso zesebe okanye kwiiprojekti. • Amathuba alishumi acwangciselwe ulwaxhisiwe lwekhono oluthe ngqo kwiM&E.

Umnikelo wokuphambili kweqhinga	Izicwangciso-nkqubo ezahlukeneyo zidinga amasebe karhulumente okokuba ajolise kwiziphumo ngendlela esinikezela ngayo nesinika ngayo indlela yenkqubela phambili ngeenjongo zethu zeqhinga. I-M&E yinkqubo ephambili yolawulo eyimfuneko ukulinganisa, ukunika ingxelo nokuphucula ukusebenza kukarhulumente. Ukuza kuthi ga ngoku iyunithi izamela okokuba iinkqubo zeM&E zinikele kokuphambili okungxabazileyo kwesebe kulungiselelwa, <ul style="list-style-type: none"> • Ukuphatha nokulawula okunqamlezileyo (iQhinga leG4J, kweyoKwindla 2023). • Urhulumente onekhono, onenqobo ezisesikweni nophuhlayo (MTSF, 2019 – 2024). • Iinkqubo zokubekwa phambili kweM&E (IsiCwangciso seQhinga lePhondo, 2019-2024).
Ukusabela kumaqela aphantsi	Akusebenzi – I-M&E ijolise ekwakheni izakhono lwabasebenzi bangaphakathi beM&E.

UNxibelelwano lweSebe

Umphumela, isiphumo, umgqalisela wesiphumo, ekujoliswe kuko nezifizekiso ezizizo

UNxibelelwano lweSebe								
Umphumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2020/21	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2021/22	Ekujoliswe kukoNyaka okucwanqisiweyo 2022/23	Izifizekiso ezizizo 2022/23	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwanqisiweyo ukufezekisa okukuko 2022/23	Izizathu zeyantlukwano
Ukwenziwa lula okuphuculweyo kokuqhutywa koshishini	li-ajenda zonxibelelwano zoqoqosho lweqhinga	1.11 Inani li-ajenda zonxibelelwano zoqoqosho lweqhinga eliphuhlisiweyo	-	5	4	5	1	<p>Ukunikezelwa kwempembelelo ngokukhawulezileyo, iDEDAT ichonge iiPFA ezilandelayo nabancedi abanceda kuyo yonke indawo ngokufanelekileyo nakubungakanani:</p> <ol style="list-style-type: none"> 1. Uzinziso lombane; 2. Ukuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe; 3. Utyalo-mali; kunye 4. Nofikelelo kumathuba nokuqesheka (izakhono nokuba ngusomashishini).. <p>I-ajenda yonxibelelwano olwangezelelweyo lweqhinga loqoqosho kubancedi abanqamlezileyo (ukweziwa lula kokuqhutywa koshishino netheknoloji kunye nenguqulelo) ababalulekileyo kwiiPFA ezingentla ezikhethiweyo.</p>

Isishwankathelo sezifizekiso zoNxibelelwano lweSebe

Injongo	Ukunikezelwa kweenkonzo zonxibelelwano kwiSebe.
Izifizekiso ezibalulekileyo	<p>Kubume beSebe bonxibelelwano boqoqosho lweqhinga buchazwa “njengeenzame ekujoliswe kuzo nguRhulumente weNtshona Koloni ukulungiselela ukubaqonda nokunxibelelana nabaukeli abaphambili ukuyila, ukuqinisa, okanye ukulondoloza iimeko zokunikela kubungakanani obamkelekileyo bengqiqo yoshishino”.</p> <p>Oku ngowama-2022/23 kuqulathe uphuhliso lwee-ajenda zonxibelelwano zoqoqosho lweqhinga, okumele udityaniso lwengqiqo yoqoqosho oluveliswe nolusabelayo kwimimandla ekujoliswe kuyo ephambili yoqoqosho echongwe yiG4J. Ezi zidityaniswe kwi-ajenda ecacileyo yonxibelelwano eyinxalenye yokumiliselwa kwamaphulo exa elizayo nokuphuhliswa nokumiliselwa kweentetho, imiyalezo okanye imixholo ekufuneka isetyenzisiwe ukuxhasa ukuphambela, iinzame zokukhuthaza nonxibelelwano olunxulumeneyo lweWCG kwimimandla ephambili yoqoqosho.</p> <p>li-ajenda ezintlanu zeqhinga lonxibelelwano loqoqosho zaphuhliswa kulungelelwaniso neePFA, ezizezi:</p> <ol style="list-style-type: none"> 1. Ukuzinziswa kombane; 2. Ukuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe; 3. Utyalo-mali; 4. Ufikelelo kumathuba nokuqesheka (izakhono nokuba ngusomashishini); kunye 5. Abancedi abanqamlezileyo (ukwenziwa lula kokuqhutywa koshishino nethetknoloji kunye nenguqulelo).
Imiphumela	Ukwenziwa lula kokuqhutywa koshishino
Isishwankathelo somnikelo kwisiphumo	Unxibelelwano olucacileyo, olufutshane, oluqinisekileyo noluhubekayo lubalulekile ukuqinisekisa ngento yokuba indima yeSebe njengenkokheli kuyo yonke imicimbi yokuqinisekiswa “koqoqosho”. Njengehlakani elifizekileyo lamashishini eNtshona Koloni nokokuba (matsha okanye akhoyo) iSebe ngeenzame zalo zonxibelelwano likhuthaza uRhulumente weNtshona Koloni okokuba ayile ubume obuncedayo “Obuvulekileyo kushishino” nokuyila amathuab emisebenzi.
Umnikelo wokuphambili kweqhinga	Umxholo weMisebenzi wesiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni ulungelelaniswe nesiCwangciso seQhinga sePhondo (PSP). Okungundoqo okuphambili kweSebe, okulungelelaniswe kumxholo weMisebenzi wesicwangciso soVuselelo seNtshona Koloni, yile: ukukhawuleziswa kokwenziwa lula kokuqhutywa koshishino; ukukhuthazwa kotyalo-mali lwecandelo langasese nokukhuthazwa kokuthunyelwa kempahla kwamanye amazwe; uphuhliso lweshishini; ukunyuswa kweqondo lamathuba omsebenzi; nokuqinisekiswa kokomelela koqoqosho. li-ajenda zeqhinga ezintlanu zisabele kokuphambili okuchongwe ngasentla yaye ngoko zilungelelaniswe kwimigaqo-nkqubo yePhondo echongiweyo.
Ukusabela kumaqela aphambili	Akusebenzi.

Ukunxulunyaniswa komsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali

Kwisithuba sonyaka-mali wama-2022/23, iNkqubo 1: Ulawulo lwabelwa imvulophu yezibonelelo zemali yezigidi ezingama-R58.544. Kwezi, izigidi ezingama-R41.497 zabelwa kwiMbuyekezo zaBasebenzi, izigidi ezili-R12.975 kwiMpahla neeNkonzo; izigidi ezi-R3.490 kwiintlawulo zee-Asethi ezNkulu namawaka angama-R485 kokuKhutshelweyo neNkxaso-mali. Ngesithuba sonyaka-mali, ama-98.9% yolwabelo lohlahlo lwabiwo-mali achithwa.

Uvavanyo ngokubanzi lweengxowa-mali ezichithiweyo ngokohlahlelo loqoqosho lunjengoku kulandelayo:

- IMbuyekezo kuBasebenzi ixabise izigidi ezingama-R40.917 okanye inkcitho epheleleyo engama-70.7%;
- IMpahla neeNkonzo ixabise izigidi ezili-R12.930 okanye ama-22.3% enkcitho epheleleyo;
- Iintlawulo zee-Asethi eziNkulu zixabise izigidi ezi-R3.487 okanye isi-6.0% senkcitho epheleleyo; kunye
- NokuKhutshelweyo nenkxaso-mali zixabise amawaka angama-R482 okanye i-1.0% of total exyenkcitho epheleleyo.

Igama lenkqutyana	2022/2023			2021/22		
	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho eYiyo	INkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho eYiyo	INkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
I-Ofisi yeHoD	6 070	5 982	88	5 455	5 172	283
ULawulo lweMali	36 440	36 129	311	34 232	33 827	405
IiNkonzo zeQumrhu	16 034	15 800	234	16 118	15 842	276
Zizonkel	58 544	57 911	633	55 805	54 841	964

Iqhinga lokuphelisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo Ayisebenzi.

INkqubo 1: Ukusebenza ngokunxulumene kwiNgcabiso ezibekwe eMgangathweni neMigqalisela yeNgcabiso yamaCandelo aneMisebenzi eyeNziwa kunye Ayisebenzi

4.2 INKQUBO 2: IINKONZO EZIHLANGENEYO ZOPHUHLISO LOQOQOSHO

Injongo

Kukukhuthaza nokuxhasa ubume bezoshishino obuncedayo kulungiselelwa ukuyilwa kwamathuba okukhula nemisebenzi.

Isakhelo senkqubo

IiNkqutyana	Injongo
INkqutyana 2.1: UPhuhliso lweShishini	Ukunikela kuyilo lobume bokwenziwa lula koshishino obuthi buxhobise amashishini amancinane kunye noosomashishini okokuba aphuhle yaye akhule.
INkqutyana 2.2: UPhuhliso loQoqosho loMmandla nolweNgingqi	Ukuyilwa kwamathuba emisebenzi nokukhula okubandakanyayo kuzo zonke izithili kunye nakuqoqosho lwengingqi.
INkqutyana 2.3: UkuXhotyiswa koQoqosho	Ukuququzelela inkqubo yokuxhobisa nokuyila kobume obuncedayo boshishino kulungiselelwa iiPDI. <i>Le Nkqutyana ixaoxwe kwiNkqutyana 2.1.</i>
INkqutyana 2.4: UkuNcithiswa kweZithintelo	Ukuphuculwa kobume boshishino ngokuncitshiswa komthwalo wolawulo kumashishini ngokuphuculwa komthetho, kweenkqubo kunye nonxibelelwano.
Imiphumela yeziko	
INkqubo 2 inikela kumphumela weziko olandelayo	Ukwenziwa lula kokuqhutywa koShishini

INKqutyana 2.1: UPuhhliso lweShishini

Umpfumela, isiphumo, umgqalisela wesiphumo, ekujoliswe kuko nezifizekiso ezizizo

INKqutyana 2.1: UPuhhliso lweShishini								
Umpfumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicot ho-zincwadi komsebenzi onguwo 2020/21	Uphicot ho-zincwadi komsebenzi onguwo 2021/22	Ekujoliswe kukoNyaka okucwangcisiweyo 2022/23	Izifizekiso ezizizo 2022/23	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukufezekisa okukuko 2022/23	Izizathu zeyantlukwano
Ukwenziwa lula okuphuculweyo kokuqhutywa koshishini	Amashishini axhaswe ngokukhuthazwa koshishino kunye/okanye amanganelo enxaso yophuhliso lwamashishini	2.1 Inani lamashishini axhasiweyo ngamanganelo enxaso yophuhliso lweshishini	220	272	240	270	30	Iyunithi yophuhliso lweShishini yacelwa okokuba incede iSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente (iSebe leZibonenelelo) incede ngokumiliselwa kweNkqubo yayo yoPhuhliso lweKontilaka. Ekuncedeni ishishini ngokusetyenziswa kwale Nkqubo, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo kokusebenza kwafezekiswa ngaphezulu kokulindelweyo.
	Amaqumrhu oshishino abanini abazimeleyo asekwe ngamalinge elokishi.	2.1.1 Inani lamaqumrhu oshishino abanini abazimeleyo asekwe ngamalinge elokishi	-	-	3	4	1	Iyunithi ingenise amashishini amaninzi angekho sikweni ngaphezulu kulawo ebelindelwe ekuqaleni. Oku kube nomphumela wezicelo ezangezelelweyo zenxaso lobhaliso olusesikweni.
	Iingxowa-mali ekuxhathiswengazo	2.1.2 Ixabiso lengxowamali ekuxhathiswengalo ukwandisa inkxaso kwiiSMME eNtshona Koloni.	-	-	R8m	R8 689 680,00	R689 680,00	Inkxaso-mali ehlahlelwe ngamahlakani ikugqithile ebekulindelwe kuqala kweSebe.

--	--	--	--	--	--	--	--	--

Isishwankathelo seNkqutyana 2.1 izifezekiso

Injongo	Ukunikela kuyilo lobume obuncedayo boshishino obuxhobisa amashishini amancinane noosomashishini ukuwaxhobisa nokuwakhulisa.
Izifezekiso ezibalulekileyo	<p>Le Yunithi imilisele amalinge amaninzi ukomeleza ukusabela kweSebe kwiiSMME, kunye namahlakani ukukhawulezisa uvuselelo loqoqosho nokunikela kuyilo kobume obungaphezulu obuncedayo obulungiselelwe amashishini.</p> <p>INgxowa-mali yokuPhembelela iSMME 2022 ixhase iiprojekti ezisixhenxe ezinceda amashishini ali-191. Uncedo olunikezelweyo kula mashishini lubandakanya uqeqesho lwamagcisa nokuqinisekiswa, ukubonelelwa ngezixhobo noomatshini, uqeqesho lwezakhono zoshishino, uncedo lofikelelo kwimarike kunye nonxibelelwano lwemarike, ukuqeqeshwa nololongo lweshishini. Amashishini athe axhaswa ngokusetyenziswa kwemibutho esixhenxe ayekwimimandla efana neMitchells Plain, iGrabouw, iMosselbay, kwaLanga, eKhayelitsha, eHermanus, eRobertson, Elsies River, eMerweville, naseBellville. INgxowa-mali yokuPhembelela iSMME 2022 ibonise ukundululwa kwesifukamisi sehishini iWomHub kunye neSouth African Agri Academy Food-Path.</p> <p>IYunithi iqhubekile ngokuqalisa iiprojekti zeNgxowa-mali zokuPhembelela iSMME 2021, ezithe zaqakunjelwa ngonyaka-mali 2022/23. Iiprojekti zimiliselwe ngempumelelo ukuza kuthi ga ngoku.</p> <p>ISebe ngothelelwano noMasipala waseDrakenstein lilinge inkqubo yenkxaso elungiselelwe amaShishini amaNcinane namaKhulu (iiSME) ngokusetyenziswa kweNkqubo yeNkxaso yoPhuhliso lweShishini. Amashishini ayexhaswe ngenkxaso edingekayo engeyiyo imali (ebandakanya izixhobo noomatshini, ukuthengiswa okuhlanganyelweyo, iinkqubo zemali, njl.njl.) esekwe kuvavanyo oluqhutyiweyo oluya kunikela kuzinzo lwawo nokukhula. Inkqubo yenze amashishini asebenzayo amane angekho sikweni asesikweni ngentsebenziswano neSeda.</p> <p>Inkqubo iLong Street Kiosks ixhase amaShishini amahlanu amaNcinane nanaKhulu (iiSME) ngoomatshini nezixhoba ukwandisa imisebenzi yeshishini. Amashishini abandakanya iFinest Frozen Yoghurt, Imbizo African Coffee Company, Hotchefs, Ikamva Youth Entrepreneurship kunye neGround Culture.</p> <p>IYunithi isebenzisene neSebe loThutho neMisebenzi kaRhulumente kusetyenziswa amaThuba eNgcaciso eKontilaka (CIS) ekuxhaseni amashishini okokuba ahambelane nasekuchongeni amathuba oshishino kwicandelo likarhulumente. Ucweyo lwabanjwa eKuil River, e-Ashton, eGrabouw naseMossel Bay. Ilinge lincede amashishini angama-79.</p>
Imiphumela	Ukwenziwa lula kokuqhutywa koshishino okuphuculweyo
Isishwankathelo somnikelo kwisiphumo	Amalinge eYunithi (umz., iNgxowa-mali yokuPhembelela iSMME) kunye nempembelelo enxulumeneyo enikeleyo ngokubhekiselele kufezekiso lwesiphumo seSebe.
Umnikelo wokuphambili kweqhinga	Amalinge amiliselwe yiyunithi yoPhuhliso lweShishini ayebhekiselwe ekufezekiseni okuphambili kweqhinga kukarhulumente ngokugxila ekukhulisweni kweeSMME nokuncedwa kwe-ikhosistim kweshishini okunikela ngokubhekiselele kukuyilwa kwemisebenzi nokwandiswa kweshishini njengokungundoqo kukarhulumente. Amalinge alungelelaniswe kwisiCwangciso-nkqubo seNkcitho yeSithuba esiPhakathi, isiCwangciso seQhinga sePhondo kunye nesiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni. Amangenelo amiliselwe liCandelwana ligxile ekuxhaseni amashishini okokuba aphuhlise ikhono lawo kunye nemisebenzi ethi iwancede okokuba akhule yaye ayile imisebenzi.
Ukusabela kumaqela aphambili	INgxowa-mali yokuPhembelela iSMME 2022 ingxininise ngamandla ukugxila kumashishini anabanini bawo ingamanina, ilulutsha kunye nabantu abakhubazekileyo. Ukuza kuthi ga ngoku, amashishini axhaswe ngokusetyenziswa kweNgxowa-mali ngabanin bawo balulutsha (36%), ngawabanini bawo bangamanina (59%) nawabantu abakhubazekileyo (1%).

Iqhinga lokuphelisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo Akusebenzi.

INkqutyana 2.2: UPuhliso loQoqosho loMmandla nolweNgingqi

Umphumela, isiphumo, umgqalisela wesiphumo, ekujoliswe kuko nezifizekiso ezizizo

INkqutyana 2.2: UPuhliso loQoqosho loMmandla nolweNgingqi								
Umphumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2020/21	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2021/22	Ekujoliswe kukoNyaka okucwan gcisiweyo 2022/23	Izifizekiso ezizizo 2022/23	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwan gcisiweyo ukufezekisa okukuko 2022/23	Izizathu zeyantlukwano
Ukwenziwa lula okuphuculweyo kokuqhutywa koshishini	Amashishini ancedwe ngokusetyenziswa kwamangene lo enxaso kamasipala	2.2 Inani lamashishini ancedwe ngokusetyenziswa kwamangene lo enxaso kamasipala	-	50	50	54	4	ISebe libe nakho ukunceda amashishini amane angaphezulu ngamangenelelo khoyo.
	Amangenelelo olungelelwani so axhasiweyo ukuqinisa nikezelo loqoqosho lwesithili	2.3.1 Inani lamangenelelo olungelelwani so axhasiweyo ukuqinisa nikezelo loqoqosho lwesithili	-	-	4	4	-	-

Injongo	Ukuyilwa kwamathuba emisebenzi nokubandakanywa kokukhula kulo lonke uqoqosho lwezithili nolwengingqi.
Izifezekiso ezibalulekileyo	<p>Le yunithi imilisele iNkqubo yoThelelwano yoVuselelo loQoqosho ukomeleza ukusabela kweSebe kumahlakani ukukhawulezisa uvuselelo loqoqosho nokuyila ngaphezulu ubume obuncedayo obulungiselelwe amashishini kubo bonke oomasipala. Ngokuthe ngqo, iNkqutyana:</p> <ul style="list-style-type: none"> • Ngothelwano noomasipala owaseHessequa, eLangeberg, eMossel Bay nowaseSwellendam, iqhube ukusekwa kweendawo ezintsha zoshishino ezilungiselelwe iiSMME kunye nosomashishini abangekho sikweni ezidolophini ezivumela amashishini amancinane engingqi okokuba akhule yaye athathe inxaxheba ekuyileni imisebenzi. IYunithi ikugqithe lee ebijolise kuko okucwangcisiweyo kwamashishini angama-50 ancedwe yaye yaba nakho ukunikezela ngenkxaso kumashishini amane angaphezulu awangezelelweyo kula maziko matsha. Kumashishini angama-54 ancedwe ngezithuba zokushishina kunye nenkxaso yoqeqesho, i-16% ibe lulutsha ze ama-50% yaba ngamanina. • Inikezele ngomsebenzi olungelelanisiweyo wenkxaso kwiSebe ngokunikezela ngesikhokhelo ngezicwangciso zovuselelo loqoqosho lwesithili nolwengingqi kunye neziCwangciso zoMiliselo lweJDMA, kunye neenzame ezilungelelaniswe neWCG ukuxhasa ucwangciso oluHlangeneyo loPhuhliso (IDP), nocwangciso lwesiCwangciso-nkqubo soPhuhliso lweSithuba sikaMasipala (iiMSDF), ucwangciso lokuHlaliswa kwaBantu (iiHSP), kunye nocwangciso lweQela elisekwe kuMmandla (ii-ABT) kulungiselelwa okungundoqo koKhuselo. Izicwangciso zesithili zabekwa iliso zaze zandlalwa ngempumelelo kunye norhulumente wesizwe njengoko kuchaziwe. IYunithi iphuhlise isicwangciso sesithuba sophawu lokunikezelwa kwenkonzo seSebe kulo lonke iPhondo ze samiliselwa kwiimbumba zoqoqosho zesithili ukuqinisekisa ngamaqonga alungiselelwe ukuhlangana kunye nenkxaso avuselelwe yaye ukusabela kwimibuzo yenqanaba lengingqi kuyagcinwa okuthi kukhuthaze ukomelezwa kokuhlangana kukamasipala kunye norhulumente wesizwe nowephondo. IYunithi ijolise amangeneolo ayo ekusabeleni kwizidingo zokunikezelwa kwenkonzo zoomasipala nokunikezela ngomsebenzi olungelelanisiweyo wenkxaso kwiSebe othi unike uncedo kwiNdlela eHlangeneyo yeSithili noMasipala oMbaxa (JDMA) kunye noyilo lophuhliso lwesithili.
umela	Ukumiliselwa kweeprojekti ezimbini zothelelwano lothungelwano lweshishini ukuyila unxibelelwano nokwakha ubudlelwane phakathi koomasipala bengingqi kunye necandelo labo langasese kwisithili. Ezi projekti (enye ese-Overberg kunye nenye eseSaldanha Bay) ziqalisile ukomeleza nokwandisa indima labadlali becandelo langasese lengingqi (abafana nequmrhu loshishino lengingqi, ushishino olulungiselelweyo, okanye amaqumrhu athe ngqo kwicandelo, njl.njl.) okokuba enze utshintshiselwano lwamaqabane ngendlela yokuxhasa amashishini amancinane akwingingqi kunye nendlela yokusebenza noomasipala bawo. Ezi projekti zothelelwano zothungelwano lweshishini zamkela icandelo loshishino njengomdlali osebenzayo kwi-ikhosistim yengingqi yomsebenzi woqoqosho, kwizicwangciso zokukhula nemisebenzi yoomasipala kunye nenkxaso yoomasipala ukwakha iqonga lokuhlangana ukulungiselela ukusebenza okuhlangeneyo kokuphambili kwengingqi. Eli linge linikezele nge-ikhosistim ecwangcisiweyo ngommandla ngamnye, izicwangciso zentsebenziswano kunye nesifundo sesehlo ekufuneka sisetyenziswe ukwabelana neminye imimandla.
wankathelo	Ukwenziwa lula kokuqhutywa kweshishini okuphuculweyo
iikelo phumo	Ekujoliswe kuko okufezekisiweyo kulungisa ukuxhotyiswa kukamasipala kunye necandelo langasese kwiingingqi ukuyila ubume obuthi benze kube lula kumashishini amancinane engingqi ukuqhutywa koshishino, buvuselele umsebenzi woqoqosho nokuyila imisebenzi kwimimandla eminizi yasemaphandleni yePhondo. Bulungisa ngokunjalo ukuphuculwa kokufaneleka kweSebe okokuba linikezele ngokungundoqo kwalo, kwenze kube lula ukuqhutywa koshishino.

B

INGCACISO YOKUSEBENZA

Umnikelo wokuphambili kweqhinga	<p>Amalinge eYunithi aphuhliswa ukuqhubela phambili okuPhambili okuVuselelwa nguMbono 2: ukuKhula neMisebenzi nokukhuthazwa kwenguqulelo yesithuba sokuPhambili okuVuselelwa nguMbono 4: Ngokuthe ngqo, kwisiCwangciso-nkqubo seQhinga seSithuba esiPhakathi umsebenzi weYunithi ulungelelaniswe kukukhawuleziswa “kokwenziwa lula kokuqhutywa koshishini” njengentsika engundoqo, kunye nokuphambili kweMisebenzi kwisiCwangciso soVuselelo loQoqosho lweNtshona Koloni.</p> <p>liprojekti ezimiliselweyo zijoliswe ngabom ekuvumeni okokuba icandelo langasese ngomvelisi wemisebenzi, yaye yindima yeSebe kunye neyunithi yayo yenkxaso kamasipala ukunceda ekuyileni iimeko ezincedayo zemisebenzi kunye nempilo-ntle kuyo yonke imimandla koomasipala.</p>
Ukusabela kumaqela aphambili	<p>IYunithi ngentsebenziswano neyunithi yophuhliso lweShishini isebenzisa iNgxowa-mali yokuPhembelela iSMME 2021 ukuqhuba nokugxininisa ekujoliswe kuko kumashishini anabanini abangamanina, abalulutsha kunye nabakhubazekileyo. Ukuza kuthi ga ngoku, amashishini axhaswe ngeeprojekti zokuPhembelela zikamasipala abandakanya lawo anabanini abalulutsha (16%) kunye nalawo anabanini abangamanina (50%).</p>

Iqhinga lokuphelisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo
Akusebenzi

INkqutyana 2.4: UkuNcitchiswa kweZithintelo

Umpfumela, isiphumo, umgqalisela wesiphumo, ekujoliswe kuko nezifizekiso ezizizo

INkqutyana 2.4: UkuNcitchiswa kweZithintelo								
Umpfumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicot ho-zincwadi komsebenzi onguwo 2020/21	Uphicot ho-zincwadi komsebenzi onguwo 2021/22	Ekujoliswe kukoNyaka okucwan gcisiweyo 2022/23	Izifizekiso ezizizo 2022/23	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwan gcisiweyo ukufezekisa okukuko 2022/23	Izizathu zeyantlukwano
Ukwenziwa lula kokuqhutywa koshishino	Amatyala asonjululweyo	2.5 Ipesenti yamatyala asonjululweyo	-	91%	85%	91%	6%	Ukusebenza kakuhle kokufaneleka kweDEDAT ekusombululeni amatyala kube nomphumela womlinganiselo ophezulu wokusonjululwa kunoko bekuqikelelwe kuqala
	Imiqathango yophuculo kwiinkonzep ezijamelene noshishino lukarhulumente emiliselweyo	2.7 Inani lemiqathango yophuculo kwiinkonzep ezijamelene noshishino lukarhulumente emiliselweyo	-	-	15	19	4	Iyunithi ibe nakho ukunika ingxelo ngophuculo olwangezelelweyo kuhlalo lwabiwo-mali osele lukho.
	linguqu zolawulo kunye/okanye nemigaqo-nkqubo endululwa koomasipala	2.8 Inani leenguqu zolawulo kunye/okanye nemigaqo-nkqubo endululwa koomasipala	-	-	10	10	-	-
	Amanganelo okwenziwa lulo kokuqhutywa koshishini nokwakhiwa kwekhono aqhutyiweyo	2.9 Inani lamanganelo okwenziwa lulo kokuqhutywa koshishini nokwakhiwa kwekhono aqhutyiweyo	-	-	15	16	1	Ngesicelo esenziwe nguMasipala waseCape Agulhas, iyunithi ibe nakho ukunikezela ngonganelo olwangezelelweyo lolwazi.

		ukuphuculwa kolwazi lwe-EoDB						
	Amanganelo oshishino aqhutyiweyo athiancede kuhambelwano	2.10 Inani lamanganelo oshishino aqhutyiweyo athiancede kuhambelwano	-	-	5	9	4	Iyunithi ifezekise ngaphazulu kokulindelweyo ngenxa yesicelo esangezelweyo, amanganelo kunye nothelelwano ngaphezulu koko bekuqikelelwe ngaphambili ngokuhambelana nekhono leyunithi.
	linguqu ezilawulayo kunye/okanye umgaqo-nkqubo ondululwe kumasebe esizwe kunye/okanye eWCG okanye amaqumrhu awo	2.11 Inani leenguqu ezilawulayo kunye/okanye umgaqo-nkqubo ondululwe kumasebe esizwe kunye/okanye eWCG okanye amaqumrhu awo	-	-	4	9	5	Lo mgqalisela ukhokhelwa libango. Iyunithi yacelwa okokuba inikezele ngenkcazo egameni leDEDAT.

Injongo	Ukuphuculwa kobume boshishino ngokuncitshiswa komthwalo wolawulo kumashishini ngokuphuculwa komthetho, kweenkqubo nonxibelelwano.
Izifizekiso ezibalulekileyo	<p>IYunithi imilisele amangenelo athi anikele ekunciphiseni izithintelo nakuphuhliso kobume boKwenziwa Lula kokuqhutywa koShishino kulungiselelwa ukukhula koqoqosho novuselelo kuRhulumente weNtshona Koloni, ngokunjalo nakubume bukamasipala kulungiselelwa iPhondo.</p> <p>A. Ipesenti yamatyala asonjululweyo INkonzo yoMnxeba woNcedo weNkxaso yeShishini irekhode amatyala angama-519 angeniswe ngamashishini, ebe nomphumela womlinganiselo wesisombululo wama-91% kwiSebe. Umlinganiselo wolwaneliseko, emva kweemvavanyo waqhutywa kunye namashishini ancedisiweyo, umi kuma-80%.</p> <p>B. Inani lemiqathango yophuculo kwiinkonzo zikarhulumente ezijongene neshishini elimiliselweyo. IYunithi ixhase ngemali ukumiliselwa kwemiqathango yophuculo kwiinkonzo zikarhulumente ezijamelene namashishini amaninzi.</p> <ol style="list-style-type: none"> 1. UGunyaziwe woTywala weNtshona Koloni (WCLA) IYunithi ixhase ngemali, ngothelwano neWCLA, ukuphuhlisa, ukumiliselwa, ukuhlanganiswa nokuhlolwa kwiimodyuli ezahlukeneyo ezibhekiselele kukufezekiswa kwepotali yePhepha-mvume elenziwa kwi-Intanethi. Ngokuyilwa kweqonga le-intanethi kunye neenkonzobathengi ezifizekisiweyo, iWCLA iyakwanda kakhulu kuphawu lwayo lokunikezelwa kwenkonzo kwiNtshona Koloni nokuphuculwa kwamava abemi nokwenziwa lula kokuqhutywa koshishino ngokwandiswa kokufaneleka kweenkqubo kunye neenkqubo zolawulo. 2. INgxowa-mali yezigidi ezili-R10 kaMasipala yoKwenziwa Lula koShishino IYunithi ixhase ngemali iiprojekti ezininzi koomasipala abaninzi ijolise kufezekiso lweenkqubo nokufakwa kwidijithali kweshishini elijamelene neenkonzobathengi, inenjongo ephambili yokuphucula ukufaneleka kokusebenza koomasipala. Amangenelo athe amiliselwa ngempumelelo ze aqakumbela ukwenza isibonelelo seenkonzo ezilandelayo zikarhulumente ezijongene noshishino kwaba masipala badweliswe ngasezantsi: <ol style="list-style-type: none"> 2.1 UMasipala waseLangeberg: Uphuhliso loCwangciso lweDolophu lwe-elektroniki kunye neNkqubo yeNgcaciso yeNdawo yoLawulo lweSakhiwo (GIS). Inkqubo yeenkqubo zekhompuyutha zeGIS kunye namaphepha-mvume yathengwa ze yanikezelwa kuMasipala. Ukuthengwa kwezicelo ze-elektroniki zokunceda iGIS ekufuneka zifunyanwe, zifakwe kwikhompuyutha ze ziqwalaselwe ngamasebe awahlukeneyo akoomasipala. 2.2. UMasipala wasePrince Albert: Ukwandiswa kwenkqubo yentsebenziswano. Ukufakwa kwidijithali kwezicelo zeWayleave: Ngezicelo zeWayleave, linkampani zabacebisi, ezobunjinieli, kunye nezonzibelelwano zinakho ukungenisa izicelo zewayleave ngedijithali. Izicelo zamaPhepha-mvume eShishini: Amashishini akummandla wasePrince Albert abe nakho ukubhalisa isicelo sendawo entsha yoshishino ngedijithali. Izicelo zeMvume yokuThengisa okungekho sikweni: Abathengisi abangekho sikweni banakho ngoku ukuzalisa izicelo ngedijithali. Inkqubo entsha yoshishino iyiliwe ngokunjalo kumaziko. 2.3 UMasipala waseDrakenstein: UkuFakwa kwiDijithali kweZicelo zoPhawu lwezoKhenketho. Olu ngenelelo lubhekiselele kuphuhliso lwenkqubo yeSicelo soPhawu lwezoKhenketho olukwi-intanethi, ukulungiselela ukusetyenziswa ngokupheleleyo koyilo olukhoyo lweenkcukacha zamanani kunye neenkqubo zoshishino kwinkqubo yeenkqubo

zakhompyutha esetyenziswa ngumasipala, ekunikezeleni ngenkqubo engazindleko kakhulu nexakekileyo.

Izifzekiso ezibalulekileyo	<p>2.4 UMasipala waseSwellendam: Ukumiliselwa kweNgcaciso yeNdawo: Olu ngenelelo lujolise kumiliselwa lweNkqubo yeNgcaciso yeNdawo (GIS) ukuhlanganisa izicelo zocwangciso lwedolophu kunye nepotali yongeniso lwesicwangciso lwedolophu kwikqubo enye ehlangeneyo.</p> <p>2.5 UMasipala waseKnysna: UKwandiswa kwe-App yeSelula yaBemi – Ukufakwa kwidijithali yeeNkonzo zikaRhulumente ezijongene noShishino. Inkqubo yeZicelo zamaPhepha-mvume oShishino: Ulwandiso lwenzelwa abasebenzisi okokuba babe nakho ukucela ingcaciso yokungeniswa kwezicelo zemvume yamaphepha-mvume oshishino kumasipala. Ukwandiswa kwenkqubo yoShishino lokuLawulwa kweSakhiwo: Ekuqaleni abasebenzisi babe nakho ukungenisa izicelo kusetyenziswa ipotali yabasebenzisanayo. Nangona kunjalo, inkqubo yesicelo soLawulo lweSakhiwo yahlaziywa yaze yandiswa ukulungiselela iintlobo ezangezelelweyo zesakhiwo esingundoqo.</p> <p>2.6 UMasipala waseBitou: I-App yeSelula yaBemi: Ukufaka kwidijithali yeeNkonzo zikaRhulumente ezijongene noShishino. Inkqubo yoShishino lokuTyela Ngaphandle: Oku kubhekiselele kuphuhliso lwenkqubo yesicelo sedijithali elandelwayo yokunikezelwa kwamalungelo okuhlala/eetafile eziphandle kunye nezitulo kummandla kawomke-wonke olungiselelwe iinjongo zokushishina. Ishishini linakho ukwenza isicelo zemvume yokutyela ngaphandle ngokwedijithali. Inkqubo yoshishino yoKwenziwa kweSicelo sePhepha-mvume lokuShishina: Amashishini akumasipala waseBitou anakho ngoku ukwenza isicelo seendawo ezintsha zokushishina ngokwedijithali. Oku kunceda amashishini okokuba azalise ifomu yokwenziwa kwesicelo kwi-intanethi kusetyenziswa iPotali.</p> <p>2.7 UMasipala waseMossel Bay: Ukufakwa kwidijithali kweNkonzo zikaRhulumente ezijongene noShishino. Ukuhlaziywa kweModyuli ekwi-Intanethi yoLawulo lweSakhiwo kunye nePotali: Amashishini anakho ngoku ukufaka izicelo zesiCwangciso soLwakhiwo olunokuncanyathelisiweyo okuninzi kuhlobo olunye loxwebhu afanayo axhasayo. Uphuhliso lwemodyuli yeZicelo zamaPhepha-mvume oShishino: Amashishini akummandla waseMossel Bay anakho ngoku ukubhalisa isicelo seendawo zeshishini elitsha ngokwedijithali. Uphuhliso lwemodyuli yeZicelo zeMvume yokuTyela ngaphandle kwesakhiwo: Izakhiwo zokuthengwa kokutya nokutyela kunye neenkampani zemisitho ezinxulumene noko zinakho ngoku ukuzalisa ifomu yesicelo kusetyenziswa ipotali kwi-intanethi. Ishishini linakho ngoku ukwenza isicelo semvume yokutyela ngaphandle kwesakhiwo ngokwedijithali. Uphuhliso lwemodyuli yeZicelo zeMvume yoMboniso Bhanya-bhanya: Iinkampani kunye nabantu abakummandla waseMossel Bay zinakho ngoku ukungenisa isicelo seemvume zomboniso bhanya-bhanya kusetyenziswa ipotali ye-intanethi. Umboniso bhanya-bhanya wedijithali ovumela isicelo ngoku wenza isibonelelo semiboniso emikhulu. Uphuhliso lweemodyuli zeZicelo zeMvume yeMisitho: Amashishini nabantu abakummandla waseMossel Bay anakho ngoku ukungenisa isicelo semvume zeMisitho ngokusetyenziswa kwepotali ye-intanethi. Okokugqibela, imimandla eyangezelelweyo yafakelwa kulungiselelwa iinkcukacha zamanani okuphuhlisa koqoqosho.</p>
----------------------------	--

<p>Izifzekiso ezibalulekileyo</p>	<p>C. Inani leenguqu zolawulo kunye/okanye zomgaqo-nkqubo ezicetywayo koomasipala IMvavanyo zokuLLawulwa kweMpembelelo (RIA) kwiSixeko saseKapa (iSixeko)</p> <ol style="list-style-type: none"> 1. UMgaqo-nkqubo woPhuhliso kwaNgethuba loBuntwana (ECD) IYunithi ichonge izithintelo ezininzi zohambelwano zikamasipala ezjamelene namaZiko oPhuhliso kwaNgethuba loBuntwana (ii-ECD) eziwathintelayo ekubeni abhaliswe. IYunithi, ekuchongeni unobangela wezithintelo yaba ngumgqo-nkqubo we-ECD yaye yandulula kwiSixeko okokuba umgaqo-nkqubo we-ECD mawuhlaziywe, nento yokuba kufuneka kuqhutywe iRIA njengenzame yokuphucula ukulunga komgaqo-nkqubo. IYunithi isebenzisene neSixeko ekuqhubeni uhlaziyo lomgaqo-nkqubo nokuqukunjelwa kweRIA yokuqala. I-RIA yokugqibela sele ikufutshane okokuba igqitywe ebandakanya uhlahlelo lwezibonelelo zendleko zempembelelo yohambelwano kwii-ECD ekubeni zibe zibhalisiwe. Isibonelelo ngokubanzi kunye nempembelelo ziya kuvumela okokuba i-ECD ifaneleke ukuba ifumane inkxaso-mali karhulumente kunye namathuba enkxaso-mali yangaphandle, ngoko kuyilwa yaye kuzinziswa ukusebenzi. 2. UMgaqo-nkqubo oYilwayo woShishino lweSelula (umgaqo-nkqubo) IYunithi indulule iRIA kwiSixeko saseKapa kuMgaqo-nkqubo oya kuthi uvumele ufikelelo lwamashishini eselula kumathuba alawulwayo ngokwakaloku nje ngumthetho kamasipala woshishino olungekho sikweni. I-RIA yokuqala yaqhutywa yiYunithi ngentsebenziswano neSixeko yaye izindululo zangeniswa kwiyunithi yomgaqo-nkqubo weSixeko. 3. UMmandla woLwaleko loQoqosho – UMasipala waseStellenbosch IYunithi, ngokusetyenziswa kweNgxowa-mali kaMasipala yoKwenziwa Lula koShishino, iqinisekise ngophuhliso loMmandla woLwaleko loQoqosho kunye nemithetho eyilwayo ekufuneka ibandakanywe njengesihlomelo kumthetho kamasipala kweSkim sokuCanda soMasipala waseStellenbosch. Ngokusetyenziswa kolu ngenelo abququzeleli bemisitho kunye noMasipala waseStellenbosch (uMasipala) baya kubonelelwa ngeendlela ezininzi okt., izicelo zemvume yomsitho ziya kuba luhambelwano lokusetyenziswa komhlaba, amathuba olwamkelo akhawulezileyo ekunikizelweni kwezicelo zemisitho, nokuncitshiswa kokuntsonkotha kwendlela ekuthi kuqwalaselwe ngayo izicelo. Ukuqaliswa kommandla wolwaleko loqoqosho kuya kuzisa inguqu yolawulo kuMasipala ngokususwa kwezithintelo nokuncedisa kukwenziwa lulo kokuqhutywa koshishino. 4. UkuNikezelwa okuphuculwyo kweMvume yoMboniso Bhanya-bhanya noMsitho Ukunikwa kwengqwalasela kwindima nomnikelo wecandelo lomboniso bhanya-bhanya nelemisitho kuqoqosho lwephondo, iYunithi iphuhlise izixhobo ezilawulayo eziya kunciphisa ixesha kunye neendleko ezisoloko zinxulunyaniswa okuqwalaselwa kweemvume zomboniso bhanya-bhanya nomsitho ngoomasipala. Iprojekti iya kunceda oomasipala beNtshona Koloni ngezixhobo ezilawulayo ukuphucula ulawulo oluvumela imisitho yabo ngokwamkelwa kwendlela ebekwe emgangathweni. Imigaqo-nkqubo yoyilo emibini: UMgaqo-nkqubo kaMasipala oseMgangathweni oVumela uMboniso Bhanya-bhanya kunye noMgaqo-nkqubo kaMasipala oseMgangathweni oVumela uMsitho yaphuhlisa yiYuthi ngenxa yeprojekti. Imigaqo-nkqubo yalandelwa kuyilo lwemithetho kamasipala emibini: UMthetho kaMasipala oseMgangathweni oVumela uMboniso Bhanya-bhanya kaMasipala kunye noMthetho kaMasipala oseMgangathweni oVumela uMsitho kaMasipala. Ewonke omane amangenelo azama ukunikizela koomasipala kuyo yonke iNtshona Koloni ngomgaqo-nkqubo oyimfuneko kunye nesicwangciso-nkqubo esiya kunceda ukuphucula ulawulo oluvumela imiboniso bhanya-bhanya nomsitho yabo ngokwahlukeneyo.
-----------------------------------	---

5. UMgaqo-nkqubo woYilo lweSMME
 Ukunceda ekuyileni ubume obuncedayo obulungiselelwe uphuhliso lweSMME kwinqanaba lomasipala, iYunithi iphuhlise umgaqo-nkqubo wayilo ukuphucula ubume bomgaqo-nkqubo bamashishini amancinane eNtshona Koloni. Umgaqo-nkqubo wayilo uya kulingwa kunye nenani loomasipala elikhethwe kwangaphambili ngokusekwe kukusabela kwabo kwiNgxowa-mali kaMasipala ye-EoDB. Imigaqo-nkqubo, ukuba yamkelwe, iya kunceda indlela kamasipala ukulungiselela ukuxhasa uphuhliso nokukhula kweeSMME kwimimandla yabo. Kuqikelelwa okokuba umgaqo-nkqubo uya kulinganiswa kwabanye oomasipala kwixesha elizayo.
- D. Iinguqu zolawulo kunye/okanye zomgaqo-nkqubo ezicetywayo kumasebe esizwe kunye okanye aweWCG okanye amaqumrhu ayo
 Izindululo zenguqu yolawulo
 IYunithi inike izimvo kwinqanaba lemgqaqo-nkqubo nomthetho ukuphucula ubume ngokubanzi boshishino beNtshona Koloni ukuqinisekisa ngento yokuba umthetho uxhasa ubume bolawulo obufaneleke kakhulu nobulungele ushishino. Ezi zichazwe ngasezantsi:
1. Izimvo ngoMgaqo-nkqubo weSisizwe wokuFuduswa kwaBasebeni (NLMP)
 Izimvo zangeniswa kwiSebe leNgqesho naBasebenzi (DoEL) ngokuphathelele kwiNLMP, enendima yesiseko eliyidlalayo ekufezekiseni iinjongo zoMzantsi Afrika ngokuhambelana nokufunyanwa kwezakhono, ukuyilwa kwengqesho nokugcinwa kwabo bonke abasebenzi, abesiwe nabamanye amazwe, Izimvo kuMthetho oYilwayo oLungisiweyo weeNkonzo zeNgqesho.
 2. Izimvo ngoMthetho oYilwayo oLungisiweyo weeNkonzo zeNgqesho:
 Nge NLMP, izimvo zangeniswa kwiDoEL ngoMthetho oYilwayo ukuqinisekisa ngento yokuba ulawulo olwaneleyo lukho ekulawulweni kokufunwa kwabasebenzi bamanye amazwe kumacandelo oqoqosho achongiweyo.
 3. Izimvo ngesiCwangciso sobuchule soPhuhliso oluHlangeneyo lwamaShishini amaNcinane:
 Izimvo zangeniswa kwiSebe loPhuhliso lwamaShishini amaNcinane ukuqinisekisa ngento yokuba isiCwangciso sobuchule simele indlela elungelelanisiweyo yeqhinga ukuxhasa nokuphuhlisa amashishini amancinane.
 4. Izimvo ngeeKhowudi eziYilwayo zeCandelo loMthetho:
 Izimvo zangeniswa ngeeKhowudi eziYilwayo zeCandelo loMthetho, ezandlalwe kwisicwangciso-nkqubo esitsha ukulungiselela ukumiselwa kohambelwano lweB-BBEE kwicandelo lomthetho. Iinkxalabo zaphakanyisa ngokufanelekileyo ezimalunga nokusebenza kweeKhowudi ekulungiseni isidingo ekuguquleni icandelo lomthetho, ngelahleko yoncedo loqoqosho.
 5. Izimvo ngeMithetho eYilwayo yokuKhululwa okuMiselweyo kwamaShishini amaNcinane amaKhulu naPhakathi:
 Izimvo zangeniswa ngokuKhululwa okuYilwayo okuMiselweyo, ungenelo oluyimfuneko lolawulo oluya kufezekisa injongoyezivumelwano zamacandelo okukhululwa okanye imisebenzi enxulumene neeSMME ezivela kumacandelo okumiliselwa 4(1) kunye nelesi-5(1) loMthetho woKhuphiswano 89 we-1998 (uMthetho).
 6. Izimvo ngoMgaqo-nkqubo oYilwayo weShishini leSelula:
 Izindululo zenziwa kwiSixeko saseKapa kumiliselwa kuwo onke amasebe koMgaqo-nkqubo oYilwayo lweShishini leSelula, ezijolise ekuxhasweni kwecandelo leshishini elikhulayo leselula ngokubekwa kwemiqathango eya kwenza kube lula ukuqhutywa kwamashishini anjelo ukulungiselela ukufumana iimvume nokusebenza.

	<p>7. Izimvo ezingoMthetho oYilwayo weNkampani yeeNqanawa zoMzantsi Afrika: Izimvo zangeniswa kwiSebe lezoThutho kuyilo lokuqala loMthetho oYilwayo weNkampani yeeNqanawa zoMzantsi Afrika, oxhibe ekusekeni izithuthi zesizwe zelizwe njengendlela yokwakhiwa kwekhono leqinga leenqanawa zesizwe.</p> <p>8. Izimvo ezingoMthetho oYilwayo woLawulo loQoqosho lwezoThutho: Izimvo zangeniswa kwiSebe lezoThutho ngoMthetho oYilwayo woLawulo loQoqosho lwezoThutho, obanga ukuvuselela ukukhula koqoqosho eMzantsi Afrika ngokukhuthaza icandelo lothutho elisebenzayo, elifanelekileyo, nelinemveliso.</p> <p>9. Izimvo ngoMthetho oYilwayo oLungisiweyo weLungelo loMbhali lokuShicilela: Izimvo zachazwa kwiSebe lezoRhwebo, uShishino noKhuphiswano ngoMthetho oYilwayo oLungisiweyo weLungelo loMbhali lokuShicilela zaphuhlisa kwisithuba seminyaka emininzi ukuzisa ulungelelwaniso phakathi komthetho welungelo lombhali lokushicilela woMzantsi Afrika, ixesha ledijithali, ngokunjalo nophuhliso kwintanaba lamacala amaninzi.</p> <p>E Inani lamangenelo olwakhiwo lwekhono lokwenziwa lula kokuqhutywa koshishino aqhutyiweyo ukuphucula ulwazi lwe-EoDB. Ukulungiselela ukuphuculwa kolwazi kwi-EoDB, iYunithi idlale indima eqinileyo yophembelelo ngethuba lonyaka-mali, linamangenelo apheleleyo ali-16 ophembelelo nolwazi aqhutyiweyo kunye namagosa ephondo nakamasipala. Kungenelo ngalunye, uvavanyo lwentetho lwangaphambili nolwangasemva lwabanjwa ukulinganisa ulwazi lwamagosa olumalunga ne-EoDB.</p> <p>F Inani lamangenelo oshishino aqhutyiweyo anceda uhambelwano IYunithi iqinisa isigunyaziso sayo ngokuqinisekisa ngeemfuno ezingundoqo zohambelwano ukulungiselela ukukhuphisana kuqoqosho apho amangenelo olwabelwano afana neewebhina, upapasho lweselula kunye neentetho. Impumelelo enkulu ibe kukusingathwa kwewebhina kunye noSARS ngokuphathelene nenkuthazo yerhafu yamashishini amancinane.</p>
Imiphumela	Ukwenziwa lula okuphuculweyo kokuqhutywa koshishino
Isishwankathelo somnikelo kwisiphumo	Ukususwa kwezithintelo kuya kuhokhelela kulondolozo lweendleko/kwizibonelelo zoqoqosho kumashishini, kumagosa karhulumente weWCG nakamasipal. Ukulondolozwa kweendleko kunokuqhutywa ngendlela yolondolozo ngokuhambelana nexesha kunye/okanye iindleko ezizizo kunye/okanye ukuntsonkotha ukuba ngaba izindululo zamkelwe zaze zamiliselwa ngempumelelo. Eli xabiso lerandi liya kubalwa ngenani ngethuba leFY 2023/24.
Umnikelo wokuphambili kweqhinga	Ngokuhambelana nesiCwangciso-nkqubo seQhinga seSithuba esiPhakathi, umsebenzi weYunithi wendeleliswe kokuphambili "imisebenzi emininzi enesidima izinzisiwe yaze yayilwa". Ngaphezulu, amangenelo eYunithi afunyaniswe efanelekile kwisicwangciso seqhinga lephondo, okuPhambili okuVuselelwa nguMbono 2: UkuKhula neMisebenzi. Okukugqibela, "ukukhawuleziswa kokwenziwa lula ukuqhutywa koshishino" yintsika engundoqo kwisicwangciso soVuselelo loQoqosho lwePhondo phantsi kokuphambili kweMisebenzi njengoko ingummandla ongundoqo ekujoliswe kuwo kwisicwangciso sovuselelo loqoqosho lweSebe.
Ukusabela kumaqela aphambili	IYunithi ichonge amaqela angundoqo amanina, ulutsha kunye nabakhubazekileyo njengenxalenye yamangenelo ayo amalunga nezithintelo, nokwenziwa lula kokuqhutywa koShishino kunye noomasipala namaSebe eWCG. Kumangenelo ali-16 amiliselwe yiYunithi, ama-40% abazimasileyo ibe ingamanina, kunye ne-12% ilulutsha kumaqela aphambili atyunjiweyo athe achongwa.

Ukuxulunyiswa kokusebenza nohlahlo lwabiwo-mali

Ngesithuba sonyaka-mali wama-2022/23, isixa-mali esizigidi ezingama-R47.839 sabelwa kwiNkqubo apho inkcitho eyiyo ixabise izigidi ezingama-R47.159. Oku kuguqulela kwinkcitho eyiyo yama-98.6% yohlahlo lwabiwo-mali plupheleleyo leNkqubo. Uvavanyo ngokubanzi lweengxowa-mali ezichithiweyo nokohlelo loqoqosho lunje ngoku kulandelayo:

- IMbuyekezo yaBasebenzi ibalelwe kwizigidi ezili-R17.893 okanye ama-37.9% enkcitho epheleleyo;
- IMpahla neeNkonzo zibalelwe kwizigidi ezili-R10.840 okanye ama-23.0% enkcitho epheleleyo;
- OkuKhutshelweyo neNkxaso-mali ibalelwe kwizigidi ezili-R17.766 okanye ama-37.7% enkcitho epheleleyo; kunye
- NeeNtlawulo zeNkcithoyee-Asethi eziNkulu ezixabisa amawaka angama-R660 okanye i-1.4% yenkcitho epheleleyo

Igama lenkqutyana	2022/2023			2021/22		
	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho eYiyo	INkcitho(Engaphezulu)/ Engaphantsi	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho eYiyo	INkcitho(Engaphezulu)/ Engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
UPhuhliso lweShishini	19 986	19 534	452	23 052	22 942	110
UPhuhliso loQoqosho loMmandla nolweNgingqi	7 324	7 313	11	16 720	16 718	2
UkuNcitshiswa kweZithintelo	20 529	20 312	217	13 904	13 544	360
Zizonke	47 839	47 159	680	53 676	53 204	472

Iqhunga lokuphelisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo Akusebenzi.

INkqubo 2: Ukusebenza okunxulumene nokuBekwa eMgangathweni kweeNgcebiso kunye neMigqalisela yeeNgcebiso kulungiselelwa amaCandelo aneMisebenzi eYenziwa kunye Akusebenzi.

4.3 INKQUBO 3: UPHUHLISO LORHWEBO NECANDELO

Injongo

Ukuvuselelwa kokukhula koqoqosho kumacandelo achongiweyo ngophuhliso loshishino, ukukhuthazwa korhwebo notyalo-mali.

Isakhelo senkqubo

IiNkqutyana	INjongo
INkqutyana 3.1: UkuKhuthazwa koRhwebo noTyalo-mali	Ukunikezela ngezibonelelo kubakhenkethi, ukukhuthazwa korhwebo nokutyalwa kwemali ukuyinceda ekunikezeleni kwisigunyaziso sayo, njengoko kuchaziwe kuMthetho we-Arhente yokuKhuthaza uTyalo-mali noRhwebo eNtshona Koloni, 1996 (uMthetho 3 we-1996), (njengoko ulungisiwe).
INkqutyana 3.2: UPhuhliso lweCandelo	Ukuvuselelwa kokukhula koqoqosho kumacandelo arhwebayo ngokusetyenziswa kweenkqubo ezibambekayo, imiqathango exhasa ushishino nokumiliselwa kwezicwangcisokunye namaqhinga aya kuthi abe nomphumela kukukhula koqoqosho nokuyilwa kwemisebenzi ngosetyenziswa kokukhula kwemisebenzi yokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe nokwandiswa kotyalo-mali kumacandelo abekwe phambili oqoqosho lweNtshona Koloni.
Imiphumela yeziko	
INkqubo 3 inikela kwimiphumela elandelayo yeziko	<ul style="list-style-type: none"> Ukwandiswa kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe Ukunyuswa kwexabiso leRandi lotyalo-mali

INkqutyana 3.1: UkuKhuthazwa koRhwebo noTyalo-mali

Umpfumela, isiphumo, umgqalisela wesiphumo, ekujoliswe kuko nezifizekiso ezizizo

INkqutyana 3.1: UkuKhuthazwa koRhwebo noTyalo-mali								
Umphumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2020/21	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2021/22	Ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo konyaka 2022/23	Ufezekiso olululo 2022/23	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukufezekisa okukuko 2022/23	Izizathu zeyantlukwano
Ukwandiswa kokuthunyelwa kwempahla kwamanye	UkuKhuthazwa kolongamelo loRhwebo lweWesgro	3.1 Inani leengxelo zokunganyelwa kokuKhuthazwa koRhwebo	4	4	4	4	-	-

amazwe		eziqulunqiweyo						
Ukunyuswa kwexabiso leRandi yotyalo-mali	Ulongamel o lwexabiso leRandi lotyalo-mali	3.2 Inani leengxelo zokongamyelewa kokuKhula koTyalo-mali eziqulunqiweyo	4	4	4	4	-	-

Isishwankathelo seNkqutyana 3.1 izifezekiso

Injongo	Ukunikezela ngezibonelelo kubakhenkethi, ukukhuthazwa korhwebo nokutyalwa kwemali ukuyinceda ekunikezeleni kwisigunyaziso sayo, njengoko kuchaziwe kuMthetho we-Arhente yokuKhuthaza uTyalo-mali noRhwebo eNtshona Koloni, 1996 (uMthetho 3 we-1996), (njengoko ulungisiwe).
Izifezekiso ezibalulekileyo	<p>ISebe linikezela ngenkxaso-mali yokusebenza kwiWesgro kulungiselelwa imisebenzi yokukhuthazwa korhwebo notyalo-mali kusetyenziswa isivumelwano sentlawulo ekhutshelweyo. ISebe lisebenzise ngokufanelekileyo indima yalo yokongamela kwiqumrhu ngeemvavanyo ezibanzi zezicwangciso zoshishino zeWesgro, iintlanganiso ezibanjwa rhoqo phakathi kweWesgro kunye namaqela eDEDAT ngokunjalo neemvavanyo zarhoqo ngekota zomsebenzi weWesro nenkcitho.</p> <p>Umsebenzi weQumrhu uxhasiwe yaye izifezekiso ezithe ngqo yiWesgro zibandakanya:</p> <ul style="list-style-type: none"> • izivumelwano zorhwebo ezingama-83 ezisayiniweyo zonyaka-mali liqela leWesgro lokuKhuthazwa kokuThunyelwa kwempahla kwamanye amazwe; • ixabiso lerandi eliqikelelweyo lezivumelwano zorhwebo ezisayiniweyo kwisixa-mali esizizigi sezigidi ezi-R3.1; • imisebenzi engama-906 eququzelelweyo evela kwizivumelwano zorhwebo ezisayiniweyo; • iiprojekti zotyalo-mali ezinohlahlo lwabiwo-mali ezilishumi elinesine zonyaka-mali liqela lweWesgro lokuKhuthazwa koTyalo-mali; • ixabiso lezigidi sezigidi ezi-R4.1 lotyalo-mali osele luhlahlelwe; kunye • nemisebenzi eququzelelweyo eli-1 507 kwiPhondo ngenxa yotyalo-mali osele luhlahlelwe. <p>INkqubo iphuhlisa ikhono lolungiselelo lwenkxaso kuqukuqelo lomthwalo weziko njengeqhinga lokukhuthaza utyalo-mali kwimpahla yorhwebo enokuthunyelwa kwamanye amazwe, ukukhula koqoqosho nokuyilwa kwemisebenzi.</p>
Imiphumela	<p>Ukuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe okwandileyo</p> <p>Ixabiso leRandi elinyukileyo lotyalo-mali</p>
Isishwankathelo somnikelo kwisiphumo	<p>INkqubo inoxanduva lokongamela iQumrhu ukulungiselela ukuqinisekisa ngento yokuba isigunyaziso sokukhuthazwa kotyalo-mali nokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe, esimliselwa yiWesgro, kwenziwa ngokuhambelana ne-APP, i-TPA kunye nezicwangciso zoshishino.</p> <p>Izifezekiso zeWesgro kunyaka-mali odlulileyo zinikele kukwandiswa kotyalo-mali oluthe ngqo kumazwe angaphandle yaye zikhokhela utyalo-mali lwasekhaya kwiNtshona Koloni olubalulekileyo ingekuko kuphela ukufezekisa iziphumo zeminyaka emihlanu kodwa uvuselelo ngokunjalo loqoqosho emva kweCOVID-19.</p>
Umnikelo wokuphambili kweqhinga	<p>Ukukhuthazwa kokuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle kunye nemisebenzi yotyalo-mali ukulungelelaniswe nesiCwangciso soKwaxhiwa ngokutsha nokuVuselelwa koQoqosho loMzantsi Afrika (2021) ngokunjalo neNDP (2013).</p> <p>Ukukhuthazwa koRhwebo noTyalo-mali lweWesgro kunikele kufezekiso lweVIP2, kwiPSP kunye nesicwangciso soVuselelo seWC kujolise ngqo ekukhuthazweni kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe, utyalo-mali nokuyilwa kwemisebenzi, ngokusetyenziswa:</p> <ul style="list-style-type: none"> • kwezivumelano zorhwebo ezisayiniweyo ezingama-83 kunye nemisebenzi engama-906 eququzelelwe ngokuvula kwizivumelwano zorhwebo ezisayiniweyo; kunye • neeprojekti zotyalo-mali ezili-14 ezifezekisiweyo kunye nemisebenzi eli-1 507 eququzelelweyo. <p>Ngokusetyenziswa komsebenzi wolongamelo, iSebe liqinisekise iSebe okokuba kukho ulungelelwaniso phakathi kokuphambili kweqhinga leWesgro kunye neDEDATokuchazwe kwizicwangciso zeWesgro zoshishino.</p> <p>ISebe liqhube ulongamelo lwarhoqo ngekota lomsebenzi weWesgro ngokusetyenziswa kweendlela ezahlukeneyo ukulungiselela ukubeka iliso kumsebenzi novavanyo ngokubanzi. Iingxelo zolongamelo zingeniswa rhoqo ngekota yiNkqubo kule meko.</p>
Ukusabela kumaqela	Akusebenzi

Iqhinga lokuphelisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo

Akubanga kho kusebenza ngaphantsi kokulindelweyo okuvela kwiNkqutyana ngokuhambelana nemigqalisela yeAPP njengko konke ekujoliswe kuko kuhlangatyeziwe.

Nawuphi na umsebenzi onxulumene neWesgro, kuya kunikwa ingxelo ngawi kwiNgxelo yoNyaka yequmrhu.

INKqutyana 3.2: UPuhliselo lweCandelo

Umphumela, isiphumo, umgqalisela wesiphumo, ekujoliswe kuko nezifizekiso ezizizo – njengoko ihlaziyiwe kwinkqubo yokwandlalwa kwakhona kweenguqu zasenyakeni

INKqutyana 3.2: UPuhliselo lweCandelo									
Umphumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2020/21	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2021/22	Ekujoliswe kuko koNyaka okucwangcisiweyo 2022/23	Izifizekiso ezizizo 2022/23	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukufezekisa okukuko 2022/23	Izizathu zeyantlukwano	Izizathu zohlaziyo kwiziphumo /kwimigqalisela yesiphumo / kokuJoliswe kuko koNyaka
Ukwandiswa kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe	Amalinge okuncedisa icandelo axhasiweyo	3.4 Inani lezicwangciso zokusebenza zePDIA eziphuhlisiweyo	-	-	6	-	-	I-APP yowama-2022/23 yandlaliwe kwakhona kungekho msebenzi olindelweyo kwiikota yoku-1 neyesi-2	Umgqalisela uyekisiwe ngenxa yesicelo senkxasomali esingabanga yimpumelelo kusetyenziswa iNgxowamali yePhondo yeNkxaso eNqamlezileyo.

Umphumela, isiphumo, umgqalisela wesiphumo, ekujoliswe kuko nezifizekiso ezizizo

INKqutyana 3.2: UPuhliselo lweCandelo									
Umphumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2020/21	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2021/22	Ekujoliswe kuko koNyaka okucwangcisiweyo 2022/23	Izifizekiso ezizizo 2022/23	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukufezekisa okukuko 2022/23	Izizathu zeyantlukwano	
Ukwandiswa kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe	Amalinge okuncedisa icandelo axhasiweyo	3.3 Inani lezicwangciso zokusebenza zePDIA eziphuhlisiweyo	9	8	4	4	-	-	

amazwe

--	--	--	--	--	--	--	--	--

<p>Injongo</p>	<p>Ukuvuselela ukukhula koqoqosho kumacandelo arhwebayo mgokusetyenziswa kweenkqubo ezibambekayo, ushishino luxhasa imiqathango kunye nomiliselelo lwezicwangciso namaqhinga aya kuba nomphumela wokukhula koqoqosho nokuyilwa kwemisebenzi ngokusetyenziswa kokukhula kwemisebenzi yokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe kunye notyalo-mali olwandileyo kumacandelo abekwe phambili kuqoqosho lwaseNtshona Koloni.</p>
<p>Izifezekiso ezibalulekileyo</p>	<p>Icandelo lokulungiswa kwemveliso zoLimo</p> <p>Ngesithuba sowama-2022/23, emva kwefuthe leCOVID-19 kunye nemithetho yesizwe yokuvalwa ngci kwayo yonke into lisaviwa kwisixokelelwano sexabiso lwamashishini ehlabathi, yaye libeka umngeni kukukhula nokuphuhla kwecandelo lokulungiswa kwemveliso zoLimo. Ngoko, iyunithi yeSebe yokulungiswa kwemveliso yoLimo iqhubekile ngokuqalisa iintlanganiso kunye nabachaphazelekayo abahlukeneyo kunye nabathathi-nxaxheba ukuvavanya impembelelo kunye neendlela elihlanganiswa ngayo ishishini kuyilo lwazo loshishino ukulungisanaziphi na iimpembelelo ezigubungele imithetho yesizwe yokuvalwa ngci kwayo yonke into. Kwisiqingatha sokugqibela sowama-2022, ukucinywa rhoqo kombane kubangele omnye umngeni kumashishini abesele ephantsi koxinzelelo olungqongqo kakhulu, ngoko kuqiniswa ufikelelo yiyunithi yokulungiswa kwemveliso yoLimo okokuba ihlangane neenkampani ezahlukeneyo. Ngonxibelelwano kunye nabachaphazelekayo, iyunithi yokulungiswa kwemveliso zoLimo izame ukuqokelela ingqiqo nokuqalisa uhlahlelo lwecandelwana lwedesktop, icwangcisa izithintelo zokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe kunye neemfuno zemarrike ukufumana ingqiqo yempembelelo yamanqanaba esizwe okuvalwa ngci kwayo yonke into nokunqongophala korhwebo lwehlabathi</p> <p>Iyunithi yokulungiswa kwemveliso yoLimo ibambe iintlanganiso ze yathabatha inxaxheba kumaqonga enemibutho yoshishino, amaqumrhu, kunye namanye amasebe karhulumente afana: neSebe lezamaHlathi, ukuLoba neNdalo (DFFE), iSebe loPhuhliso lwamaShishini amaNcinane (DBSD), iSebe loRhwebo, loShishino noKhuphiswano (DTIC), iiNkonzo zeNgeniso zoMzantsi Afrika (SARS), iSebe lezoLimo leWC (DOA), i-AquaSA; i-SA Fruit Juice Association; i-SA Olive Association kunye neWESGRO, ukwendelelisa iingxoxo, ulwakhiwo kwingqiqo yemiba ebalulekileyo yoshishino. Iziphumo ezivela kwiintlanganiso zecandelo ziya kuncedisa kuhlahlelo lwamacandelwana ethi iyunithi yokulungiswa kwemveliso yoLimo iluqhuba rhoqo, njengoko iinkcukacha zamanani nengqiqo yemarrike iguquka rhoqo. Incede ngokunjalo ekuqulunqeni indlela ngohlalelo lwamathuba ezayo esithuba esiphakathi ekufuneka lwenziwe ngowama-2023/24 oluhambelana nomsebenzi ontsonkothileyo wocwangciso weqhinga lePhondo lokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe.</p> <p>Ukuhlungana okuqhubekayo kunye nabachaphazelekayo beqhinga kunye namahlakani kumacandelwana athile okulungiswa kokutya kunceda iyunithi yokulungiswa kwemveliso yoLimo okokuba achonge amathuba entsebenziswano ukulungisa imingeni nokumiliselwa kwamangenelo aya kuthi akhulise ze aphuhlise icandelo olulungiswa kwemveliso yoLimo kwiPhondo nakwisizwe ngokunjalo. Ukuqiniswa kothelwano olumalunga namacandelwano okulungiswa kokutya ancedisiweyo ekusekeni uthungelwano noshishini, amaziko emfundo, ii-arhente zikarhulumente, amasebe karhulumente afanelekileyo, kunye neminye imibutho exhasayo okokuba lusebenzisane malunga neendlela zethuba eliphezulu kunye nemimandla elungiselelwe ukusebenza kunye.</p> <p>Icandelo lokwenziwa kwempahla</p> <p>Icandelo lokwenziwa kwempahla lichatshazelwe kakubi kunyaka-mali wama-2022/23 yimiba ethe yabandakanya ukukhula okucothayo koqoqosho, intsilelo kwizibonelelo, ukuhla nokunyuka kwamaxabiso kunye nemilinganiselo yenzala ngokunjalo nempembelelo eyonakalisayo yokucinywa kombane kuphungulwa umthwalo wosetyenziso kwicandelo okuthe kwadla ilizwe izigidi eziqikelelwa kuma-R900 ngosuku ngenqanaba ngalinye lokucinywa kombane. Nangona kunjalo, iyunithi yophuhliso yeshishini lokwenziwa kwempahla liqhubile ngokuququzelela nokuthabatha inxaxheba kumangenelo okuyila amathuba okukhula koshishino.</p> <p>i. Umsitho wokusayina okusesikweni ukuqaliswa kweKomiti yoQuquzelelo yeForum yeMossel Bay Oil and Gas. IForum iya kuququzelela iinkqubo zokukhulisa nokuphuhlisa icandelo le-oyile negesi kummandla weGarden Route.</p>

- ii. Ukusekwa kweForam yeWestern Cape Ship Repair ukulungiselela ukulungiswa kwemingeni nokuchongwa kwamathuba okuphuhliswa koshishino lokulungiswa kwenqanawa kujoliswe kokulandelayo:
 - Ukuhlaziywa kwezibonelelo;
 - Ukufaneleka kokusebenza; kunye
 - Nokuthengiswa kwekhono.
- iii. IPhoenix Marine encediweyo nexhasiweyo ngentsebenziswano neSixeko saseKapa, iWesgro kunye neBhunga leSouth African Boatbuilding Export ukufumana umatshini wokusila oyi-5-axis ukwandisa amakhono olwaxhiwo lwesikhephe kunye namashishini angamanye anxulumeneyo.
- iv. Ukuthatyathwa kwenxaxheba kuphuhliso lwe-Oceans Economy Masterplan okuthe kwalungelelaniswa liSebe lezeNdalo, elamaHlathi nokuLoba (DEFF) ngentsebenziswano neSebe loRhwebo, uShishino noKhuphiswano (DTIC) ngokunjalo nocweyo olusingathwe yiWestern Cape Oceans Economy Working Group.
- v. Ukuququzelelwa kweentlanganiso zabachaphazelekayo kunye neenkampani kunye namahlakani eqhinga kwicandelo leClothing, Textile, Footwear and Leather (CTFL) okube nomphumela ukuqondwa kamsinyane kwabafundi abavela eNorthlink College kulungiselelwa uqeqesho usengqeshweni yiCape Union Mart.

Amangenelo kunye neeprojekti ezilungiselelwe unyaka-mali olandelayo (2023/24) aya kulungelelaniswa iQhinga lokuKhula okulungiselelwe iMisebenzi (G4J) eliya kujolisa ekinikeleni ngenkxaso noncedo kubavelisi bempahla ukwandisa ukuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe.

Ulungiselelo lwenkxaso

Ekujoliswe kuko kwesithuba esifutshane yayikukukhuthaza intsebenziswano kwisixokelelwano solungiselelo lwenkxaso yekhonteyina yePort of Cape Town, kuba kulapho uninzi lwemithwalo yokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe evela eNtshona Koloni (iziqhamo newayini) ithunyelwa khona. Uphando olusetyenziswayo lwaqhutywa ngokunjalo kwimiba ekhawulezileyo yophuhliso lolungiselelo lwenkxaso.

Ungenelo lwephondo kukukhuthaza intsebenziswano phakathi kwee-arhente eziphambili kulungelelaniso lwesixokelelwano senkxaso yekhonteyina yezibuko laba yimpumelelo ngeendlela ezininzi. Iintlanganiso zolungelelwaniso lwemisebenzi yarhoqo ngeveki zibanjiwe. Iintlanganiso zolungelelwaniso komthwalo wempahla yokuthunyelwa kwamanye amazwe ziyabanjwa rhoqo emva kweeveki ezimbini ngethuba lamathuba okuthunyelwa kwamanye amazwe kweziqhamo zemithi evuthulika amagqabi kunye nesitrasi ngokwahlukeneyo; kunye neentlanganiso zarhoqo ngekota zocwangciso lweqhinga zibanjiwe. UMphathiswa wezeMali kunye namaThuba oQoqosho usingatha intlanganiso rhoqo ngonyaka yabachaphazelekayo yolungiselelo lwenkxaso yezibuko apho inkqubela phambili ixoxwa khona ngokubhekiselele kokuphambili obekuvunyelwene ngako ngokuhlangeneyo nalapho okutsha okuphambili kunikwa ingqwalasela khona.

Uphando lokusetyenziswa lwaqhutywa kwikhono elingakho lokukhula kwesixokelelwano solungiselelo lwenkxaso yekhonteyina nakwimiba engunobangela wengxinano yokuthuthwa kwempahla. Ubungqina sele bufunyenwe bokokuba umthwalo wempahla unakho ukukhula ngama-26% kwiminyaka elandelayo emihlanu yaye ama-20 000 emisebenzi emitsha inakho ukuyilwa kule nkqubo. Ugxininso lubekwa ekufezekisweni kwale mbonakalo yokukhula okuphezulu. Unobangela wengxinano yokuthuthwa sele ihlahlelwe yaye iziphumo zandlalwa kwii-arhente eziphambili kwisixokelelwano solungiselelo lwenkxaso. Isicwangciso solawulo lweprojekti sokumliliselwa kwezindululo siyalungiswa ngokwakaloku nje.

Umzekelo wedeshibhodi yekhonteyina yolungiselelo lwenkxaso waphuhliswa kwiPort of Cape Town yaye okunye okuphambili ukuya phambili kukwandiswa okuqhubekayo kwedeshibhodi njengesixhobo solawulo ukuphucula ikhono nokufaneleka kwisixokelelwano sekhonteyina solungiselelo lwenkxaso. Oku kulindeleke okokuba kunikele ngokubhekiselele kwi-high-gro kunye nembonakalo yokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe kweNtshona Koloni nokuyilwa kwemisebenzi emitsha engama-20 000

ekubhekiselelwe kuyo ngasentla.

Imiphumela	Ukuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe okwandisiweyo
Isishwankathelo somnikelo kwisiphumo	Kunyaka-mali wama-2022/23, ekujoliswe kuko kweyunithi yokulungiswa kwemveliso yoLimo kwakuzintlanganiso kunye namaqumrhu eCandelo, imibutho yorhwebo, abachaphazelekayo besixokelelwano sexabiso, iinkampani, njl.njl. Indlela yayikukusebenzisa yonke ingcaciso eqokelelweyo evela kwiintlanganiso kunye namaqumrhu eCandelo ukulungiselela ukuhlangana namaqumrhu karhulumente kusenzelwa intsebenziswano nothelelwano ukulungisa eminye imingeni kunye nezithintelo zokungena kubalungiseleli bemveliso yoLimo okokuba bangene benbele yaye bathabathe inxaxheba kwiimarike zehlabathi.
Umnikelo wokuphambili kweqhinga	INkqutyana ilungelelaniswe nesiCwangciso seSizwe soPhuhliso, i-IPAP, iziCwangciso zoBugcisa zeCandelo ngokunjalo nesiCwangciso soKwaxhiwa ngokutsha koQoqosho noVuselelo soMzantsi Afrika. INkqutyana iququzelele amalinge enkxaso yecandelo ngokuhambelana neVIP 2 ngokunjalo nomxholo weMisebenzi kwisiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni.
Ukusabela kumaqela aphambili	Akusebenzi.

Iqhinga lokuphelisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo Akusebenzi.

Ukunxulunyaniswa Linking performance with budgets

Ngesithuba sonyaka-mali sowama-2022/23, isixa-mali sezigidi ezingama-R74.799 sabelwa kwiNkqubo esithe inkcitho yaso eyiyo saxabisa izigidi ezingama- R74.413. Oku kuguqulela kwinkcitho eyiyo engama-99.5% yohlahlo lwabiwo-mali olupheleleyo lweNkqubo. Uvavanyo ngokubanzi lweengxowa-mali ezichithiweyo ngokohlelo loqoqosho lunjengoku kulandelayo:

- Imbuyekezo kuBasebenzi ibalelwa kwizigidi ezili-R10.529 okanye kwinkcitho epheleleyo eli-14.1%;
- IMpahla kunye neeNkonzo ibalelwa kwisigidi esi-R1.679 okanye isi-2.2% senkcitho epheleleyo; kunye
- NokuKhutshelwa kunye neNkxaso-mali okubalelwa kwizigidi ezingama-R62.205 okanye ama-83.6% enkcitho epheleleyo.

Igama lenkqutyana	2022/2023			2021/22		
	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho eYiyo	INkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho eYiyo	INkcitho (Engaphezulu)/ Engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ukukhuthazwa koRhwebo noTyalo-mali	62 113	62 113	-	62 113	62 113	-
UPhuhliso lweCandelo	12 686	12 300	386	11 877	11 863	14
Zizonke	74 799	74 413	386	73 990	73 976	14

INkqubo 3: Umsebenzi ngokubhekiselele kwiZiphumo eziseMgangathweni kunye neMiqqalisela yeSiphumo yamaCandelo aneMisebenzi eyenziwa ngokuhlanganyelwa Akukho

4.4 INKQUBO 4: UKULAWULWA KWESHISHINI NOKUPHATHWA

Injongo

Ukuqinisekiswa kobume boshishino obulinganayo, obunoxanduva loluntu eNtshona Koloni – ngokusetyenziswa kwamangenelo ngokubanzi akubume borhwebo kunye namangenelo athile agunyaziswe nguMgaqo-siseko kunye nomthetho wesizwe nephondo kunye nemigaqo-nkqubo.

Isakhelo senkqubo

IiNkqutyana	Injongo
Inkqutyana 4.1: UKhuseleko loMthengi	Ukuphuhliswa, ukumiliselwa, nokukhuthazwa kwemiqathango ethi iqinisekise ngamalungelo nomdla wabo bonke abathengi.
IZiphumo zeziko	
Inkqubo Programme inikela kwisiphumo seziko silandelayo	Ubume obuphuculweyo obufanele umsebenzi olungileyo woshishino kunye nabathengi abanolwazi.


Inkqutyana 4.1: UKhuseleko loMthengi

Umpfumela, isiphumo, umgqalisela wesiphumo, ekujoliswe kuko nezifzekiso ezizizo

Inkqutyana 4.1: UKhuseleko loMthengi								
Umpfumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2020/21	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2021/22	Ekujoliswe kukoNyaka okucwanqosiweyo 2022/23	Izifezekiso ezizizo 2022/23	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwanqosiweyo ukufezekisa okukuko 2022/23	Izizathu zeyantlukwano
Ubume obuphuculweyo obufanele umsebenzi olungileyo woshishino kunye nabathengi abanolwazi	Amangenelo emfundo yomthengi aqhutyiweyo	4.1 Inani lamangenelo emfundo yomthengi aqhutyiweyo	329	292	200	215	15	Ibango leenkonzozo ze-OCP liyaqhubeka lisanda kancinane apha enyakeni. I-OCP njengenkonzozo ebeka abemi embindini kwiSebe inyanzeliswa okokuba isabele kwezi zicelo zenkonzo.

Inkqatyana 4.1: UKhuseleko loMthengi

Umphumela	Isiphumo	Umgqalise la wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2020/21	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2021/22	Ekujoliswe kuko koNyaka okucwan gcisiweyo 2022/23	Izifeze kiso ezizizo 2022/23	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwan gcisiweyo ukufezekisa okukuko 2022/23	Izizathu zeyantlukwano
		4.2 Ipesenti yezikhalazo esonjululweyo kwisithuba seentsuku ezingama-90 (Zizonke izikhalazo ezisonjululwe kwisithuba seentsuku ezingama-90/Zizonke izikhalazo ezifunyenweyo)	87%	93% (1250/1342)	75%	94%	19%	Oku kugxilwe kuko kukhokhelwa libango yaye kuxhomekeke kwinani lemiba egaphandle kolawulo lweNkqubo. Umgangatho ekuvunyelwene ngawo kwisizwe wokusonjululwa kwesehlo ungama-75% kwisithuba esibekiweyo seentsuku ezingama-90. INtshona Koloni iqhubekile ngokusebenzisa olu phawu kwisithuba sonyaka-mali omiyo. Inani lemicimbi ethe yangeniswa kwi-OCP linakho ukusonjululwa kwinqanaba lokuqala longenelo. Oku kube nomphumela kwinani lezehlo elisonjululwe ngokukhawulezile yokwithuba a sexesha elifutshane. Ngaphezulu, iOCP imilisele inkqubo yeentlanganiso zokusonjululwa kwembambano kunye namaqela achaphazelekayo. Oku kube nomphumela olungileyo njengoko imicimbi emininzi isonjululwe ngokukhawuleza xa kuthelekiswa neentlanganiso ezibanjwa ngobuxhaka-xkhaka bekhompyutha. Le miba inikele ngokubhekiselele kufezekiso olungaphezulu olulindelweyo



Inkqutya 4.1: UKhuseleko loMthengi

Umpumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2020/21	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2021/22	Ekujoliswe kukoNyaka okucwan gcisiweyo 2022/23	Izifezekiso ezizizo 2022/23	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwan gcisiweyo ukufezekisa okukuko 2022/23	Izizathu zeyantlukwano
	INKundla yamaTyala yeMicimbi yoMthengi esekiweyo	4.3 Ukusekwa kweNkundla yamaTyala yeMicimbi yoMthengi	-	-	INKundla yamaTyala esekiweyo	INKundla yamaTyala engasekwan	(INKundla yamaTyala engasekwan)	INKqubo iqukumbele zonke izigunyaziso zomthetho ezidingekayo zokuqeshwa kwamalungu eNkundla yamaTyala. Udliwano-ndlebe belubekewe umhla wama-23 kweyoKwindla 2023 kunye nabaqeshiweyo baqinisekiswa ngomhla wama-30 kweyoKwindla 2023. Nangona kunjalo, uhlobo lobulungisa lwabagqatswa phambi kodliwano-ndleba lubonakalise okokuba isininzi sabagqatswa lwalungafanelekanga okokuba luqeshwe. Umpumela waba ngowokuba udliwano-ndlebe nenkqubo yengqesho ayibanga nankho ukuqokunjelwa.

Isishwankathelo seNkqutyana 4.1 izifezekiso

Injongo	Ukuphuhliswa, ukumiliselwa nokukhuthazwa kwemiqathango yokuqinisekisa amalungelo nomdla wabathengi.
Izifezekiso ezibalulekileyo	<p>IZiphumo zeMfundo yoMthengi:</p> <p>INkqutyana ibe nakho, nangona kukho izithintelo zezibonelelo nezinye, ukulawula ukulungiselela ukukugqitha ebijolise kuko ebikwandlalile ukuqhuba amaphulo emfundo yomthengi kwiPhondo. Amaphulo athe aqhutywa ajolise kwizihloko zokubaluleka kokhuseleko lomthengi ezifaneleke kubo bonke abathengi, ingakumbi kwiimeko zoqoqosho ezinika umngeni ezibangelwa kukuhla kwiimeko zoqoqosho kwilizwe. Uninzi lwabathengi luqhubekile ukuva ubunzima bemali ngenxa yokunyuka kwemilinganiselo yenzala kunye neempembelelo zokuhla nokunyuka kwamaxabiso. Oku kube nomphumela wokuchaphazeleka koninzi lwabathengi abfumana imingeni nokulawulwa kwetyala njengoko abanikezeli bamatyala baya kuthi gqolo belandela amatyala abanjwayo nangona kukho ezi meko zomntu zomthengi. Amangenelo avela kwiNkqutyana ebebalulekile ngoko njengoko abathengi banganakho ngenxa yamangenelo aqhutyiweyo, ukunxibelelana nabachaphazelekayo abafanelekileyo ze bafumane inkxaso ngokusetyenziswa kwamangenelo eNkqutyana. Inani elipheleleyo lamangenelo angama-215 aqhutywa ngesithuba sowama-2022/23, uninzi lwawo lwenziwe ngokohlobo locweyo kunye/okanye amathuba entlanganiso yengcaciso.</p>

<p>Izifizekiso ezibalulekileyo</p>	<p>Iziphumo zoLawulo lweZikhalazo: INkqutyana isebenze kakuhle kwicandelo lolawulo lwezikhalazo. Inani elipheleleyo lezikhalazo elili-1 289 zafunyanwa zivela kubathengi ngesithuba sonyaka-mali wama-2022/23 ze inani elipheleleyo elili-1 203 zasonjululwa kwisithuba esimiselweyo seentsuku ezingama-90. IYunithi ngoko ibe nakho ukuqinisekisa okokuba ama-94% ezikhalazo zabathengi ezingeniswiweyo okokuba ziphandwe zasonjululwa kwisithuba seentsuku ezingama-90 ezimiselweyo, Isisombululo sale micimbi sibonisa ukuqunjelwa kwembambano yaye ayisiso isisombululo esixhasa umthengi. Zonke iimbambano ziqukunjelwe ngokwesiseko senyaniso nangokomthetho yaye ngokungaguqukiyo eminye imicimbi engeniswe ngabathengi ayisonjululwanga ngokwanelisa bona njengoko isilela ngemfaneleko. Iziphumo ezifizekisiweyo yiYunithi, ngoko, zibonisa okokuba ixesha lokubuyiswa kwempendulo kwisisombululo sembambano libe ngaphezulu komndilili yaye kuyancomeka.</p>
<p>Imiphumela</p>	<p>Ubume obuphuculweyo obufanele ukuqhutywa koshishino olulungileyo kunye nabathengi abanolwazi</p>
<p>Isishwankathelo somnikelo kwisiphumo</p>	<p>Amangenelo eNkqubo akwimfundo yomthengi yaye amacandelo angamanye okusonjululwa kwembambano anikele ekusekweni kobume obulungileyo bentengiselwano obuphakathi kweshishini nomthengi. Iinkonzo zinikele ngokunjalo ngokubhekiselele ekuqinisekiseni okokuba ukunikezelwa kwenkonzo okujoliswe kubemi okusebenzayo nokufanelekileyo luqhutyiwe. Abathengi bavunyelwe, ngokusetyenziswa kweNkqubo, okokuba bafikelele kulungiso kwakhona lomthengi ngaphandle kweendleko kubo. Ishishini nalo libonelelwe ngokunjalo kwinkonzo njengoko isimangali esidla imali eninzi yaye esithatha ixesha elide sithe sathintelwa.</p>
<p>Umnikelo wokuphambili kweqhinga</p>	<p>INkqubo yenze umnikelo osebenzayo ngokubhekiselele kokuphambili kweqhinga leSebe kubandakanywa iMTSF, iPSP kunye neWCRP ingakumbi ngokubhekiselele kumsebenzi owenziweyo kunye nabathengi abathe bajongana neningeni yemali ngenxa yeemeko ezimbi zoqoqosho kwilizwe. INkqubo iqinisekise ngento yokuba uncedo lwanikezelwa kubemi mhlawumbi ngendlela ngokunikelwa ngengcaciso nesikhokhelo ngendlela yokulungiswa kwemiba ethile okanye ngokuthunyelwa kwabathengi kwabanye oogunyaziwe abalawulayo abanokuthi banikezele ngoncedo oluthe ngqo. INkqubo iqinisekise ngokunjalo, ngokusetyenziswa kweyunithi yayo yoLawulo lweZikhalazo, okokuna ubume bentengiselwano phakathi kwabathengi neshishini benziwe basemthethweni ngendlela elungileyo neselubala.</p>
<p>Ukusabela kumaqela aphambili</p>	<p>INkqutyana iqalise ngamangenelo athile emfundo yomthengi apho amacandelo aphambili abathengi achongwa. Kule meko amangenelo emfundo yomthengi eNkqutyana azinyaswa ngamanina angama-2 080, ulutsha olungama-2 282, nabantu abakhubazekileyo abangama-92 kunye nabemi abasele begugile abangama-410. Amangenelo ajolise kwizihloko zokhuseleko lomthengi abathe bafaneleka kwiqela ekujoliswe kulo elichongiweyo.</p>

Isishwankathelo sokuphelisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo INkqubo ayibanga nakho ukqukumbela ukusekwa kweNkundla yamaTyala yeMicimbi yoMthengi yeNtshona Koloni kwisithuba sonyaka-mali wama-2022/23. Umthetho wephondo (uMthetho weMicimbi yoMthengi weNtshona Koloni, 2002) ubonlela ngenkqubo elawulweyo edingekayo yokuqeshwa kwamalungu eNkundla yamaTyala yoMthengi. INkqubo iqukumbele zonke iinkqubo ezidingekayo zolawulo lokutyunjwa, lokuqinisekiswa nezodliwano-ndlebe lwabatyunjwa. Ngelishwa ivakele ngethuba seemvavanyo zobulungisa zabatyunjwa (eziqhutywa phambi kodliwano-ndlebe) okokuba abatyunjwa abathile abafanelekanga okokuba baqwalaselwe. Umphumela woku waba ngowokuba inkqubo entsha kunyanzeleka okokuba iqaliswe kulungiselelwa abatyunjwa abatsha. Oku kubangelwe yinto yokuba inani elinyiniweyo labatyunjwa lathathwa njengabafanelekileyo okokuba baqeshwe. INkqubo sele iqalisile ngenkqubo entsha yaye ilindeleke okokuba amalungu eNkundla yamaTyala aya kuqeshwa kwisithuba sonyaka-mali omtsha.

Ukunxulunyaniswa kokusebenza nohlahlo lwabiwo-mali Linking performance with budgets

Ngesithuba sonyaka-mali wama-2022/23, isixa-mali esizigidi ezili-R10.636 sabelwa kwiNkqubo apho inkcitho eyiyo ixabise izigidi ezili-R10.431. Oku kuguqulela kwincitho eyiyo engama-98.1% yohlahlo lwabiwo-mali lweNkqubo. Uvavanyo ngokubanzi lweengxowa-mali ezichithiweyo ngohlelo loqoqosho lunjengoku kulandelayo:

- IMbuyekezo kuBasebenzi ibalelwa kwizigidi ezisi-R8.698 okanya ama-83.4% enkcitho epheleleyo, kunye
- NeMpahla kunye neeNkonzo olubalelwa kwizigidi esi-R1.366 okanye i-13.1% lenkcitho epheleleyo.
- lintlawulo zee-Asethu eziNkulu zibalelwa kumawaka angama-R358 okanye isi-3.4% senkcitho epheleleyo.

Igama lenkqutyana	2022/2023			2021/22		
	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho eYiyo	INkcitho(Engaphezulu)/Engaphantsi	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho eYiyo	INkcitho(Engaphezulu)/Engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
UKhuseleko loMthengi	10 636	10431	205	9 580	9 392	188
Zizonke	10 636	10 431	205	9 580	9 392	188

INkqubo 4: Umsebenzi ngokubhekiselele kwiZiphumo eziseMgangathweni kunye neMigqalisela yeSiphumo yamaCandelo aneMisebenzi eyenziwa ngokuhlanganyelwa Akukho

4.5 INKQUBO 5: UCWANGCISO LOQOQOSHO

Injongo

Injongo yale Nkqubo kukunikezela ngenkxaso kubunkokheli bephondo nokunceda ukukhula koqoqosho ngokusetyenziswa kophando loqoqosho oluvelisiweyo nolulungelelanisiweyo kunye nocwangciso, nangokusetyenziswa kwenkxaso esebenzayo yabaqhubi bomxholo ophambili woqoqosho kunye nabancedi abaya kuvuselela ukukhula koqoqosho kulo lonke uqoqosho nakumacandelo oqoqosho.

Isakhelo senkqubo

IiNkqutyana	INjongo
INkqutyana 5.1: UMgaqo-nkqubo woQoqosho noCwangciso	Ukuxhasa uphuhliso lwemigaqo-nkqubo yoqoqosho lwephondo kunye namaqhinga.
INkqutyana 5.2 UPhando kunye noPhuhliso	Ukuqhutywa kophando loqoqosho. <i>Qaphela: Isiphumo seNkqutyana 5.1 kunye neye-5.2 zihlanganiswe kwisiCwangciso sokuSebenza soNyaka yaye kuya kunikwa ingxelo mgplo hlobo kwiNgxelo yoNyaka</i>
INkqutyana 5.3: ULawulo loLwazi	Ukuququzelelwa kolungelelwaniso lwe-ikhosistim yoqoqosho kunye nokuphenjelelwa koqoqosho.
INkqutyana: 5.4: UkuBekwa kweLiso noVavanyo	<i>Imisebenzi yeNkqutyana 5.4: UkuBekwa kweLiso noVavanyo lwahlanganiswa kwiNkqutyana 5.2: uPhando noPhuhliso.</i>
INkqutyana 5.5: IZibonelelo eziNceda ukuKhula namaLinge (Amalinge obumbano)	TUkuphuhlisa kunye/okanye ukuvuselelwa kobume obuncedayo boqoqosho ngokusetyenziswa kwamangeneo obumbano nezibonelelo.

IiNkqutyana	INjongo
INkqutyana 5.6: I-Broadband yoQoqosho (UQoqosho lweDijithali)	Ukuxhasa nokuvuselela ukusetyenziswa, ukulungela nokufikelela kwitheknoloji yedijithali ngabemi namashishini.
INkqutyana 5.7: UQoqosho oluLuhlaza	Ukuvuselela uphuhliso loqoqosho oluluhkalza kunya namashishini anxulumene noko nokuquzelela ukomelela okuphuculweyo koqoqosho ukwandisa ukhuphiswano nokomelela kwalo lonke uqeqesho luphela.
IZiphumo zeziko	
INkqubo 5 inikela kwiziphumo zeziko ezilandelayo	<ul style="list-style-type: none"> • Ukuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe okwandileyo • Ixabiso leRandi elinyukileyo lotyalo-mali • Ukomelela kwezibonelelo zoqoqosho okuphuculweyo

INkqutyana 5.1: UMgaqo-nkqubo woQoqosho noCwangciso

kunye

NeNkqutyana 5.2 yoPhando noPhuhliso

Qaphela: Iziphumo zeeNkqutyana 5.1 and neyesi-5.2 zihlanganiswe kwitheyibhile engasezantsi

Umpfumela, isiphumo, umgqalisela wesiphumo, ekujoliswe kuko nezifizekiso ezizizo

INkqutyana 5.1: UMgaqo-nkqubo woQoqosho noCwangciso INkqutyana 5.2 UPhando noPhuhliso								
Umpfumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2020/21	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2021/22	Ekujoliswe kukoNyaka okucwan gcisiweyo 2022/23	Izifezekiso ezizizo 2022/23	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwan gcisiweyo ukufezekisa okukuko 2022/23	Izizathu zeyantlukwano
Ukwandiswa kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe	lingxelo eziphuhlisiweyo zophando loqoqosho kumgaqo-nkqubo nocwangciso	5.1 Inani leengxelo zophando eziphuhlisiweyo	10	5	5	5	-	-

Isishwankathelo seeNkqutyana 5.1 kunye 5.2 izifizekiso

Injongo	5.1 Ukuxhaswa nokuphuhliswa kwemigaqo-nkqubo yephondo yoqoqosho kunye namaqhinga. 5.2 Ukuqhutywa kophando loqoqosho.
Inkqubela phambili eyenziweyo ekulungiseni umsebenzi osemva wolungiso ngesi sithuba siphantsi kovavanyo, umzekelo, ingaba umsebenzi osemva wandile okanye unciphile? Ingaba umlinganiselo wenkqubela phambili uhambelana nesicwangciso na? ukuba akunjalo, kutheni, yaye ngawaphi amanyathelo athatyathiweyo ukuwugcina uhambelana nesicwangciso

Akufanelekanga

Inkcitho eyenziweyo yee-asethi ezintsha okanye ezithengwe endaweni yezindala iboniswe kule theyibhile ingasezantsi.

Iiprojekti zezibonelelo	2022/2023			2021/22		
	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho eYiyo	INkcitho(Enga phezulu)/ Engaphantsi	ULwabiwo-mali lokuGqibela	INkcitho eYiyo	INkcitho(Enga phezulu)/ Engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ii-asethi ezintsha nekuthengwe ezinye endaweni yezindala	1 411	1 411	-	-	-	-
Ii-asethi ezikhoyo zezibonelelo	-	-	-	-	-	-
1 Ukuhlaziywa nezongezelelweyo	-	-	-	-	-	-
2 Ukuvuselelwa, nokulungiswa nokuhlaziywa	-	-	-	-	-	-
3 Ukulolongwa nokulungiswa	-	-	-	-	-	-
Ukukhutshelwa kwezibonelelo	-	-	-	-	-	-
4 Ezikhoyo	-	-	-	-	-	-
5 Ezinkulu	-	-	-	-	-	-
Ziaonke	1 411	1 411	-	-	-	-







Please do not
throw coconuts
into the stain

Part

C

ULAWULO



PLEASE
BLY ASS

1. INTSHAYELELO

Uxanduva lweGosa eliNika iNgxelo, ngokuphathelene neemfuno zolawulo lwequmrhu, zixhaswa liCandelo 38 kunye nelama-40 lePFMA. Okungqinelana nomsebenzi walo mthetho noxanduva ngokubhekiselele kulawulo olulungileyo, iKomiti yoLawulo ichotshelwa liGosa eliNika iNgxelo yaye iqulunwe ngamalungu abalawuli abaphezulu kubandakanywa amahlakani ephondo kwimimandla yolawulo lomngcipheko, awetheknoloji yengcaciso, awophicotho lwangaphakathi kunye nawasenkundleni. Uxanduva oluphambili lweKomiti yoLawulo kukuqinisekisa okokuba amacandelo olawulo akho yaye ayasebenza ukulungiselela okokuba i-ajenda yeqhinga yeSebe iyanikezelwa ngendlela esesikweni yaye inoxanduva lwentlalo. I-ajenda yeqhinga yeKomiti yoLawulo izinziswe kwimithetho-siseko kaKing IV ukuqinisekisa ngokuba ukuthatyathwa kwesigqibo kwakhelwe ngenjongo yolawulo olulungileyo.

Okungundoqo kwisigunyaziso seSebe yinjongo yokubhangisa kwesibetho sentswela ngqesho kwiPhondo. Le mfezeko iphakamileyo kufuneka izalisekise kumda weziphumo zolawulo zobume obunenqobo ezisesikweni, ukusebenza okulungileyo, ulawulo olufanelekileyo kunye nokuba semthwathweni. Kule meko imithetho yolawulo yamiliselwa kwiindawo zonke kuzo zonke iinkqubo ukuxhasa ushishino nobumi beNtshona Koloni.

Njengomphumela oqhelekileyo wobume bolawulo olulungileyo obuyilwe kweSebe, uthelwano kunye necandelo lanagasese nelikarhulumente buphuhlisiwe. Olu thelwano ekugqibeleni bukhulile ukubandakanya ukubonelelwa koncedo lwemali kunye nenkxaso-mali yomnikelo weeprojekti zesebe kunye neenkqubo.

Imizekelo yolu thelwano iboniswa okokuqala kwiiprojekti zezakhono kunye neenkqubo eziqhutywe kwiSebe. Kule meko imibutho yecandelo langasese nelikarhulumente inikezele ngezibonelelo zemali kwiiprojekti zesebe ukwandisa ufikelele nobungakanani beeprojekti. Umzekelo ongaphezulu wale ngqinisekiso amacandelo olawulo lweSebe axhase ngemali ukuxhasa iingxowa-mali ezininzi ezimiliselwe kwiSebe ezifana nengxowa-mali yegolonxa lezoKhenketho nophuhliso lwemveliso kunye nengxowa-mali yokuPhembelela iSMME ejolise ekuncedeni amashishini amancinane kwiNtshona Koloni. Ngezi ngxowa-mali, iSebe linakho ukwandisa ubonelelo lwalo lwenkonzo olunikela kuqoqosho ngokutsala kuthelwano lwecandelo langasese nemnikelo. Ukulandelwa nokuhlanganiswa kobume bolawulo kwiSebe kuvuse isidingo senguqu kwiSebe. Akuphelelanga ekubeni kubekho iphulo lokwenza lula iinkqubo ngeendlela ezizenzekelayo nezenkxaso ezifana nemithetho-siseko yoLawulo lweLEAN, kubekho ngokunjalo ukucela kokufunyanwa kweendlela ezintsha ukunceda nokunikezelwa kwenkxaso kuqoqosho ngeendlela ezingezizo ezemali. Kulo mba, iSebe lincedisile kukuqhubela phambili i-ajenda yokwenziwa lulo ukuqhutywa koshishini kuRhulumente weNtshona Koloni nakuqoqosho. Ngokusoloko kujongwe ekuphuculweni koqoqosho nokuziswa kunye bonke abathathi-nxaxheba, ukufaneleka, umzekelo kufezekisiwe kwiPort of Cape Town.

2. ULAWULO LOMNGCIPHEKO

ISebe liseke iKomiti yoLawulo (GOVCOM) ukunceda iGosa eliNika iNgxelo (AO) ekumiliselweni uxanduva lwalo olunxulumene nolawulo lomngcipheko.

UMgaqo-nkqubo neQhinga loLawulo loMngcipheko weShishini

ISebe lamkele uMgaqo-nkqubo woLawulo loMngcipheko weShishini (ERM) ngomhla woku-01 kuTshazimpuzi 2020 kulungiselelwa iminyaka-mali yowama-2019/20 – 2024/25. Lo mgaqo-nkqubo uchaza ifilosofi yolawulo lomngcipheko yeye uphawula, kwinqanaba eliphezulu, iindima noxanduva lwabathathi-nxaxheba abahlukeneyo. Unikezela ngesiseko senkqubo yolawulo lomngcipheko owangezelelwe ngeenkukacha kwiqhinga.

IQhinga le-ERM kunye nesiCwangciso soMiliselo licacisa indlela iSebe eliya kuqhuba ngayo ukumiliselela uMgaqo-nkqubo we-ERM owamkelwe liGosa eliNika iNgxelo (AO). Eli Qhinga le-ERM lincedwa nguMgaqo-nkqubo woLawulo loMncipheko weShishini lePhondo kunye neQhinga (PERMPS) ngokunjalo noMgaqo-nkqubo wayo we-ERM kunye neeprofayile zomngcipheko. IQhinga le-ERM nesiCwangciso soMiliselo soNyaka-mali wama-2022.23 lavunywa ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2022.

UXanduva lweGOVCOM

I-GOVCOM inike ingxelo yokokuba ihambelene kunye noxanduva lwayo oluvela kwiCandelo 38 (1)(a)(i) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, uMthetho weCandelo loLawulo-mali 3.2.1 kunye neMithetho yeNkonzo kaRhulumente yowama-2016, iSahluko 2, iCandelo 1, 2 kunye nelesi-3. I-GOVCOM inike ingxelo ngokunjalo yokokuba yamkele iMiqathango yokuKhangela (eyamkelwe ngusihlalo weGOVCOM ngomhla we-16 kuTshazimpuzi 2021) ze yalawula imicimbi yayo ngokuhambelana neMiqathango yokuKhangela yaye iqhube lonke uxanduva lwayo njengoko luqulathwe apha.

AmaLungu eGOVCOM

I-GOVCOM iqulunqwe nge-AO, abalawuli abaphezulu, iSMS kunye namalungu akhethiweyo eqela lolawulo leSebe. NgokweMiqathango yokuKhangela yayo, iGOVCOM idingeka okokuba ihlangane amathuba amane kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo, nangona kunjalo, ngenxa yongqubano kucwangciso nokungafumaneki kwamalungu athile ngenxa yezinye iimbophelelo, iGOVCOM ihlangene kuphela amaxesha amathathu ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo. Zonke iintlanganiso zazinyaswa ngamalungu okanye abameli bawo.

Itheyibhile engezantsi ibhengeza ingcaciso efanelekileyo ngmalingu eGOVCOM:

Igama	Isikhundla	Iintlanganiso ezizinyasiweyo	Umhla wokuqeshwa
Mnu V. Dube	IGosa eliNika iNgxelo (USihlalo)	3	23 kuTshazimpuzi 2022
Mnu R. Toefy	USEkela Mlawuli Jikelele: IMisebenzi yoQoqosho	3	23 kuTshazimpuzi 2021
Mnu J. Peters	UMlawuli oyiNtloko: liNkonzo eziHlangeneyo zoPhuhliso loQoqosho	3	23 kuTshazimpuzi 2021
Nksk M. Abrahams	IGosa eliyiNtloko leMali (CFO) – INTshatsheli yoMngcipheko	3	23 kuTshazimpuzi 2021
Nksk C. Julies	UMlawuli: IMisebenzi yeQhinga	2	23 kuTshazimpuzi 2021
Nksk I. Van Schalkwyk	UMlawuli oyiNtloko: ULungelelwaniso loQoqosho nokuHlangana naBachaphazelekayo	3	23 kuTshazimpuzi 2021
Mnu H. Davies	UMlawuli oyiNtloko: UQoqosho oluLuhlaza	1	23 kuTshazimpuzi 2021
Mnu N. Joseph	UMlawuli oyiNtloko: UPhuhliso lweZakhono neNguqu	3	23 kuTshazimpuzi 2021
Mnu A. Searle	UMlawuli: IMithetho yoShishino noLawulo	3	23 kuTshazimpuzi 2021
Mnu T. Parle	UMlawuli oyiNtloko: UQoqosho lweDijithali	1	23 kuTshazimpuzi 2021
Nksk F. Dharsey	UMlawuli oyiNtloko oBambeleyo: liNkonzo eziHlangeneyo zoPhuhliso loQoqosho	2	N/A
Nksk B. Mott	USEkela Mlawuli: ULawulo lwaNgaphakathi	3	23 kuTshazimpuzi 2021
Nksk J. Lombard	UNobhla weGOVCOM	3	23 kuTshazimpuzi 2021

Okulandelayo kukubonisa amanye amagosa athe azimasa iintlanganiso zeGOVCOM kunyaka ophantsi kovavanyo:

Igama	Isikhundla	Iintlanganiso ezizinyasiweyo
Nksk A. Haq	UMlawuli: ULawulo loMngcipheko woShishini: DotP	3
Mnu R. Arendse	USekela Mlawuli: ULawulo loMngcipheko woShishini: DotP	3
Nksk N. Mabude	UMlawuli oNcedisayo: ULawulo loMngcipheko woShishini: DotP	3
Nksk E. De Bruyn	UMphathi weeNkonzo: Ce-I: DotP	1
Mnu E. Peters	UMcebisi woMngcipheko we-ICT: Ce-I: DotP	1
Mnu S. Martin	UMlawuli: UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi: DotP	3

Igama	Isikhundla	Iintlanganiso ezizinyasiwe yo
Mnu S. Mjongile	USekela Mlawuli: UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi: DotP	1
Nksk B. Cebekhulu	USekela Mlawuli: liNkonzo zeNkundla zePhondo: DotP	3
Mnu C. Pieterse	USekela Mlawuli: liNkonzo zeNkundla zePhondo: DotP	2
Nksk P. Thaba	Umlawuli: liNkonzo zeNkundla zePhondo: DotP	1

Imisebenzi engundoqo yeKomiti yoLawulo

IGosa eliNika iNgxelo ngusihlalo weGOVCOM yaye iGosa eliyiNtloko leMali yiNtshatheli yoMngcipheko weSebe. Ekumiliselweni umsebenzi wayo, iGOVCOM yenza imisebenzi elandelayo engundoqo kwisithuba sonyaka:

- Ihlaziya iQhinga le-ERM leSebe kunye nesiCwangciso soMiliselo phambi kwesindululo esenziwa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi kunye nolwamkelo yi-AO;
- Ibeka iliso nokuhlaziya imingcipheko iyibekwe ngamaqela oluhlu lomdla, ihlaziye ze kusetyenziswe ngokufanelekileyo umdla womngcipheko nonyanyezelo olukhokhelwe yiPERMPS lwamkelwa ngaBalawuli abaPhezulu bePhondo;
- Inika ingxelo kwi-AO naluphi na utshintsho kwimbonakalo yomngcipheko weSebe;
- Iqinisekisa imingcipheko yeqhinga lokubekwa kwabemi embindini yeSebe. Oku kubonisa iinzame zeSebe ekulungiseni imiba enikelayo neempembelelo ezinxulumene ngqo kubemi;
- Yamkela yaye iqwalasele umngcipheko wengqiqo kunye nohlobo lweengxelo;
- Ichonga imingcipheko evelayo;
- Ihlaziya imingcipheko engaphaya kwamanqanaba okunyanyezelwa kulungiselelwa izenzo/ingqwalasela engaphezulu;
- Ibeka iliso kumiliselweni lwesiCwangciso soMiliselo loThintelo kuBuqhophololo noRhwaphilizo;
- Ibeka iliso kumiliselweni loMgaqo-nkqubo we-EMR yesebe, kwisiCwangciso seQhinga noMiliselo;
- Livavanye ukusebenza namaqhinga okuthintela ukulungisa imiba ekhoyo, iinqobo ezisesikweni imingcipheko yolwaphulo-mthetho loqoqosho; kunye
- Nokunikezela ngolongamelo kulawulo lweenqobo ezisesikweni kwiSebe.

Imingcipheko engundoqo eqwalaselweyo yalungiswa enyakeni

Imingcipheko engasezantsi ibisebenza kunyaka-mali wonke. Ngoko, ngesithuba sekota yesine iSebe limilisele iQhinga elitsha lokuKhula kulungiselelwa iMisebenzi (G4J). Oku kube nomphumela wokuchongwa kwimingcipheko emitsha, elungelelaniswe neqhinga elitsha. Njengoko le mingcipheko mitsha ichazwe kuphela kwikota yesine, ingeniswe njngemingcipheko evelayo phantsi kwesihloko "Imingcipheko engundoqo evelayo kulungiselelwa unyaka-mali".

- Umngcipheko 1: Uvuselelo olungalungelelananga phakathi kweemarike ezahlukeneyo kunye nezahlulo zemarike ezikumanani abatyeleli basekhaya nabehlabathi. Icandelo lezokhenketho lichatshazelwe kakubi kakhulu ngethuba lobhubhane. Ilinge elingundoqo ngokuphathelelene nokuqwalaselwa kovuselelo kushishino lwezokhenketho libandakanya isiCwangciso soVuselelo loKhenketho kunye neqhinga leminyaka eli-10 yoPhawu loKhenketho nokumiliselwa ngoko. Ukukhuthazwa kovuselelo, sidingeka okokuba sitsale utyalo-mali olutsha, siphuhlise imisebenzi eyongezelela ixabiso, sifune italente entsha, siphembelele inguqu. Kukho isidingo sokulungisa imingcipheko imingcipheko engundoqo emithathu ephathelelene nokhuselo, ukulunga kwesikunikezelayo kunye nolawulo lwendawo yokufikela. Ngasekupheleni konyaka-mali, ukunyuka kwinqanaba lokhenketho kubonise uvuselelo olulungileyo.
- Umngcipheko 2: Ukomelela kombane okunganele (ukhuseleko, ufikeleleko, nokukhutshwa kwekhabhoni) kulungiselelwa ukukhula koqoqosho okunempembelelo kushishino nakubemi bePhondo leNtshona Koloni. Amashishini oMzantsi Afrika kunye namakhaya achatshazelwe ukususela kowama-2007 ngumncipheko owandileyo wokucinywa kombane kuphungulwa usetyenziso lwawo. Iprojekti yokoMelezwa koMbane kaMasipala (MER), eli linge elingundoqo lokulungisa lo mngcipheko, limiselweu, kukhuthaza iiprojekti zombane ohlaziyiweyo lakhe ukhuseleko lombane, ze lidambise amakhaya namashishini kukucinywa kombane kuphungulwa usetyenziso. Iprojekti yeMER isadinga inkxaso-mali kwiminyaka elandelayo ngaphaya konyaka-mali wama-2022/23 ukuze iqhube.

- Umngcipheko 3: Iinzame zeSebe ekulungiseni intswela ngqesho enxulunyaniswe nokunqongophala kwezakhono ihlangabezane nezithintelo zobume bangaphakathi nobangaphandle. Lo mngcipheko uchazwe ngokubanzi kodwa ujongene nemicimbi ethi ithintele iinzame zeSebe ekulungiseni umngcipheko wentswela ngqesho. Imiba ibandakanya ukungahambelani kwezakhono, njengoko i-ikhosistim yezakhono kunye nezifundo zemfundo zingalungelelenanga ngowaneleyo kwiimfuno zoshishino olukhoyo nolwexesha elizayo. Kubekho ukuhla ngokunjalo nokunqongophala kwenkxaso-mali ngaphakathi kwiSebe nakumacandelo karhulumente/nawangasese ukulungiselela amalinge ezakhono. Ilinge elingundoqokukwenziwa kwesicelo senkxaso-mali evela kubanikeli ukuqinisekisa ngento yokuba kukho imithombo eqhubekayo neyahlulayo yenkxaso-mali ukwandisa ukuqesheka kunye namathuba oqeqesho. ISebe liphuhlise ngokunjalo isicwangciso sokusebenza ukwandisa imithombo yenkxaso-mali yokuxhathisa. Ukulungiswa kokungahambelani kwezakhono iSebe likhokhela iintlanganiso zabachaphazelekayo eziqhuba intsebenziswano phakathi kwenfundo yesiseko, imfundo yasemva kokushiya isikolo kunye necandelo langasese ukuqinisekisa ngento yokuba unikezelo lwezakhono lulungelelaniswe neenfuno zoshishino.

Imingcipheko engundoqo evelayo yonyaka-mali olandelayo

Imingcipheko engasezantsi yimingcipheko evelayo echongwe ngokusekwe kukungaqiniseki kumiliselwe lweQhinga leG4J. Le mingcipheko iya kuchaciswa ngesithuba sonyaka-mali olandelayo.

- Ukuhla kutyalo-mali ngenxa yokuba iNtshona Koloni ingeyiyo ingawo yokufikela yotyalo-mali ekhethiweyo ngabatyalimali bengingqi nabelabathi kuluhlu lwamathuba okukhula nokungaphuculwa kobume obuncedayo kunye nothungelwano oluqinileyo lwe-ikhosistim.
- Ukungabinakho ukuvuselela ukukhula koqoqosho kumacandelo achongiweyo (kubandakanywa nokhenketho).
- Abemi abasebenzayo abanekhono nabanoqoqosho abangababga nakho ukufikelela kumathuba oqoqosho nakwingqesho.
- Ukungabinakho kweeSMME ukufikelela kumathuba oqoqosho kunye nenkxaso ukunceda amashishini azo okokuba akhule yaye omelele.
- INtshona Koloni ibonwa/ithatyathwa 'njengedolophu eyintloko ye-Afrika kwitheknoloji, kwimali, kwinguqu nakuyilo'.

Imingcipheko yolawulo

Iimvavanyo zomngcipheko ezenziwa rhoqo zeqhinga nezenkqubo ziqhutyiwe ukumisela ukusenemza kweqhinga lolawulolomngcipheko weSebe nokuchonga imingcipheko emitsha nevelayo ngenxa yeenguqu kubume bangaphakathi kunye/okanye kobangaphandle. Imingcipheko yenkqubo nganye yaxoswa apha enyakeni ze yandlalwa kwiintlanganiso zarhoqo ngekota zeGOVCOM. Abaphathi abaphezulu badineka okokuba banikezele ngempendulo yenkqubela phambili kunye nokumiliselwa kwezicwangciso zokusebenza ukunciphisa ukvela okungakho kwemingcipheko kunye/okanye impembelelo xa kunokuthi ivele. I-GOVCOM ibuyisele umva ngokunjalo imingcipheko kwiinkqubo ezahlukeneyo ekufuneka ihlahlelwe ngokubanzi kakhulu ze kundululwe izithintelo ezangezelelweyo okanye izenzo ukulawula imingcipheko. Abalawuli bathabathela kubo imingcipheko uxanduva lobunini ze basoloko bexoxa imiba yomngcipheko kumaqonga awahlukeneyo njengenxalenye yomsebenzi wabo ngenzame yokuthintela imingcipheko ngendlela ehlangeneyo nenenguqu. UMgaqo-nkqubo we-ERM yeSebe kunye neQhinga uhanjiswa kuwo onke amagosa rhoqo ngonyaka kulungiselelwa onke amanqanaba abasebenzi okokuba ahlale enolwazi kwangaphambili ngokwandiswa okuthe kwangeniswa kunye nendlela yokwendelelisa ulawulo lomngcipheko kulo lonke iSebe. Amathuba olwazi abonisa umngcipheko wohlobo oluthile aqhutyiwe ngokunjalo ukulungiselela ulwabelwanonemiba yokulinganisa ukuze ulawulo lomngcipheko lukhule kwiSebe. Imisebenzi ecalula isicwangciso somiliselwe ibekwa iliso ngokungapheliyo yaye ngamathuba athile kunikwe ingxelo ngayo, ngendlela enye nokunikezelwa yi-APP kubekwa iliso, ukubonwa kwemingcipheko engakho kunye neyantlukwano evela kwimigqalisela nokufezekiswa kweziphumo nokungahanjelwana nezigunyaziso zomthetho nezomgaqo-nkqubo. e and policy mandates.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yoBumbano lwezoQoqosho inikezele ngolongamelo oluzimeleyo lwenkqubo yeSebe yolawulo lomngcipheko. IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanikezelwa ngeengxelo zenkqubela phambili ze-ERM zarhoqo ngekota kunye neerejista zomngcipheko ukulungiselela ukumiliselwa indima yayo ezimeleyo yokongamela.

Ukuqokumbela

Ukumiliselwa kwiziko kolawulo lomngcipheko kwiSebe kwenzeka ngeendlela ezininzi. Ingxoxo igxile ngenjongo kuphuculo yolawulo lomngcipheko kwisithuba samacandelo omngcipheko, iqhinga lophuhliso lomngcipheko nokuqaliswa kweengqikelelo ezifana nesantya somngcipheko. Ingqikelelo yokugqibela yamkelwa liSebe

kwisiseko sokubekwa phambili kwemingcipheko kuqhutyelo phambili ukuya kufezekiso. Ngaphezulu, iyunithi yeSebe yoLawulo loMngcipheko weShishini yandlale amacandelo amabini awongezelelweyo omngcipheko: Ukhuseleko lweSayibha nelokuPhazanyiswa koShishino ngenxa yeenkxalabo ezikhulayo ngokwephondo kuchanatyonye kunye nempembelelo embi yemingcipheko ye-ICT kukunikezelwa kwenkonzo karhulumente.

Nangona imingeni yemvelo evelisw luphuhliso lweqhinga elitsha, ithuba lokuphuhlisa iprofayile ymngcipheko esekwe kwangaxesha linye, kukhulisa umngcipheko kunye neengxoxo zeqhinga. Iya qikelelwa into yokokuba izixhobo zokukhula komngcipheko eziqaliswe kunyaka-mali wama-2022/23 ziyasetyenziswa yaye zendelelisiwe ukuqinisa ulawulo lweSebe lwemingcipheko nokukhusela isigunyaziso salo.

3. UBUQHOPHOLOLO NORHWAPHILIZO

Ubuqhophololo kunye norhwaphilizo zimele imingcipheko ebalulekileyo enokubakho kwimpahla yeSebe kwaye zinganefuthe elingakhiyo ekuzisweni kweenkonzo kakuhle kunye nesidima seSebe.

I-WCG yamkele iQhinga eliChasene noBuqhophololo noRhwaphilizo eliqinisekisa isimo senkcaso ephelileyo yePhondo kubuqhophololo, ubusela norhwaphilizo. Ngokuhambelana neli qhinga iSebe lizibophelele ekubuchaseni ngokupheleleyo ngokuphathelele izenzo zobuqhophololo, zorhwaphilizo okanye nazo naiphi na izenzo zolwaphulo-mthetho, nokokuba zingaphakathi okanye zingaphandle, ze lilandele ngamandla yaye litshutshise ngazo zonke iindlela zomthetho ezifumanekayo, naliphi na iqela elizihlanganise nemikhwa enjalo okanye elizama ukwenza njalo.

ISebe linesiCwangciso sokuThintelwa koBuqhophololo noRhwaphilizo kunye noMiliselo kunye nesiCwangciso esiya kunceda kwisiCwangciso soThintelo.

Imijelo eyahlukeneyo yokuchazwa kwezityholo zobuqhophololo, ubusela kunye norhwaphilizo ikho yaye le ichazwe ngokucalulweyo kwiQhinga lePhondo eliChasene noBuqhophololo noRhwaphilizo, uMgaqo-nkqubo woNtamnani weWCG kunye nesiCwangciso seSebe sokuThintelwa koBuqhophololo noRhwaphilizo. Isityholo ngasinye esifunyenwe yiYunithi yeeNkonzo zeNkundla zePhondo (PFS) siyarekhodwa kwiNkqubo yoLawulo lweTyala esetyenziswa njengesixhobo solawulo ukunika ingxelo ngenkqubela phambili eyenziweyo enxulumene neSebe nokuveliswa kweenkcukacha zamanani ezilungiselelwe iWCG kunye neSebe.

Abasebenzi nabaqeshwa abantamileyo ngezisolo zobuqhophololo, zorhwaphilizo kunye nezobusela bayakhuselwa ukuba ngaba ubhengezo lubhengezo olukhuselweyo (okt., luhlangabezana neemfuno zomthetho noMthetho weziBhengezo eziKhuselweyo, onguNombolo 26 wama-2000 umz., ukuba ngaba isibhengezo senziwe ngenkolo elungileyo). UMgaqo-nkqubo weWCG wokuNtama unikezela ngezikhokhelo kubasebenzi nabaqeshwa ngendlela yokuvakalisa iinkxalabo kunye nabalawuli abafanelekileyo onika kubo ingxelo, abantu abathe ngqo abatyunjweyo kwiWCG okanye amaziko angaphandle, apho banemihlaba efanelekileyo yokukholelwa ekubeni amatyala okanye iimposiso ziqhutyelwe phambili okanye ziqhutyelwa phambili kwiWCG. Iithuba lokuba uhlale ufihlakele liyanikezelwa nakuwuphi na umntu ongathanda ukuxela izenzo zobuqhophololo, zobusela nezorhwaphilizo yaye, ukuba bakwenza oko ubuqu, amagama abo agcinwa eyimfihlo ngumntu lowo banika ingxelo kuye.

Ukuba ngaba, emva kophando, ubuqhophololo, ubusela okanye urhwaphilizo buqinisekisiwe, umsebenzi othabathe inxaxheba kwizenzo ezinjalo ubizelwa kwintlanganiso yoluleko. Ummeli weWCG oqalisa ngeenkqubo zoluleko udingeka okokuba anike isindululo sokugxothwa kumsebenzi lowo uchaphazelekayo. Apho ubungqina *busekwe kuluvo lokuqala* bendlela yokuziphatha yolwaphulo-mthetho buboniweyo, umcimbi wolwaphulo-mthetho uchazwa kwiNkonzo yamaPolisa yoMzantsi Afrika.

Kunyaka ophantsi kovavanyo, iPFS ikhuphe isiQinisekiso seNdlela yokuqhuba kweTyala ukulungiselela iSebe okokuba liqaphele okulandelayo:

Amatyala	Inani lamtyala
Amatyala avulekileyo ngomhla woku-1 kuTshazimpuzi 2022	0
Amatyal amatsha (2022/23)	0
Amatyala avaliweyo (2022/23)	(0)
Amatyala avulekileyo ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2023	0

4. UKUNCITSHISWA KOMNGCIPHEKO WEDOLO

Umba ongundoqo kulawulo lwequmrhu kukulawulwa ngokufanelekileyo komngcipheko wedolo. ISebe likuthatha oku njengommandla obalulekileyo ekugxilwe kuko kuLawulo lweSixokelelwano soNikezelo kunye nazo zonke iiNtlawulo eziKhutshelweyo. Ukulandela oku nokufezekiswa kwengxelo yedolo yaye ngoko nokuthintelwa, iSebe kunyaka-mali wama-2020/21 lisigxininisile isimo sayo ngokuhambelana nemisebenzi yokunikezelwa kwenkonzo esesikweni nokuqinisekiswa koku kulandelayo:

- Onke amalungu ekomiti yokungeniswa kwamaxabiao yesebe asayina isibhengezo somdla kulungiselelwa ungeniso ngalunye lwamaxabiso yaye kwimeko apho kukho ungquzulwano, amalungu afanelekileyo acelwa ashiye intlanganiso. Esi sibhengezo sithintela ngokunjalo nayiphi na imiba enekhono lokuba yimfihlo enokuthi ivele.
- Abanikezeli badingeka okokuba bazalise uxwebhu oluyiWCBD 4, olubadinga okokuba babhengeze nawaphi na amalungu osapho abandakakanyekayo kwinkqubo yokuthengwa kwempahla okanye yengqesho kwiSebe. Ingcaciso ekwi-WCBD 4 iqinisekiswa liSebe phambi kokuhlolwa koluhlu lwamaxabiso okanye ikowuti.
- Izibhengezo zomdla zizaliswa ngabo bonke abasebenzi abamema iikowuti kulungiselelwa ukuthengwa kwempahla ebiza ngaphantsi kwe-R10 000.
- Izibhengezo zomdla zizaliswa ngabo bonke abasebenzi abakhuphela iintlawulo kubaxhamli.
- Ukuqinisekiswa kwamagosa eSCM kunye nabalawuli abaphezulu.
- Ukuqinisekiswa kwendlela yokuziphatha kwabafake amaxabiso kuthelekiswa nerejista yabasileleyo kunye nesizinda seenkukacha zolwazi zabanikezeli abathintelweyo.

Ngaphezulu, kwisithuba esiphantsi kovavanyo, iSebe liqinisekise ngohambelwano lwe-100% lweMithetho yeNkonzo kaRhulumente (2001), echaza into yokuba bonke abasebenzi abatyunjweyo kwinkonzo karhulumente, kufuneka babhengeze iinkcukacha zomdla wabo wemali rhoqo ngonyaka kuGunyaziwe weSigqeba ofanelekileyo.

5. UMGAQO WOKUZIPHATHA

Umgqaqo wokuziphatha olungiselelwe uLawulo lweSixokelelwano soNikezelo (SCM) waphuhlisa ukuqinisekisa okokuba amagosa eSCM aqalisa ngoxanduva lokuthembeka xa beqhuba imisebenzi yabo eqhelekileyo. Onke amagosa olawulo lwesixokelelwano sonikezelo asayina umgqaqo wokuziphatha xa beqala ukusebenza narhoqo ngonyaka emva kwangoko. Okuqulathwe kumgqaqo wokuziphatha kuxoxwa ngokucalulwa negosa ngalinye ukwenzela ukuba bazi uhlobo lobungozi boxwebhu.

Ukwenzela ukukhuthaza umgangatho weenqobo ezisesikweni zobuchule kwindawo yokusebenza, iSebe liqinisekie ngentoyokuba onke amalungu abasebenzi amatsha kufuneka azimase inkqubo yokumiselwa esikhundleni, elungisa uMgqaqo wokuZiphatha nokukhuthaza abasebenzi okokuba bacinge zebaziphathe ngokusesikweni.

6. UKHUSELO LWEMPILO NEMIBA YENDALO

Ngokuhambelana necandelo 8(1) loMthetho weMpilo noKhuselo eNgqeshweni, nawuphi na umqeshi uya uya kunikezela yaye alolonge ubume bokusebenza okukhuselekileyo yaye okungenamngcipheko kwimpilo yabasebenzi babo, unoMphathi ozimiseleyo woKhuselo, iKomiti yoKhuselo, kunye neKomiti yeMpilo noKhuselo eNgqeshweni kulungiselelwa iSebe.

Inani lamasebe akwiWaldorf Building, elithi iSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho lisebenze njengesebe elikhokhelayo kwimiba yempilo nokhuselo. Iintlanganiso zeKomiti yeMpilo noKhuselo eNgqeshweni (OHSC) zibanjwa ngethuba lonyaka ukuxoxa nokubeka iliso kwimicimbi yohambelwano lwempilo nokhuselo ethi iphembelele abasebenzi kwisakhiwo.

ISebe liqinisekisa ngento yokuba bonke abameli abatsha be-OHS baqeqeshwe ngokwaneleyo kwiindima zabo abaqeshwe kuzo.

ISebe libambe imithambo emibini eyimpumelelo yokukhutshwa kwabantu kwisakhiwo ngesithuba sonyaka ekunikwa ngawo ingxelo, yaye ingxelo isetyenziselwa ukwazisa iNtloko yeSebe nangayiphi na imimandla yomngcipheko edinga ukulungiswa.

7. IIKOMITI ZEMICIMBI YESEBE

Ngesithuba sokunikwa kwengxelo iSebe linikezele ngengcebiso kwiintlanganiso ezilandelayo zeKomiti eSigxina yeMali, amaThuba oQoqosho noKhenketho:

Umhla	Imicimbi ephakanyisiweyo	Impendulo yeDEDAT
28 KweyoMsintsi 2022	<p>1. Izindululo:</p> <p>1.1 Abathunywa bandulule okokuba iSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho kufuneka linconywe ngeenzame zalo zokugcina iinkqubo zeSMME zisebenza, ingakumbi ngethuba lobhubhane weCOVID-19, elibe nomphumela weProjekti i-Ou Meule Corridor Municipal Booster; yaye</p> <p>1.2 Abathunywa bandulule okokuba iSebe licamngce ngokunceda iSMME ngokusetyenziswa kweNgxowa-mali yayo yokuPhembelela ukunika ingqwalasela kukucinywa kombane kuphungulwa umthwalo wosetyenziso.</p> <p>2. Abathunywa bacele okokuba iSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho libanikezele ingcaciso elandelayo:</p> <p>2.1 Ingxelo yothethwano yeSebe kunye neentlanganiso neSixeko saseKapa ukulungiselela ukunceda amashishini ekufumaneni amaphepha-mvume oshishino olungeho sikweni</p> <p>2.2 Ingxelo, kunye nokucalulwa kwenkxaso-mali ethe yasetyenziswa liSebe kwiProjekti i-Ou Meule Corridor Booster ngokunjalo nezinye iiProjekti zokuPhembelela ezithe zamiliselwa eNtshona Koloni, kuncanyatheliswe amaxesha amiselelweyo kuzo zonke iiprojekti ezahlukeneyo, kubandakanywa iiprojekti eziseza kuqaliswa kule minyaka-mali mibini izayo;</p> <p>2.3 Ingxelo ebonisa ukucalulwa kwenkxaso-mali yezigidi ezingama-R20 echithwe kwiiprojekti ngokuphathelele kweNgxowa-mali yeMpembelelo yeSMME yeminyaka-mali emibini edlulileyo, kubandakanywa uluhlu lwazo zonke iiprojekti ezithe zaxhaswa ngemali nento yokuba ingaba la mashishini asasebenza na okanye ingaba avaliwe na;</p> <p>2.4 Ukufundakwisingqi kummandla weLesedi Square ukususela komiliselu lwesithuba soshishino; kunye</p> <p>2.5 Ingxelo ngenkxaso enikezelweyo ukubandakanya la mashishini kwiinkqubo zentlawulo engeyiyo imali ezinkozo.</p> <p>3. Abathunywa bacele ngaphezulu okokuba uMasipala waseCape Agulhsa unikezele ngoluhlu lwabanini bamashishini (kunye namagama amashishini) abaqeshisi ngeekhonteyina kwiLesedi Square nento yokuba ingaba abanini bamashishini ingaba bahlala kummandla kamasipala okanye hayi.</p>	Izigqibo ezingeniswe kwikomiti

Umhla	Imicimbi ephakanyisiweyo	Impendulo yeDEDAT
19 kweyeDwarha 2022	<p>IKomiti ICELE okokuba:</p> <p>5.2.1 I-Wesgro inikezela kwiKomiti ngexelo ebonisa uhlangahlengiso ethe yalwenza ukulungiselela okokuba zibuyele kwimbono yophicotho-zincwadi olungenaziphene kunyaka-mali olandelayo;</p> <p>5.2.2 ISebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho linikezele iKomiti ngexelo ngendima yayo ngokunjalo nendima yeCandelo loLawulo-mali lePhondo ngokuhambelana yolongamelo lwabanezabelo kumaqumrhu afana neWesgro ngokuphathelele kumsebenzi;</p> <p>5.2.3 ISebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho lilandele kunye noMnu M Mbiko kwimiba ephakanyiswe ngethuba leengxoxo zeNgxelo zoNyaka; kunye</p> <p>5.2.4 NeFreeport Saldanha IDZ iphendule kuMnu P Bester kwimiba ephakanyiswe ngethuba leengxoxo zeNgxelo yoNyaka.</p>	Izigqibo ezingeniswe kwikomiti
9 kweyeNkanga 2022	<p>IKomiti icele okulandelayo:</p> <p>Ingxelo evela kwiSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho kunye neWesgro ngendima eliyidlalayo kwinkomfa nakumaziko omsitho (efana neCTCC) ekuyileni ipakethe zokhenketho kulungiselelwa abantu abazimasa iinkomfa ukulungiselela okokuba babe nakho ukukhenketha eminye imimandla yePhondo; nendlela eliqinisekisa ngayo okokuba amashishini amancinane ayabonelelwa kukhenketho.</p>	Izigqibo ezingeniswe kwikomiti

8. IZIGQIBO ZESCOPA

INombolo yesiGqibo.	Isihloko	IiNkcukacha	Impendulo yeSebe (Ewe/Hayi)	Isonjululwe
16.3.1	I-DEDAT: IKomiti ikuqaphele okufunyenwe luphicotho-zincwadi lweWesgro ngokuhambelana nokufunyanwa kwembono yophicotho-zincwadi olungenaziphene kunyaka-mali wama-2021/22.	Okokuba iSebe linike ingxelo iKomiti yee-Akhawunti zikaRhulumente ngomsebenzi walo wolongamelo kwiQumrhu, ngokunjalo nenkxaso ethe yanikezelwa ngesithuba sonyaka-mali wama-2021/22, ebe nesiphumo sokuba iQumrhu lifumane imbono yophicotho-zincwadi engenaziphene.	Iya kushedyulwa yiKomiti yee-Akhawunti zikaRhulumente. Umhla wale ngxelo useza kwaziswa.	Hayi
25.3.1.	INgxelo yoNyaka yeWesgro: IKomiti iqaphele okufunyenwe kuphicotho-zincwadi lweWesgro ngokuhambelana nokufumana imbono yophicotho-zincwadi engenaziphene kunyaka-mali wama-2021/22.	Okokuba iQumrhu linike ingxelo kwiKomiti ngezicwangciso zokusebenzi kwalo kunye nengqinisekiso ngendlela elithintela ngayo uphindo lwesesho sexesha elizayo sesiphumo sophicotho-zincwadi esingenaziphene.	Iya kushedyulwa yiKomiti yee-Akhawunti zikaRhulumente. Umhla wale ngxelo useza kwaziswa.	Hayi

26.3.1	I-ASEZ: IKomiti iqaphele ukuqulunqwa koGunyaziwe oNika iNgxelo weBhodi ngokuhambelana nothungelwano lwabachaphazelekayo boluntu.	Okokuba iQumrhu linike ingxelo kwiKomiti ngonxibelelwano kunye nenqanaba lothungelwano lwabachaphazelekayo boluntunendlela oluchaphazela ngayo iinjongo zalo lokunikezela inkonzo, kubandakanywa ixabiso lemali ngokuhmbelana nenkcitho kumba wayo wama-R301,458.	Iya kushedyulwa yiKomiti yee-Akhawunti zikaRhulumente. Umhla wale ngxelo useza kwaziswa.	Hayi
--------	--	---	--	------

9. IINGUQULELO PHAMBI KWIINGXELO ZOPHICOTHU-ZINCWADI

Azikho.

10. IYUNITHI YOLAWULO LWANGAPHAKATHI

IYunithi yoLawulo lwaNgaphakathi ngumsebenzi omiliselwa ngaphakathi othi usebenze kwiCandelo eliyiNtloko: loLawulo lweMali. Rhoqo ngonyaka, iyunithi ilungisa isicwangciso sokusebena esisekwe kumngcipheko esiyilelwe ukuqinisekisa ngobume bolawulo olulungileyo. Imisebenzi yeyunithi ibandakanya iinkonzo zangaphakathi zengqinisekiso, ulawulo, ubuqhophololo nelahleko.

Kolu yilo oluhlangeneyo lwengqinisekiso, iYunithi yoLawulo lwaNgaphakathi linqanaba lesibini lengqinisekiso, oluzimeleyo olungekho phantsi ngqo kolawulo yaye iphathiswe ngethemba lokuhlola uhambelwano nemigaqo-nkqubo kunye neenkqubo, izithethe nemigangatho, kunye/okanye izicwangciso-nkqubo, kubandakanywa nokunikezelwa kovavanyo ngokubanzi lombutho. Iyunithi yolawulo lwangaphakathi izalisekisa indima yokubeka iliso njengoko iyunithi ivavanya okokuba ulawulo kwinqanaba labaphathi lengqinisekiso luyilwe ngokufanelekileyo, yaye lukho, yaye luyasebenza ngohlobo ekuxhitywe ngalo.

Icandelo leyunithi yoLawulo ibonelela kwiqhinga lomthengi lolawulo lwemali ngohlobo lolawulo lomngcipheko, ukuthintelwa kobuqhophololo norhwaphilizo, ulawulo lwemali, unxibelelwano, nemisebenzi yophando. Okuhambelana noku kokugqibela, iyunithi iqinisekisa ngenkqubo yokulawula ukungathobeli kunye nokuba nxaanye nomthetho wezemali. IsiCwangciso sokuSebenza soLawulo lwaNgaphakathi siyilelwe ukuqinisekisa okunxaanye nomthetho kuya chongwa yaye kuyaphandwa ngokusetyenziswa kophicotho-zincwadi okuthi kuncede ngaphezulu uphuculo lolawulo nokhuseleko lobume bolawulo bangaphakathi beSebe. Iyunithi imilisela ngokunjalo ulawulo lwemiphumela ngendlela yothethwano nabalawuli ukulungiselela ukulungisa okokuba kuqhutywe.

Icandelo leyunithi leNgqinisekiso liqhube ngempumelelo uhlolo lohambelwano nomthetho nolwemali kwimimandla yomngcipheko engundoqo ekuLawulo lweMali. Iyunithi ibonelela ngengqinisekiso engaphezulu kwiiNgxelo zeMali zeThutyana nezoNyaka. Ngothelwano neenkqubo zokunikezelwa kwenkonzo, iCandelo leYunithi libe luncedo kulwakhiwo kwesakhelo solawulo esilingiselelwe iiprojekti ezininzi. Oku kubandakanya intsebenziswano kunye nabaphathi beeprojekti ngokuphathelele kucwangciso, ukuphuhlisa kwemigangatho yeenkqubo ezisebenzayo, uphando lwemarike, isikhokhelo kwisimemo sezindululo, kukuqhutywa kweemvavanyo zangaphambili, ukuthatyathwa kwexaxheba yikomiti yengxowa-mali kulungiselelwa ukutyelelwa kwendawo ngabaxhamli.

Endaweni yeqhinga lenkonzo yomthengi weCandelo eliyiNtloko, iYunithi kunye neyunithi yoLawulo lweSixokelelwano soNikezelo zancedile ngokunjalo kwiqumrhu likarhulumente leSebe (Wesgro) ngeqhinga lokuguqulwa kwesimo, elijolise ekuphuculeni iziphumo zalo zophicotho-zincwadi nokulungiselelwa ukugcinwa kwengqikelelo yoluntu kunye nengqinisekiso yomtyali-mali.

Icandelo leYunithi linoxanduva ngokunjalo lananikezeli bengqinisekiso bangaphandle abangaba, uPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi kunye noMphicothi-zincwadi Jikelele. Lo msebenzi uzalisekise ngokwaneleyo ngokuba umnikezeli wengqinisekiso ngamnye uluqhube ngempumelelo uphicotho-zincwadi lwabo.

11. UPHICOTHO-ZINCWADI LWANGAPHAKATHI KUNYE NEEKOMITI ZOPHICOTHO-ZINCWADI

UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi lubonelela ulawulo ngeenkonzo ezizimeleyo, ngengqinisekiso engakheth'icala nezengcebiso eziyilelwe ukwangezelela ixabiso nophuculo oluqhubekayo lwemisebenzi yeSebe. Kufuneka luncede iSebe okokuba lufezekise iinjongo zalo ngokuzisa indlela ecwangcileyo, enocwangco ukuvavanya nokuphucula ukusebenza kakuhle koLawulo, ukuLawulwa koMngcipheko neenkqubo zokuPhatha. Imisebenzi engundoqo elandelayo iyaqhutywa kule meko:

- Ukuhlolwa nokwenziwa kwezindululo ezifanelekileyo zokuphuculwa kweenkqubo zolawulo ezufezekisweni kweenjongo zeSebe;
- Ukuvavanywa kokwanela nokusebenza kakuhle nokunikela kuphuculo lwenkqubo yolawulo lomngcipheko; kunye
- Nokunceda iGosa eliNika iNgxelo ekugcineni ulawulo olufanelekileyo nolusebenzayo ngokuvavanywa kolo lawulo ukumisela ukusebenza kakuhle kwalo nokufaneleka, yaye ngokuphuhlisa kwezindululo kulungiselelwa ukwandiswa okanye ukuphuculwa.

Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi ogqitywe kunyaka ophantsi kovavanyo weSebe ubandakanya iintlanganiso ezintandathu zenginisekiso. Iinkcukacha zezintlanganiso zibandakanywe kwingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi isekwe njengequmrhu lokongamela, elinikezela ngolongamelo oluzimeleyo kulawulo, kulawulo lomngciphekokunye neenkqubo zokuphatha kwiSebe, okubandakanya ukongamelo noxanduva oluphathelele:

- Kumsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi;
- Kumsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphandle (UMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika – AGSA);
- KuBalo-mali lweSebe nokuNikwa kweNgxelo;
- KwiMigaqo-nkqubo yokuNikwa kweNgxelo yeSebe;
- Kukuphuhlisa koLawulo lwe-AGSA neNgxelo yoPhicotho-zincwadi;
- Kukuphuhlisa kokuBekwa kweLiso eNyakeni kweSebe;
- KuLawulo loMngcipheko lweSebe;
- KuLawulo lwaNgaphakathi;
- KwiiNjongo eziMiselwe kwaNgaphambili; kunye
- KuPhando lweNqobo eziSesikweni nezeNkundla.

Itheyibhile engasezantsi ibhengeza ingcaciso efanelekileyo kumalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi: The

Igama	Iziqinisekiso	Ngaphakathi okanye ngaphandle	Ukuba ungaphakathi, isikhundla kwisebe	Umhla wokuQeshwa	Umhla wokuRhoxa	Inani leeNtlanganiso ezizinyas iweyo
Mnu Comfort Bunting (Chairperson)	ND: UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi MBA	Ngaphandle	N/A	1 kweyoMqungu 2022 (IKota yoku-1)	N/A	7
Nksk Annelise Cilliers	CA(SA) Honours B.Compt; CTA (UNISA) B.Compt (UNISA)	Ngaphandle	N/A	1 kweyoMqungu 2022 (IKota yesi-2)	N/A	7
Nksk Lynne Tromp	CA(SA) MBA	Ngaphandle	N/A	1 kweyoMqungu 2022 (IKota yoku-1)	N/A	7
Mnu Tsepo Lesihla	ND: IT Master of Technology in IT	Ngaphandle	N/A	1 kweyoMqungu 2022 (IKota yoku-1)	N/A	6

12. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI

Sichulumancile kukwandlala ingxelo yethu elungiselelwe unyaka-mali ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2023.

UXanduva kweKomiti yoPhicotho-zincwadi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inike ingxelo yokuba ihambelane kunye noxanduva lwayo oluvela kwiCandelo 38(1)(a)(ii) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (PFMA) kunye neMithetho yeSizwe yeCandelo loLawulo-mali 3.1. IKomiti yoPhicotho-zincwadi inike ingxelo ngokunjalo okokuba yamkele iMigaqo yokuKhangela esesikweni efanelekileyo yaye ilawule imicimbi yayo ngokuhambelana nale Migaqo yaye imilisele lonke uxanduva lwayo njengoko kuqulathiwe apha.

UkuSebenza kakuhle koLawulo lwaNgaphakathi

ISebe lidingeka okokuba liphuhlise ze ligcine iinkqubo zolawulo lwangaphakathi eziya kuphucula ukufezekisa okungathi kubekho kweenjongo zalo, ukuziqhelanisa neenguqu elisebenza kubo kokukhuthazwa kokufaneleka nokusebenza kakuhle kwemisebenzi, ukuxhaswa kokunikwa kwengxelo okuthembekileyo nohambelwano kunye nemigaqo kunye nemithetho. I-WCG yamkele isiCwangciso-nkqubo seNgqinisekiso eHlanganisiweyo echonga yaye ehlanganisa ingqinisekiso yabanikezeli nesetyenziselwa iinjongo zocwangciso. Inqanaba lokuqala lengqinisekiso yingqinisekiso yolawulo, edinga ulawulo ekunikwa ingxelo kulo okokuba lugcine ulawulo olusebenzayo lwangaphakathi nokumiliselwa kwezo nkqubo imihla ngemihla ngokusetyenziswa kolawulo lokongamela nokuthatyathwa kwemisebenzi yoxabangelo apho kudingekayo. Inqanaba lesibini lengqinisekiso yingqinisekiso yangaphakathi enikezelwa yimisebenzi eyahlukeneyo nolawulo ngqo ekunikwa kulo ingxelo, liphathiswe ngentembo yokuvavanya uhambelwano nemigaqo-nkqubo, neenkqubo, nezithethe, nemigangatho kunye nezicwangciso-nkqubo. Inqanaba lesithathu lengqinisekiso lixhomekeke kubanikezeli bengqinisekiso abazimeleyo abakhokhelwa yimigangatho yobuchule edinga amanqanaba aphezulu okuzimela.

IsiCwangciso seNgqinisekiso esiHlanganisiweyo esisekwe kumngcipheko saphuhliselwa iSebe, siququzelelwa luPhicotho-zincwadi luPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi, olungumnikezeli ozimeleyo wengqinisekiso ngokunjalo. UPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi oluhlola lunikezela iKomiti yoPhicotho-zincwadi kunye noLawulo ngengqinisekiso efanelekileyo yokokuba ulawulo lwangaphakathi lwanele yaye luyasebenza. Oku kufezekiswe sisicwangciso esivunyiweyo sophicotho-zincwadi lwangaphakathi olusekwe kumngcipheko, uPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi oluhlola ukwanela kolawulo lokuthintela imingcipheko kunye nomilisele lokubekwa kweliso yiKomiti yoPhicotho-zincwadi kwezenzo zolungiso.

Iintlanganiso ezilandelayo zophicotho-zincwadi lwangaphakathi zaphunyezwa yikomiti yophicotho-zincwadi ze zaqakunjelwa luphicotho-zincwadi lwangaphakathi ngethuba lonyaka ophantsi kovavanyo:

Iintlanganiso zeNgqinisekiso

- INkqubo yoPhuhliso lweZakhono;
- UVavanyo lweYunithi yoLawulo lwaNgaphakathi;
- Iintlawulo eziKhutshelweyo;
- ULawulo lwe-ICT;
- UQoqosho oluLuhlaza – UMbane; kunye
- Nokwanela koMilisele lwePOPIA (Uphicotho-zincwadi olunqamlezileyo).

Isicwangciso sophicotho-zincwadi lwangaphakathi isigqityiwe esilungiselelwe unyaka. Imimandla yophuculo, njengoko kuqatshelwe luphicotho-zincwadi lwangaphakathi ngethuba lokwenziwa komsebenzi walo, yavunywa ngabalawuli. IKomiti yoPhicotho-zincwadi iqhubile ukubeka iliso kwizenzo rhoqo ngekota.

ULawulo lwaseNyakeni neNgxelo yarhoqo ngeNyanga/ngeKota

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanelisekile kokuqulathiweyo nokulunga kolawulo lwasenyakeni kunye neengxelo zokusebenza ezikhutshwe kwisithuba sonyaka ophantsi kovavanyo liGosa eliNika iNgxelo leSebe ngokuhambelana neMithetho yeSizwe yeCandelo loLawulo-mali kunye noMthetho weCandelo leNgeniso.

UkuVavanywa kweeNgxelo zeMali

IKomiti yoPhicotho-zincwadi:

- izivavanyile iingxelo zeMali zoNyaka eziPhicothiweyo okokuba zibandakanywe kwiNgxelo yoNyaka;
- iyivavanyile iNgxelo yoLawulo lwe-AGSA kunye nokusabela koLawulo ngoko; yaye
- izivavanyile iinguqu kwimigaqo-nkqubo yobalo-mali kunye nemisebenzi njengoku kunikwe ingxelo kwiiNgxelo zoNyaka zeMali.

UHambelwano

IKomiti yoPhicotho-zincwadi izivavanyile iinkqubo zeSebe kulungiselelwa uhambelwano nezibonelelo zomthetho nezilawulayo. Iingcango kwizibonelelo ezitsha ezithe zanempembelelo kwiSebe zinikezelwa rhoqo ngekota kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi.

IiNkonzo zePhondo zeNkundla

IKomiti yoPhicotho-zincwadi izivavanyile iingxelo ezandlalwe ziNkonzo zeNkundla zePhondo rhoqo ngekota. Akubangakho miba eziswe kwingqwalasela yethu edinga ukunikwa kwengxelo okungaphezulu yiKomiti yoPhicotho-zincwadi.

INGcaciso yoMsebenzi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyivavanyile ingcaciso ngeenjongo ezimiswe kwangaphambili njengoko kunikwe ir kwiNgxelo yoNyaka.

INGxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika

IKomiti yoPhicotho-zincwadi isivavanyile rhoqo ngekota isicwangciso somliselo lweSebe kulungiselelwa imiba yophicotho-zincwadi ephakanyiswe kunyaka ongaphambili. has on a quarterly basis reviewed the Department's implementation plan for audit issues raised in the prior year. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlangene ne-AGSA ukuqinisekisa ngento yokuba akukho miba ingasonjululwanga evela kuphicotho-zincwadi olulawulayo. Izenzo zolungiso kokufunyenweyo okucalulweyo okuphakanyiswe yi-AGSA kubekwa iliso yiKomiti yoPhicotho-zincwadi rhoqo ngekota.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyavumelana yaye iyayamkela imbono ye-AGSA ngokuphathelele kwiiNgxelo zoNyaka zeMali yaye indulula okokuba ezi Ngxelo zoNyaka zeMali mazamkelwe yaye zifundwe kunye nengxelo yazo.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi incoma iSebe ngokugcina imbono yophicotho-zincwadi engenaziphene yaye ithanda ukwenza umbulelo kuBalawuli beSebe, uMphicothi-zincwadi Jikelele kunye neSebe leNgqinisekiso leQumrhu loRhulumente weNtshona Koloni ngentsebenziswano yabo nenkxaso.



Mnu Comfort Bunting
USihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi woBumbano
IwezoQoqosho

Umhla: 13 kweyeSilimela 2023

13. INGCACISO YOKUSEBENZA YOHAMBELWANO NE-B-BBEE

Ingaba iSebe / iQumru likaRhulumente lisebenzise nawuphi na uMgaqo wokuSebenza oLungileyo (amaNqanaba esiQinisekiso seB-BBEE 1-8) ngokuphathelele kokulandelayo:

Inqobo zokukhetha	Impendulo Ewe/Hayi	Discussion (kubandakanywa ingxoxo kwimpendulo yakho nokubonisa okokuba ngawaphi amanyathelo athe athatyathwa ukuhambelana nomthetho)
<p>Ukumiselwa kweenqobo zokufaneleka kulungiselelwa ukukhutshwa kwamaphepha-mvume, ukuvunyelwa okanye olunye ugunyaziso ngokuphathelele kumsebenzi wezoqoqosho ngokuhambelana nawuphi na umthetho?</p>	<p>N/A</p>	<ol style="list-style-type: none"> 1. IMimiselo yokuThengwa kweMpahla okuKhetiweyo, 2022 (PPR 2022) yaqulunqwa ngomhla wesi-4 kweyeNkanga 2022 kunye nomhla wokusetyenziswa kwayo we-16 kweyoMqungu 2023. 2. Ikhabinethi yamkele iqhinga lethutyana leWCG kusetyenziswa iCabinet Minute 544 yowama-2022, ekuqapheleni okokuba amasebe karhulumente anakho ukuphuhlisa imigaqo-nkqubo yawo yokuthengwa kwempahla okukhethekileyo ngokwemiqathango yeCandelo5 lePPPFA, yaye ekuboneleleni ngesikhokhelo sesigqeba kwinkqubela phambili yeWCG ukusabela kwiPPR 2022: <ol style="list-style-type: none"> i. Ukulungiselela ukuqinisekisa ngozinzo kwinkqubo ekhoyo yokuthengwa kwempahla emva komhla we-16 kweyoMqungu 2023, iWCG iya kuqhubeka okwethutyana isebenzisa iinjongo zokuthengwa kwempahla okukhethekileyo okucamngcwe kwicandelo 2 (1)(d) le PPPFA nento yokuba ikhadi leskoro elifanelekileyo leB-BBEE kufuneka lamkelwe njengobungqina obuxhasayo bokubanga amanqaku okukhetha, de imiyalelo efanelekileyo yomgaqo-nkqubo wesigqeba kunye novavanyo lobuchule lube luqunjelwe; ii. Uvavanyo lobuchule kufuneka luqhutywe, kwinkqubo ekhoyo yokuthengwa kwempahla ekuchazeni indlela ebheka phambili esemthethweni kwiPhondo ejolise kwixabiso lemali, ulungiso olufanelekileyo nokulungiswa kwenkqubo ekhoyo yokuthengwa kwempahla emva kwexesha, incedwa yimiyalelo yomgaqo-nkqubo evela kwisigqeba; iii. Ikhabinethi isoloko izigcina isazi ngalo naluphi na uphuhliso nenkqubela phambili kumaphepha obume novavanyo. Oku kufuneka kubandakanye uphuhliso kwimigaqo-nkqubo yokuthengwa kwempahla kamasipala ngokunjalo neendlela kokuqulathiweyo kwengingqi nokwenziwa ibe yeyendawo. 3. INkqubo yeGosa eliNika iNgxelo yesebe yahlaziywa ngokuhambelana nemiqathango ehlaziyiweyo yeqhinga lethutyana leWCG ukunceda imithetho yokuthengwa kwempahla okukhethekileyo.
<p>Ukuphuhliswa nokumiliselwa komgaqo-nkqubo wokuthenga okukhethekileyo?</p>	<p>Ewe</p>	
<p>Ukumisela kwiinqobo zokukhethwa kweziqinisekiso kulungiselelwa ukuthengiswa kwamashishini omnini wawo ingurhulumente?</p>	<p>Hayi</p>	

Ukuphuhliswa kweenqobo zokukhethwa kulungiselelwa ukungena kuthelwano necandelo langasese?	Hayi	
Ukumisela kwiinqobo zokunikezelwa kwenkuthazo, iminikelo kunye nezikimu zotyalo-mali kuxhaswa ukuXhotyiswa ngokuBanzi ngoQoqosho okuSekwe kwaBantsundu?	Hayi	







icandelo

D

ULAWULO LWEZABASEB ENZI

1. INTSHAYELELO

Ukukwazi kwethu ukwenza igalelo elisebenzayo kumsebenzi kaRhulumente weNtshona Koloni (WCG) sisiphumo esithe ngqo zeenzame ezizingisileyo nezisoloko zizincama zabantu abakwiSebe.

Ubume bexesha langoku bolawulo lwabantu lwenze utshintsho olubalulekileyo kwiminyaka yakutshanje, olwenziwa mandundu kukuqala kweCOVID-19, kunyanzeleke ukuba kuhanjwe ngendlela entsonkothileyo ngezinto ezahlukeneyo ezikhuphisanayo. Le miba ayidityaniswa nje kuphela kodwa ikwaxhomekeke kwimithetho nemigaqo engqongqo, ethi ibe nemingeni xa kuphunyezwa amalinge okutsala nokugcina italente.

Eminye yale mingeni iquka ulungelelwaniso phakathi kwezinto ezifunekayo zonikezelo lwenkonzo, ukutsala kunye nokugcina izakhono ezibalulekileyo nezinqabileyo, ukuxhobisa abasebenzi, ukulawula uphuhliso lwekhondo lomsebenzi, ucwangciso lokungena ezihlangwini, ukukhuthaza ulingano kwezengqesho, nokudala imeko evumela ukukhula kwabasebenzi nokufezekiswa. Ngaphaya koko, iSebe lisebenza phantsi kohlahlo lwabiwo-mali olunqongopheleyo, lifuna ukuba abaphathi bathathele ingqalelo ifuthe lokuphumeza ngakumbi ngezibonelelo ezinqongopheleyo.

Ngaphandle kweepateni eziguqakayo kunye neemfuno ezinefuthe kwindawo yokusebenza yale mihla, abasebenzi bethu abazinikeleyo baye babonakalisa ukuzinikela kwabo okungagungqiyo, okubangele impumelelo kunye nophuculo olubonakalayo ekunikezelweni kweenkonzo kulo nyaka uphononongwayo.

2. IMEKO YOLAWULO LWABANTU KWISEBE

2.1 Imiba ePhambili yoCwangciso lwaBasebenzi beSebe

- Indima yoCwangciso lwaBasebenzi ibalulekile ukuqinisekisa ukuba iSebe linenani elifunekayo labantu abanezakhono eziyimfuneko, ulwazi kunye neengcinga zokuwenza lo msebenzi. Ngale nkqubo iSebe minyaka le livavanya iprofayili yabasebenzi lithalekisa neemfuno zangoku nezexesha elizayo.
- Injongo yolu vavanyo kukuchonga ukuba iprofayili yangoku yabasebenzi ijongana kangakanani nabantu abaphambili iziphumo zolawulo eziya kuqinisekisa ukuqhubeka kwenkonzo kunye nexabiso.
- UCwangciso lwaBasebenzi 2021 - 2026 ke ngoko luhambelana nombono kunye nenjongo yesiCwangciso soBuchule seSebe.
- Iingqikelelo ekwaphuhlisa ngazo esi siCwangciso soMsebenzi zisasebenza kwaye isiCwangciso sokuSebenza sahlaziywa ukuze kuqinisekiswa ukuba amaqhinga (ngokwezinto eziphambili ezidwelisiweyo) aya kuziphumeza iziphumo zawo:
 - Ukuchongwa nokuphuhlisa kwesakhono sombutho esifunekayo;
 - Iinqobo ezisemgangathweni kunye noBuchule obusekwe kubuchule bokuqesha (okubandakanya ukubakho kweSicelo seintanethi kunye nenkqubo yokuHlola ukuze kuphuculwe iindlela zokugaya nokutsala abagqatswa abafanelekileyo abakwixesha elizayo kunye nenkcubeko-ehambelanayo;
 - Ukwahluka kwentlobo yetalente;
 - Uphuhliso lwetalente nophuhliso lwezakhono kubasebenzi abakwizakhono ezitsha ezisakhasayo (umzekelo, ubuchule be4IR Meta/ izakhono ezisebenzayo kunye nezobuchwephesha kunye nezakhono zokuziphatha ezifuneka ngamandla ukuxhasa umbutho wexa elizayo);
 - Ukubeka phambili ungenelelo loqeqesho ukujongana noBuchule obuBalulekileyo kwiSebe kunye neemfuno zesiCwangciso soPhuhliso lweMisebenzi (CDP).
 - Ukuphuhlisa nokusetyenziswa kweFuture Fit Skills Strategy (FFSS);
 - Iinkqubo zophuhliso lolutsha zokuncedisa ekudaleni amathuba etalente (imisebenzi yexeshana);
 - Uhlengahlengiso lweZiko loQeqesho lePhondo (PTI) libe liziko lokufunda nelokuyila lephondo;
 - Izinto eziphambili ngoBulungisa kwezeNgqesho (EE) njengoko zibonisiwe kwisiCwangciso se-EE sesebe ukukhokela kwizigqibo zokuQeshwa nokuKhetha zeSebe;
 - Ukubonelela ngongenelelo lweMpilo neMpilontle /iinkonzo zokuxhasa intlalo-ntle yabasebenzi; kwaye
 - Ukuphuhlisa nokuphumeza inguqulelo kwindlela eNtsha yokuSebenza/iprojekthi yenkcubeko egxile kubemi

1.1 ULawulo lweNtsebenzo yaBasebenzi

Injongo yoLawulo lokuSebenza kukwandisa umsebenzi ngokukhuthaza ukuzibophelela komntu ngamnye, ukuphendula nokukhuthazwa.

Bonke abasebenzi kufuneka bagqibezele isivumelwano sentsebenzo phambi komhla wama31 kuCanzibe kunyaka ngamnye. Isivumelwano ngokwenyani sisivumelwano phakathi komqeshi nomqeshwa esiqulethe iiprojekthi, iinkqubo, imisebenzi, okulindelweyo kunye nemigangatho yonikezelo olufunekayo. Ukwenzela ukuba kube lula inkqubo yolawulo ekumgangatho ofanayo, uRhulumente weNtshona Koloni uqulunqe inkqubo yekhompyutha, eyiPERMIS (Inkqubo yoLwazi lokuSebenza), evumela ukuba yonke inkqubo yolawulo lwentsebenzo ifakwe ekhompyutheni, ibekwe esweni ize ilawulwe.

Inkqubo yolawulo lwentsebenzo ifuna ukuba kwenziwe uphononongo lwaphakathi enyakeni kunye novavanyo lonyaka, kodwa oko kujoliswe kuko nokusebenza okunxulumene nesivumelwano sokwenziwa komsebenzi kubekwe iliso kwaye kuchazwe ngokuqhubekayo. Kwiimeko apho iithagethi okanye ulindelweyo lwentsebenzo lungafikelelwanga, izikhewu ziyasonjululwa ngolawulo lwentsebenzo ekumgangatho ophantsi. Kulo mxholo, iyunithi yokubonisana ngokusebenza iye yasekwa kwiSebe leNkulumbuso (iCandelo loMlawuli oyiNtloko: liNdlela zokuSebenza zoLawulo lwaBantu) ukunceda abaphathi bamacandelo (abaphathi babantu) ukujongana nokusebenza kakubi. Le nkqubo iyaphuhla, nangona kunjalo, kwiimeko apho abantu baye bachongwa njengabasebenzi abahlwempuzekileyo ngokwenkqubo-sikhokelo yomthetho, kufuneka bazithobe kwisicwangciso sophuhliso okanye kuthathwe amanyathelo oluleko.

1.2 Impilontle yabaSebenzi

INKQUBO enqamlezileyo yeWCG yeMpilo yabaSebenzi kunye neMpilontle (EHW) ilandela indlela epheleleyo yokuphila kwabasebenzi kwaye iyathintelwa kakhulu ngokwendalo, ibonelela ngeenkonziso eziphambili neziphakathi.

Inkqubo yeEHW ibekwe iliso kwiSebe ngeengxelo zokusetyenziswa kwenyanga kwiinkonziso eziphambili (24/7/365 inkonziso yokucetyiswa ngomnxeba, inkonziso yeintanethi ye-e-Care kunye nokunika ingxelo) kunye neenkonziso eziphakathi (ingcebiso ubuso ngobuso, umonzakalo kunye neziganeko ezibalulekileyo, uqeqesho. kunye nongenelelo olujolisiweyo, uqeqesho lolawulo, ubhengezo).

